IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

2

Ikota 4

INcwadi kaTitshala

Funda Wande
Reading for Meaning

2

Ikota 4

IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

INcwadi kaTitshala

Isivumo

Inkqubo edityanisiweyo yoLwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi yaphuhliswa liqela lakwaFunda Wande ngokubonisana nabantu abavela kumacandelo ekharityhulam eSebe leMfundo eNtshona Koloni, eLimpopo naseMpuma Koloni, izifundiswa nabafundisintsapho abasuka kwiiyunivesithi ezininzi nootitshala abasenkonzweni.

Ukuphuhliswa kwezi ncwadi kwenzeke ngenxa yenkxasomali ye-Allan Grey Orbis Foundation Endowment, iFEM Education Foundation, iMichael & Susan Dell Foundation, kunye neZenex Foundation.

Illustrators

Many thanks to Anja Stoeckigt for her contribution to the primary illustrations found in this book.

Cover: **Anja Stoeckigt**

Other illustrations provided by: **Patrick Latimer**: pp. 31 and 43; **Rassie Erasmus**: p. 57; **Alex Latimer**: p. 67; **Crazy Cat**: p. 79; **Jiggs Snaddon-Wood**: p. 103.

Other illustrations in thumbnails provided by: Patrick Latimer, Crazy Cat, Nelri Malan, Alex Latimer, Jiggs Snaddon-Wood, Creative House and Rassie Erasmus.

Photo credits

Funda Wande Media Team: all photos taken in schools and classrooms; Page 67 (map on phone); **WikiCommons**: Page 20: **Picasa** (Table Mountain Cable Car); Page 32 & 36: **David Stanley** (rock art), Page 92: **James St. John** (reflective cat eyes); Page 108: **kunjan detroja** (Hindu wedding); **Shutterstock**: Page 20: **Volodymyr Burdiak** (Big 5); iStock: Page 20: **HomoCosmicos** (Soweto Towers); Page 12: **FrankRamspott** (map of South Africa); Page 20: **LaylaBird** (happy woman); Page 24: **ManoAfrica** (Union Buildings); Page 36: **Maica** (quill cursive writing); Page 60: **Ig0rZh** (sunset); Page 84: **Kim Marriott** (spotted eagle owl); Page 20: **South African National Government** (Coat of Arms); **NASA**: Page 60 (moon); Page 68 (International Space Station); Page 68: **ESA/Hubble** (stars); Page 96: **Vincent van Gogh** (Starry Night).

Photo credits for isiXhosa sounds:

WikiCommons: Derek Keats (brown-hooded kingfisher, golden-breasted bunting and narina tragon), **Bernard DUPONT** (ground hornbill, red-faced mousebird, red locust, Cape dikkop and Cape Willow tree), **Lon&Queta** (raised store hut), gailhampshire (frost), **Paul-andre Calatayud** (stalk-borer), **Gregory "Slobirdr" Smith** (honeysucker bird), **Anton Croos** (fantail grass warbler), **DickDaniels** (bully seed eater).

www.fundawande.org

ISBN: 978-1-991225-27-6

Version 2: 2024

Nabani na uvumelekile **ukwabelana** (ukukhuphela kunye nokusasaza kwakhona imathiriyeli kuyo nayiphi na indlela okanye ifomathi) okanye **ulungelelanise** (uphinde wakhe okanye uguqule kwakhona ngokweenjongo onazo.) unike iikhredithi ngoluhlobo:
Funda Wande, IsiXhosa ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi, INcwadi kaTitshala, IBanga 2, Ikota 4, CC BY 4.0.

Awunakongeza miqathango okanye uguqule milinganiselo ethintela abanye ngokusemthethweni ekwenzeni nantoni na eneemvume ngokwelayisenisi.

Fumana iinkcukacha: https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/

Isiqulatho

Ii-ayikhoni nezishunqulelo iv

Isicwangciso sezixhobo zakwaFunda Wande

INcwadi kaTitshala: Emakufundiswe 1

IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa: Indlela yokufundisa 1

INcwadi Yomfundi Yomsebenzi neNcwadi eNkulu: Omawukufundise 1

Isicwangciso seKota yesi-4 2

Isicwangciso seveki 4

ImiSebenzi yezemiThambo: Ikota yesi-4 5

Iveki yoku-1 UMzantsi Afrika, ikhaya lethu elikhethekileyo 6

Iveki yesi-2 UMzantsi Afrika, ikhaya lethu elikhethekileyo 8

Iveki yesi-3 Ukugcina unxibelelwano 30

Iveki yesi-4 Ukugcina unxibelelwano 42

Iveki yesi-5 Kwenzeka ntoni ebusuku? 54

Iveki yesi-6 Kwenzeka ntoni ebusuku? 66

Iveki yesi-7 Izilwanyana zasebusuku 78

Iveki yesi-8 Izilwanyana zasebusuku 190

Iveki yesi-9 Amaxesha akhethekileyo nosapho 102

Iveki ye-10 Ukudityaniswa kunye nohlaziyo 115

ISICWANGCISO SOHLOLO LWEKOTA YESI-4 116

Irubhrikhi netsheklisti yohlolo yoLwimi lwaseKhaya neLitheresi

UkuPhulaphula nokuThetha 117

Izandi 118

UkuFunda neNgqiqo 119

UkuBhala ngeSandla 120

Ukubhala 121

Iirubhrikhi neetsheklisti zohlolo zezaKhono zoBomi

ZB nePN 122

EzobuGcisa (obuBonwayo) 123

EzobuGcisa (beQonga) 124

EzemiThambo 125

Amaphepha afotokotshwayo ohlolo 126

Ii-ayikhoni nezishunqulelo

ULwimi lwaseKhaya	
	UkuFunda ngokuVakalayo/ UkuPhulaphula nokuThetha
	Ukufunda
	Izandi
	Ukubhala
	UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTishala
	UkuBhala ngeSandla nomSebenzi Owenza Wedwa
	UkuJonga unike iNgxelo LK neZB

IzaKhono zoBomi	
	UkuziPhatha
	ULwazi olusisiSeko nokuziPhatha neNtlalo
	EzobuGcisa beQonga
	EzemiThambo

Ii-ayikhoni ezisetyenziswayo kwiNYY		
		
Bhala	Faka imbala okanye zoba	Sika

Ushunqulelo olusetyenzisiweyo

IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa – KNF
INcwadi kaTitshala – NT
INcwadi Yomsebenzi Yomfundi – NYY
UkuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala – FQNT
UkuziPhatha neNtlalo – PN
ULwazi olusisiSeko – LS
ULwimi lwaseKhaya – LK
UkuFunda ngabaBini – FB
UmSebenzi Owenza Wenza – SOW
Iincwadi zemisebenzi zeRainbow – DBE

Isicwangciso sezixhobo zakwaFunda Wande

Inkqubo yakwaFunda Wande idibanisa uLwazi lokuFunda nokuBhala uLwimi lwaseKhaya kunye nezaKhono zoBomi zabafundi bamaBanga 1–3 ezisekelwe kwikharityhulam kaCAPS. Ngokulandela le nkqubo, abafundi baza kufunda ukufunda nokubhala kwaye baphuhlise uLwazi olusisiSeko, izakhono nesigama. Konke oku kuza kubalungiselela ibanga eliphezulu kunye nezinye izifundo zolwini.

INcwadi kaTitshala: Emakufundiswe

Kukho iNcwadi kaTitshala yekota nganye kuwo onke amabanga esiGaba esisiSeko. Sisalathiso semihla-ngemihla sootitshala abaxakekileyo, ukubanceda ngesicwangciso sabo, ulandelelwano nohlolo. INcwadi kaTitshala ibonisa umxholo wesifundo ngasinye – omawukufundise kwaye ngoluphi ulandelelano. Isicwangciso seveki nesicwangciso sekota nazo zinikiwe. INcwadi kaTitshala (NT) ikwanika **nangemiSebenzi yoHlolo** ecetyisiweyo ekupheleni kweNT nganye. Izifundo nemisebenzi yohlolo zisekelwe, kwaye ziquka yonke ikharityhulam kaCAPS.

IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa: Indlela yokufundisa

IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa (KNF) esahlukileyo, esongezelelweyo sinika nezikhokelo malunga nezinto zesiqhelo zokwenza izinto, iingcebiso ngendlela yokufundisa uhlobo lwesifundiso ngasinye kwinkqubo kaFunda Wande. Singasetyenziswa ekuqaleni kwekota nganye ngexesha lokuqeqesha okanye elokucwangcisa kwaye naninina, ukujonga ukuba uwalandela ngokuchanekileyo namanyathelo esifundo kwaye usisebenzisa ngokupheleleyo na isifundo. **NgeMivulo kwiNcwadi kaTitshala siphawula amaphepha athile kwiKNF axhasa ukufundisa isifundo seveki.**

Kuhlobo ngalunye lwesifundo, IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa (KNF) sichaza:

1. **injongo** yolu hlobo lwesifundo: kutheni sifundisa ezi zifundo nje
2. **inkqubela** yoluhlobo lwesifundo: indlela yokwenza izinto nesicatshulwa esinikiweyo kwinkqubo siqhubela phambili kuwo omathathu amabanga ukuqinisekisa ukuba abafundi bafumana izakhono nolwazi oluthe kratya
3. **indlela yokufundisa:** indlela yokufundisa isifundo, ngendlela ecacileyo, ulandelelwano ngenyathelo ngalinye; injongo yenyathelo ngalinye kwaye nawuphina umahluko phakathi kwamabanga omathathu ucacisiwe
4. **ukwahlula**: ukumelana nabafundi abakumanqanaba ahlukileyo kolu hlobo lwesifundo
5. **uHlolo olungekho seSikweni**: indlela yokusebenzisa olu hlobo lwesifundo ukuhlola inkqubo yemihla ngemihla yabafundi
6. **uHlolo oluseSikweni**: indlela esesikweni yokuhlola izakhono nolwazi olufundisiweyo kolu hlobo lwesifundo kwikota nganye, esekelwe kwikharityhulam kaCAPS

IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa (KNF) yincwadi yesalathiso elungiselelwe bonke ooTitshala besiGaba esisiSeko, iBanga 1–3, ukuba bayisebenzise kunye neNT.

INcwadi Yomfundi Yomsebenzi neNcwadi eNkulu: Omawukufundise

INcwadi Yomfundi Yomsebenzi (NNY) inamaphepha esetyenziswa ngabafundi ngexesha lesifundo. Amaphepha abekwe ngendlela enye nemisebenzi ekwiNT. Abafundi baza kugqibezela eminye imisebenzi ebhalwayo kwiNNY kodwa bagqibezela uninzi lwemisebenzi ebhalwayo kwincwadi yokubhala.

INcwadi eNkulu yenzelwe ukuba isetywenziswe xa abafundi behleli emethini ngesifundo sokuFunda noTitshala nesezaKhono zoBomi. Zikhona kwiikota zonke zeBanga loku-1 nakwikota yoku-1 neyesi-2 kwiBanga lesi-2. Amamphepha **eNcwadi eNkulu (NN)** akhona nakwi**Ncwadi Yomfundi Yomsebenzi (NNY)**.

Isicwangciso seKota yesi-4

Iveki	Umxholo	Ibali eliFundwa ngokuVakalayo	Ibali eliFundwa nguTitshala	Izandi	UkuFunda ngeNgqiqo	
1	UMzantsi Afrika, ikhaya lethu elikhethekileyo	Ilizwe lonke jikelele	Ilizwe lonke jikelele	khw; ii; nkw; oo (uhlaziyo)		
2	UMzantsi Afrika, ikhaya lethu elikhethekileyo	Ibali loMhobe weSizwe waseMzantsi Afrika	Ilizwe lonke jikelele	ntl; nkq	Gqibezela imibuzo yokukhetha impendulo echanekileyo neyetekisi eyongezelelweyo *ngebali, Ilizwe lonke jikelele*	
3	Ukugcina unxibelelwano	Imbali yokubhala	Imbali yokubhala	ndw; qhw		
4	Ukugcina unxibelelwano	UJennilee noZane, amaqhawe ayimfihlo	Imbali yokubhala	ngcw; ngx	Ukukhetha impendulo echanekileyo nemibuzo yolandelelwano – *Nika imiyalelo*	
5	Kwenzeka ntoni ebusuku?	Iphupha likaSipho	Iphupha likaSipho	nts; ntsh		
6	Kwenzeka ntoni ebusuku?	UNgalindi indoda eyinyanga	Iphupha likaSipho	ndl; mp	Ukukhetha imibuzo echanekileyo nemibuzo yetekisi – *Iphupha likaSipho*	
7	Izilwanyana zasebusuku	Ibali lesikhova	Ibali lesikhova	ngq; mv		
8	Izilwanyana zasebusuku	Indlela incanda eyazifumana ngayo iintsiba	Ibali lesikhova	ngw; ngc	Ukukhetha impendulo echanekileyo nemibuzo ngetekisi – *Ulwazi oluyinyani malunga neencanda*	
9	Amaxesha akhethekileyo nosapho	UDora intombazana yeentyatyambo	UDora intombazana yeentyatyambo	qhw; ntl; ndw; tyh Uhlaziyo	Imibuzo yokukhetha impendulo echanekileyo – *UDora intombazana yeentyatyambo*	
10	Ukudityaniswa kunye nohlaziyo					

	Ukwakhiwa kolwimi	Ukubhala	IzaKhono zoBomi itekisi yolwazi	ULwazi olusisiSeko noPN	EzobuGcisa	EzemiThambo
	Jonga IsiKhokelo seNdlela yokuFundisa kwiphepha 20–21 ukuze ufumane izakhiwo zolwimi emazifundiswe kule kota. Fundisa ngexesha lezifundo zokuFunda noTitshatala nokuBhala.	UkuBhala noTitshala: nokuBhala Yedwa Ipowusta: Iphondo lam Ubuchule bokubhala: Iindaba	Masifunde ngoMzantsi Afrika	UMzantsi Afrika ukhethekile ngoba ... Umbongo malunga nelizwe lethu	EzobuGcisa obuBonwayo: Imephu yeRaibow Nation, apho unqwenela ukutyelela khona eMzantsi Afrika EzemiThambo: Imidaniso yesintu	Utitshala ukhetha imisebenzi emine yeveki
		UkuBhala noTitshala nokuBhala Yedwa: Yenza intengiso Iindaba	Intengiso yokutyelela uMzantsi Afrika	Iiflegi zaseAfrika	EzobuGcisa obuBonwayo: Yenza iflegi yeklasi EzobuGcisa beQonga: Cula uMhobe weSizwe	Utitshala ukhetha imisebenzi emine yeveki
		UkuBhala noTitshala nokuBhala Yedwa: Ileta Iindaba	Bhala njengomJiphutha waMandulo	Imiyalezo eyimfihlo Amagubu athethayo	EzobuGcisa obuBonwayo: Yenza ifeni yamaTshayina EzobuGcisa beQonga: Ukunxibelelana ngaphandle kwamagama	Utitshala ukhetha imisebenzi emine yeveki
		UkuBhala noTitshala nokuBhala Yedwa: Umbongo we-Akhrostikhi Iindaba	Ukunika imiyalelo ecacileyo	Ukuqonda ngaphandle kwamagama Imiyalelo	EzobuGcisa obuBonwayo: Umfanekiso wemo yomoya EzobuGcisa beQonga: Ukudlala indawo esebalini lokuFunda noTitshala	Utitshala ukhetha imisebenzi emine yeveki
		UkuBhala noTitshala nokuBhala Yedwa: Iresiphi Iindaba	Ukwenza isonka	Umfuniselo wegwele Iminqweno namaphupha	EzobuGcisa obuBonwayo: Yenza ingqayi yamaphupha EzobuGcisa beQonga: Cula ingoma	Utitshala ukhetha imisebenzi emine yeveki
		UkuBhala noTitshala nokuBhala Yedwa: Iphupha lam Iindaba	Isibhakabhaka entla kwethu	Kukho ntoni esibhakabhakeni sasebusuku? Ixesha lokulala	EzobuGcisa obuBonwayo: Umzobo omnyama namhlophe EzobuGcisa beQonga: Ukuculela phezulu nasezantsi	Utitshala ukhetha imisebenzi emine yeveki
		UkuBhala noTitshala nokuBhala Yedwa: Imihlathi emi-2 emalunga nezidalwa zasebusuku Iindaba	Izidalwa zasebusuku	Okubanzi malunga nezidalwa zasebusuku Emini okanye ebusuku?	EzobuGcisa obuBonwayo: Umzobo wekhrayoni EzobuGcisa beQonga: Ukushukumela umculo	Imisebenzi emine yeveki
		UkuBhala noTitshala nokuBhala Yedwa: Intsomi engezilwanyana Iindaba	Ukubona ebumnyameni	Amehlo Ulwazi oluyinyani malunga neencanda	EzobuGcisa obuBonwayo: Yenza incanda EzobuGcisa beQonga: Cengceleza umbongo	Utitshala ukhetha imisebenzi emine yeveki
		UkuBhala noTitshala nokuBhala Yedwa: Umbhalo ozikhethele wona	Phanda ngeminyhadala	Iminyhadala ekhethekileyo Phinda ujonge imixholo yalo nyaka	EzobuGcisa obuBonwayo: Oonopopi EzobuGcisa beQonga: Ukubonisa oonopopi – Imitshato	Utitshala ukhetha imisebenzi emine yeveki
	Ukudityaniswa kunye nohlaziyo					

Isicwangciso seVeki

Utshintsho kwisicwangciso esihlaziyiweyo luphawulwe ngombala obomvu. Xa usebenzisa isicwangciso esihlaziyiweyo, lungisa isicwangciso sesifundo ngolu hlobo:

- Dibanisa izifundo ezimbini zobuGcisa obuBonwayo ibesisifundo esinye okanye uyeke isifundo esinye.
- Dibanisa izifundo ezimbini zobuGcisa beQonga ibesisifundo esinye okanye uyeke isifundo esinye.
- KwezemiThambo, qhubekeka usebenza ngezitishi zemisebenzi ezine, kodwa utshintshantshintshe abafundi kweziveki zimbini.
- Xa amaQela oFQNT enziwe (iveki yesi-5), izifundo ezifakelweyo zoFQNT zingasetyenziswa ukuphinda imisebenzi kwaye ukomeleza izakhono ezifundisiweyo evekini.

IBANGA LESI-2 (ULWIMI LWASEKHAYA)					
	Mvulo	**Lwesibini**	**Lwesithathu**	**Lwesine**	**Lwesihlanu**
IZIBALO* **85 imiz x iintsuku ezi-4 + 55 imiz x usuku olu-1 / 96 imiz x iintsuku esi-5 kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo**					
ULWAZI OLUSISISEKO NEPN					
15 imiz	UkuPhulaphula nokuThetha (LS) (Ukufunda ngokuvakalayo)	I-Oral (LSPN) UkuziPhatha *(kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: Asenziwa isifundo)*	I-Oral (LSPN) Ndicinga, ndiziva … *(kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: Asenziwa isifundo)*	I-Oral (LSPN) Ingoma/ isicengcelezo *(kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: Asenziwa isifundo)*	I-Orali (LS) (Ingxoxo ngophando)
15 imiz	LS (isifundo esigxile kwitekisi)	LS (umsebenzi)	LS (uphando)	LSPN (Umsebenzi)	Umsebenzi woLS (Uphando lokubhala) *(kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: Asenziwa isifundo ngokugqibezela umsebenzi ngexesha elongezelelweyo loFQNT)*
UKUFUNDA NOKUBHALA					
15 imiz	Izandi (Isandi-nobumba esitsha)	Izandi (Umsebenzi)	Izandi (izandi-nobumba)	Izandi (Umsebenzi)	Izandi (Ubizelo/Ukufunda amagama ubalelwa ixesha)
15 imiz	Ukufunda (Nabanye)	Ukufunda (Ukwakha isivakalisi)	Ukufunda (Namaqela nayedwa)	Ukufunda	
15 imiz	Ukubhala (Iindaba)	Ukufunda nabanye	Ukubhala yedwa	Ukuhlela / Ukufunda ngengqiqo	Ukubhala yedwa
10 imiz	Intshayelelo yokuBhala ngeSandla nomSebenzi Owenza Wedwa				
30 imiz	Imisebenzi yoFQNT / nomSebenzi Owenza Wedwa	Imisebenzi yoFQNT / nomSebenzi Owenza Wedwa	Imisebenzi yoFQNT / nomSebenzi Owenza Wedwa	Imisebenzi yoFQNT / nomSebenzi Owenza Wedwa	Imisebenzi yoFQNT / nomSebenzi Owenza Wedwa
15 imiz					UkuJonga unike iNgxelo
25 imiz	EFAL*	EFAL*	EFAL*	EFAL*	EFAL*
30 imiz *(35 imiz ngexesha elonge-zelelweyo)*	EFAL*	EFAL*	EFAL*	EFAL*	EFAL*
30 imiz	EzobuGsisa obuBonwayo:	EzobuGsisa obuBonwayo: *(kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: yenza uFQNT nomsebenzi abawenza bodwa wakwaDBE)*	UbuGcisa beQonga	UbuGcisa beQonga *(kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: yenza umsebenzi owongezelelweyo woFQNT nomSebenzi Owenza Wedwa)*	
30 imiz	**EzemiThambo** (Intshayelelo) *(kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: yenza uFQNT nomsebenzi abawenza bodwa wakwaDBE)*	**EzemiThambo** (Izitishi zemisebenzi)	**EzemiThambo** (Izitishi zemisebenzi) *(kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: yenza uFQNT nomsebenzi abawenza bodwa wakwaDBE)*	**EzemiThambo** (Izitishi zemisebenzi)	**EzemiThambo** (Izitishi zemisebenzi) *(kwisiCwangciso esiHlaziyiweyo: yenza uFQNT noPhando lokubhala)*

*Akuqukwanga kolu Cwangciso lwesifundo

Imisebenzi yezititshi zemisebenzi yezemiThambo: IBanga lesi-2

Khetha imisebenzi emine ngeveki, engqale kwizakhono ezahlekileyo.

QAPHELA: Imisebenzi yokuqubha ibandakanyiwe kule kota. Nokuba isikolo sakho sisenokungabinalo iqula lokuqubha, ungakwazi ukulinganisa le misebenzi usebenzisa ii-emele zamanzi okanye ukwenza abafundi benze iintshukumo zohlobo lokuqubha ngemizimba yabo. Hlala ukhumbula ukhuseleko. Ukuphuhlisa ukhuseleko lwamanzi sisakhono esibalulekileyo sobomi.

Intshukumo zamalungu omzimba
• Tsibela phezulu; hamba ngokugxanya; hamba ngokushiya izithuba ezincinci phakathi kwenyawo; tsiba, ngcileza. • Ezembaleki – ukubaleka ngesantya esiphezulu • Ezembaleki – ukubaleka irileyi.
Ukuqonda iintshukumo
• Ukudlala ngokukhululekileyo nexesha lokulinga iindlela ezahlukileyo zokusebenzisa ingxowana zeenkozo. • Imidlalo yokuqonda ilandela ipatheni – ukubeka izinto ngolandelelwano oluchanekileyo, oko kukuthi, ukubaleka nokubeka iziphawuli kwiindawo ebezibekwe kuzo ngaphambili, usebenzisa ulandelelwano olululo. • Oonotsheluza abanezenzi ezahlukileyo – xhuma, baleka, tsiba, ngcileza, hlala, hamba, yima. • Imidlalo yentenetya neqakamba okanye eminye imidlalo ekubethwa ibhola kuyo.
Isingqi
• Ujingi oyiliweyo usebenzisa ukubamba ngaphezulu. • Ukusebenzisa ukubamba, ukujinga kwintonga exwesileyo. • Ukunyuka nokwehla kwizitepsi okanye iindlela zokuxhathisa – amatyeli ali-10. • Ukuqubha, ukuziqhelanisa nokukuphefumla usebenzisa ii-emele zamanzi.
Icala
• Ngezangqa phosa ibhola ngasekunene nangasekhohlo ngokwendlela yokuhamba kosiba lwewotshi. • Ukushukumisa icala lomzimba ngokuthi uphose ibhola ecaleni njengakumdlalo webhola yombhoxo. • Ukuzolulela phezulu nasemacaleni.
Ukuxhathisa
• Ukuxhathisa ngomlenze omnye. • Ukuxhathisa uhamba phezu kwentambo, iplanga (xhathisa ngomlenze omnye, iingalo zixwesile). • Ezembaleki – imisebenzi yokulungiselela ukutsiba umtsi omde. • Ezembaleki – imisebenzi yokulungiselela ukutsiba umtsi ophakamileyo/ophezulu.
Ukusebenzisana kwamalungu
• Ukwakha isangqa ubalekela ngasekunene nangasekhohlo ngokwendlela yokuhamba kosiba lwewotshi. • Imithambo yokuqubha – ngqengqa ngomqolo ukhabe imilenze. • imithambo yokuqubha – ngqengqa ngesisu. • Imithambo yokuqubha – khaba imilenze, uze ushukumise iingalo xa uqubha.
Iindidi zemidlalo
• Dlala imidlalo eyahlukileyo. • Iqakamba yabantwana. • Imithambo yokuqubha – ukuziqhelanisa nokuphefumla. Ziqhelanise nokuvuthela amaqamza ngesitro emanzini. • Abafundi bafaka ubuso emanzini, baze bavuthele amaqamza.
Ukuziqhelanisa nesithuba
• Ukulandela imiyalelo yomlomo, umz. ‘Hamba uthathe amanyathelo esi-6 ukuya phambili, amanyathelo ali-10 usiya emva kunye nama-3 usiya ngasekhohlo,’ njl. • Ukutsiba-tsiba kwindawo yokudlala uwedwa nakunye neqabane.

UMzantsi Afrika, ikhaya lethu elikhethekileyo

AMALUNGISELELO

Oonotsheluza

ukwenza ngathi (ukuzenzisa) | ukuba nomdla | ubuhle bendalo | iziko lolondolozo lwembali | mandulo

Umcwe wesivakalisi

Masenze ngathi sithatha uhambo olujikeleza uMzantsi Afrika.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

1. UkuFunda ngaBabini NYY iphepha 16
2. UkuBhala ngeSandla 1 Ss Ff
3. UkuBhala ngeSandla 2 Umkhwetha ubone umkhwepha ugcwele iimbovane.
4. UkuBhala ngeSandla 3 Ntshona Koloni, Freystata, Gauteng, Mpumalanga, Mntla Ntshona
5. DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha 12
6. DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha 61
7. DBE izaKhono zoBomi iphepha 35
8. Isichazi-magama
   ukwenza ngathi (ukuzenzisa) ukuba nomdla
   ubuhle bendalo iziko lolondolozo lwembali mandulo

IZIXHOBO ZOKWENZA UMSEBENZI

- Imephu yaseMzantsi Afrika yokuFunda ngokuVakalayo
- Ipeyinti, iikhrayoni, iphepha
- Izixhobo ezifunekayo ukwenza imisebenzi yezemiThambo



Ilizwe lonke jikelele



Ukuba besinokutyelela iphondo ngalinye laseMzantsi Afrika, zeziphi izinto ezinika umdla esinokuzibona?

Makhe sibenomfanekiso-ngqondweni siqala eNtshona Koloni. Isemazantsi elizwe, kwaye yaziwa **ngobuhle bendalo**. Enye yeendawo ezidumileyo yiNtaba yeTafile, eseKapa. Singafunda nangembali yoMzantsi Afrika ngokutyelela iRobben Island. Phambi kowe-1990, **amabanjwa ezopolitiko** ayegcinwa kwesi siqithi. Namhlanje siliziko lolondolozo lwembali.

EMntla Koloni, enye indawo edume kakhulu esinokuyityelela ngumNgxuma omKhulu, oseKimberley. Kwiminyaka eli-150 eyadlulayo, kwafunyanwa idayimani eKimberley. Abantu beza bevela kulo lonke ihlabathi baqalisa ukugrumba iidayimani. Kwathatha iminyaka engama-40 ukuyigrumba yonke. Ngoku sekusele umngxuma omkhulu, oneziko lolondolozo lwembali eliwujikelezileyo.

UMntla Ntshona ukwimpuma yoMntla Koloni. enye yeendawo ezintle zokutyelela lidama laseHartbeespoort elakhiwa ngowe-1896, elidume kakhulu ngeeholide. Ungadlala imidlalo enjengokutyibiliza emanzini ngeplanga kunye nesithuthuthu sasemanzini.

ELimpopo kukho indawo ebizwa ngokuba yiMapungubwe, apho singafunda ngabantu ababehlala eMzantsi Afrika kwiminyaka eli-1 000 eyadlulayo. Kule mihla sibona **amabhodlo** ambalwa kuphela kuyo. Eyona nto idumileyo eyafunyanwa kula mabhodlo ngumkhombe wegolide okwiziko lolondolozo lwembali ngoku.

EMpumalanga ungatyelela iKruger National Park, eyona paki yezilwanyana zasendle enkulu eMzantsi Afrika. Le paki ineentlobo ngeentlobo zezilwanyana ezili-147, ziquka ezo zaziwa ngokuba zezona zinkulu ezintlanu (ingonyama, ingwe, indlovu, inyathi, umkhombe) kunye nezinye izilwanyana.

IGauteng lelona phondo lincinci kodwa linabona bantu baninzi. Imiphongolo yamanzi yaseSoweto yayi sisikhululo sombane ngaphambili. Sathi sakuvalwa isikhululo sombane, umzobi wapeyinta imifanekiso emikhulu kuyo. Ungadlala umdlalo wokutsiba ukusuka enkcochoyini ukuya emgangathweni obizwa nge*bungee jump*.

IFreystata ingqongwe ngokupheleleyo ngamanye amaphondo. Kwimpuma yeFreystata ungatyelela iGolden Gate National Park. Iintaba zenziwe ngelityei-*sandstone* kwaye zibengezela njengegolide elangeni.

IKwaZulu-Natal ikunxweme olusempuma yoMzantsi Afrika kwaye ineelwandle ezintle. Kufuphi naseHowick kukho umfanekiso oqingqiweyo okhethekileyo kaNelson Mandela.

IMpuma Koloni inembali eninzi enika umdla. Uninzi lwabemi boMzantsi Afrika abadumileyo bazalelwa eMpuma Koloni. Kukho neendawo ezininzi zobuhle bendalo kwaneelwandle ezizindawo zokuphumla.

ISIGAMA

ubuhle bendalo – izinto ezintle ezidaliweyo ezingenziwanga ngumntu

amabhodlo – izakhiwo ezindala kakhulu, eziye zawa, kwaye unokubona apho bezime khona kuphela

amabanjwa ezopolitiko – abantu abavalelwa entolongweni kuba bengavumelani norhulumente welo xesha

MVULO

UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO

Ilizwe lonke jikelele

NT iph. 7
15 imiz

Phambi kokufunda
- Cela abafundi babize amaphondo oMzantsi Afrika.

Ukufunda
- Funda ibali ngokuvakalayo uze ubuze imibuzo.
- Babonise amaphondo asebalini kwimephu.

Emva kokufunda
- Mangaphi amaphondo akhoyo eMzantsi Afrika?
- Zeziphi iindawo ebalini onqwenela ukuzityelela? Ngoba?
- Ucinga ukuba kungathatha ixesha elingakanani ukutyelela zonke ezindawo zisebalini? Ungayenza lonto ngosuku olunye?

ULWAZI OLUSISISEKO

Masifunde ngoMzantsi Afrika

iph. 8
15 imiz



ULwazi lwangaPhambili
- Wakhe wayibona iMbasa yeSizwe yaseMzantsi Afrika (Coat of Arms)?
- Funda ngayo kwincwadi yakho yomsebenzi yeZakhono zoBomi kwiphepha lama-39.

Ulwazi olutsha
- Ipowusta malunga noMzantsi Afrika inika ulwazi ngamanqaku amafutshane nemifanekiso.
- Ulwazi malunga: namaphondo, amakomkhulu kunye nezinye izixeko ezibalulekileyo, iilwimi, into esiyivelisayo, imozulu.
- Xoxani ngeelwimi ezilishumi elinanye ezisemthethweni zaseMzantsi Afrika. Vumela abafundi bakuncede uzidwelise.

Fundela abafundi iphepha, uphinde ufunde nabo

IZANDI

Isandi u-khw no-ii

iph. 9
15 imiz

KNF iph. 8–13

Yazisa izandi
- Mamela uze ubize izandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anezi zandi
- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini
- Fundani amalungu namagama.

Bhala
- Bhala amagama emifanekiso.

Funda isivakalisi

UKUFUNDA

Ilizwe lonke jikelele

iph. 2–7
15 imiz

Ukuthetha ngomfanekiso
- Yintoni oyibonayo kumfanekiso ngamnye?

Funda ibali lonke kunye nabafundi
- Abafundi bakhomba amagama ngeminwe yabo.

Ingqiqo
- Kwiphepha lesi-3, khomba igama elisixelela ukuba abantu bayazi malunga neNtaba yeTafile.
- Kwephepha lesi-4, Khomba amagama asixelela ukuba babehlala eMapungwabe kudaladala.
- Ngawaphi amagama asixelela ukuba kudala kangakanani?
- Kwiphepha lesi-5, khomba amagama asixelela ukuba iincochoyi zamanzi zaseSoweto azisasetyenziswa ekwenzeni umbane.

UKUBHALA — UkuBhala ngeSandla

30 imiz

KNF iph. 31–37



Bonisa umzekelo ebhodini
- Nikeza ngepatheni yokuziqhelanisa yeveki.
- Bonisa imisebenzi emi-3 yokuBhala ngeSandla yale veki. (jonga kwiphepha lesi-6 leNT)
- Gxininisa ekwakheni oonobumba.

Ukuziqhelanisa okukhokelwayo
- Abafundi basebenza kwiphepha leNYY.
- Titshala jikeleza phakathi kwabafundi ulungise indlela yokuhlala nokubamba ipensile.

Ukuziqhelanisa eyedwa
- Abafundi baza kuziqhelanisa ngakumbi ngexesha lomsebenzi owenza wedwa.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–27

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Nika intshayelelo yemiSebenzi Oyenza Wedwa yale veki, ibhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela u-A kunye noB
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO — Imephu yeRainbow Nation

NT iph. 132

30 imiz

Xoxani
- Bizani imibala yomgca wezulu ngokulandelelana: vayolethi (mfusa), indigo (ublowu onzulu), ozuba, luhlaza, mthubi, orenji, bomvu.
- Xela ukuba nguBishop Desmond Tutu owabiza uMzantsi Afrika njenge 'Rainbow Nation', kuba zininzi iintlanga zabantu, kodwa silithanda sonke ilizwe lethu.

Yenza ushicilelo lweminwe
- Sika imephu kwiphepha le-179.
- Banike iipeyinti ezinemibala esixhenxe yomnyama.
- Abafundi bafaka iminwe yabo kwipeyinti benze ushicilelo lweminwe olunemibala eyahlukileyo kumgca ngamnye emephini.
- Bonisa imephu eklasini.

Zivavanye Gqibezela irubhrikhi ekwiNYY, iphepha le-13 (ikota 1–3).

EZEMITHAMBO — Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Lungiselela
- Khetha imisebenzi emine eyohlukileyo yale veki kwiphepha lesi-5.
- Lungisa izixhobo zale misebenzi.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane ale veki.

Yazisa izitishi zemisebenzi
- Bonisa abafundi izixhobo, uze ucacise imisebenzi emine yale veki.
- Abafundi balinganisa le misebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke
- Dlalani umdlalo onje ngokuleqa-leqana okanye undize.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESIBINI

UKUZIPHATHA Ukuziqaphela

15 imiz



- Abafundi baziqhelanisa nokuphefumla ukuze umoya wabo uhle/uzole.
- Bavala amehlo baphefumlela ngaphakathi bebala kahlanu, baphinde baphemfulele ngaphandle babale kahlanu. Phinda.
- Bavula amehlo abo baze baxelelane ukuba baziva njani.
- Babuze ukuba ukhona na phakathi kwabo owayekhe wakuzama oku enomsindo.

ULWAZI OLUSISISEKO UMzantsi Afrika ukhethekile

iph. 10
15 imiz

UMHLA

UMzantsi Afrika ukhethekile

Tshatisa imifanekiso nezivakalisi.

Sineenkcubeko ezininzi ezahlukileyo.

Sikholelwa ukuba amantombazana namakhwenkwe angenza nawuphi na umsebenzi.

Sineelwimi ezahlukileyo ezili-11.

Singavotela iinkokeli zethu.

Sawubona Molweni Hello Good morning Thobela

Ndicinga ukuba uMzantsi Afrika ukhethekile ngoba

10 • IVEKI YOKU-1 • MVULO

Ngqamanisa nesifundo sayizolo

- Thethani ngento abafundi abayifundileyo malunga noMzantsi Afrka.
- Fundela abafundi zonke iinkcazelo, uphinde ufunde kunye nabo.

Yenza umsebenzi

- Tshatisa imifanekiso kunye nezivakalisi.
- Gqibezela isivakalisi esisezantsi ephepheni.

Ngababini: Jongani umsebenzi

- Jongani iimpendulo.

IZANDI Khetha igama elichanekileyo

iph. 11
15 imiz

KNF
iph. 8–13


UMHLA

Khetha igama elichanekileyo ukugqibezela isivakalisi.

wakhwela iimpukane Isikhwenene umkhwetha Iinkukhu Ukhwalimanzi

1 Iinkukhu zizalele amaqanda amaninzi.

2 _____ sakhe siyathanda ukumlinganisa xa efunda iincwadi.

3 Andiyithandi indawo emdaka ngoba igcwala _____.

4 Uye _____ ihashe ukuya edolophini.

5 _____ ubamba iintlanzi emlanjeni.

6 Uyabuya ngomso _____ wasekhaya, siza kuba nomgidi.

IVEKI YOKU-1 • LWESIBINI • II

Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Buza ngamnye ngamnye nangamaqela.

Yenza umsebenzi

- Hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

UKUFUNDA Ukwakha isivakalisi

iph. 115
15 imiz

KNF
iph. 19–20


Singafunda banzi ngembali yoMzantsi Afrika ngokutyelela isiqithi iRobben Island. Masenze ngathi sithatha uhambo olujikeleza uMzantsi Afrika.

IVEKI YESI-2 IVEKI YOKU-1 115

Sika

- Abafundi mabasike umcwe wesivakalisi okwiphepha le-177 leNYY.

Fundani kunye

- Kukho oluphi uphawu lokubhala ekupheleni kwesivakalisi?

Babuze imibuzo, ze basike igama okanye iqela lamagama

- **Senze ntoni?** Masenze ngathi
- **Ubani?** Thina (Ma-)
- **Senze ntoni?** sithatha uhambo
- **Phi?** olujikeleza uMzantsi Afrika.

Xuba amagama esi sivakalisi, uze usakhe kwakhona

Ncamathelisa isivakalisi kwiNYY, iphepha le-13.

UKUBHALA NOTITSHALA

Itekisi yolwazi

15 imiz

KNF iph. 38–41

Jonga umzekelo
- Jonga itekisi yolwazi olusisiseko yangoMvulo kwiNYY, iphepha lesi-8.

Bonisa isakhelo sokubhala
- Ulwazi oluyinyani malunga nemiba eyahlukileyo ngamaphondo.

Xoxani ngezimvo
- Leliphi iphondo esiza kubhala ngalo? (Ize ingabi lilo iphondo lakho – abafundi mabakhethe iphondo elahlukileyo)
- Zeziphi izinto eziyinyani esizaziyo ngeloo phondo.

UkuBhala noTitshala
- Bhala ulandela ifomathi eyiyo, usebenzisa izimvo zabafundi.

Konke malunga

Iidolophu ezibalulekileyo:

Ezona lwimi zixhaphakileyo:

Yintoni esiyivelisayo:

Imozulu yethu:

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela uC kunye noD
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Ukuzoba

30 imiz

Cwangcisa
- Abafundi bacwangcisa into abaza kuyizoba. Bakhetha emifanekisweni yesicatshulwa sokuFunda noTitshala.

Yila
- Abafundi bayazoba, baze bafake umfanekiso imibala.

Bonisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

LWESITHATHU

UKUZIPHATHA — Ndicinga, Ndiziva ...

15 imiz

Umbuzo
- Ndiziva njani ngelizwe lam?

Ngababini
- Xoxani ngombuzo.
- Qaphela ukuba abanye abafundi bangabelana ngelizwe elahlukileyo.

Yabelanani
- Khetha abafundi ababini babelane ngabakuxoxileyo. Nika wonke umntu ithuba kule kota.

ULWAZI OLUSISISEKO — Iikhampasi

iph. 12
15 imiz
KNF iph. 45

Yenza itshathi yeKWL emalunga neekhampasi
- Gqibezela amacandelo, Intoni esiyaziyo kunye nento esifuna ukuyazi.
- Yeka itshathi ebhodini ukuze igqityezelwe ngoLwesihlanu.

Funda iphepha
- Xoxani ngomfanekiso, uze ufunde itekisi kunye nabafundi.

Xoxani ngombuzo
- Uza kuyifumana njani impendulo ekhaya?
- Abafundi benza uphando emakhaya, ze baze neempendulo ngoLwesihlanu.

IZANDI — Isandi u-nkw no-oo

iph. 13
15 imiz
KNF iph. 8–13

Yazisa izandi
- Mamela uze ubize izandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza izandi.

Chonga amagama anezi zandi
- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini
- Fundani amalungu namagama.

Bhala
- Bhala amagama emifanekiso.

Funda isivakalisi

UKUFUNDA — Ilizwe lonke jikelele

iph. 2–4
15 imiz

Fundani kunye
- Funda amaphepha amathathu okuqala ebali elithi, *Ilizwe lonke jikelele* kunye neklasi.

Fundani ningamaqela
- Fundani ngamaqela azizithathu, tshintshiselanani ukufunda iphepha ngalinye.

Ukufunda wedwa
- Fundela ngaphakathi amaphepha amathathu okuqala ebali.

UKUBHALA Iphondo lam

15 imiz



Phinda ujonge ifomathi yetekisi yolwazi
- Ulwazi oluyinyani malunga nemiba eyahlukileyo ngamaphondo.
- Phinda ufunde itekisi yokuFunda notitshala.

Xoxani ngesigama esimalunga nephondo
- Igama, idolophu, ulwimi, imveliso, imozulu.

Bhala
- Gqibezela isakhelo sokubhala.
- Zoba imifanekiso.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela u-E
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela u-A
- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

EZOBUGCISA BEQONGA Masidanise

30 imiz

Ukuzifudumeza
- Dlala ustatyu neklasi.

Fundisa umdaniso
- Fundisa umdaniso wesintu waseMzantsi Afrika – khetha iintshukumo abafundi abanokuzenza.
- Nceda abafundi bafunde iintshukumo.

Amaqela
- Abafundi baziqhelanisa neetshukumo zomdaniso owukhethileyo.

EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESINE

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Cula/ cengceleza

15 imiz

Ndiyalithanda ilizwe lam!
Ndiyalithanda ilizwe lam!
Kufana neflegi yethu.
Izuba njengolwandle nesibhakabhaka.
Iluhlaza njengezityalo namahlathi.
Imthubi njengezimbiwa ezivela emigodini yethu.
Ibomvu, namnyama namhlophe njengobugorha babantu bethu,
Beqhubela phambili ngomanyano.

ULWAZI OLUSISISEKO

Ilizwe lam

iph. 14
15 imiz

ULwazi lwangaPhambili
- Phinda umbongo wexesha lesifundo se-orali.
- Ingaba ngumbala ofudumeleyo okanye opholileyo?

Funda iphepha
- Funda uze ukhombe amagama ngelixesha usenza umbongo.

Yenza umsebenzi
- Bhala phantsi iimpendulo zemibuzo.

IZANDI

Bhala isivakalisi ngomfanekiso ngamnye

15 imiz

KNF iph. 8–13



Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza
- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Buza ngamnye ngamnye nangamaqela.

Yenza umsebenzi
- Hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

UKUFUNDA

Isigama nolwimi

15 imiz

Oonotsheluza
- Babonise uze ufunde igama ngalinye.
- Khangela uze walathe igama kwiNYY.
- Beka oonotsheluza edongeni lamagama, uze uwafunde kwakhona.

Umcwe wesivakalisi
- Funda umcwe wesivakalisi kwiNYY, iphepha le-13.
- Ngawaphi amagama abonisa ukuba le nto yenzeka ngoku? (*sithatha uhambo*)
- Jonga amagama, *masenze ingathi*. Sesiphi isenzi onokusisebenzisa endaweni yalo? (*masithi, masicinge, masidlale, njl.*)

UKUBHALA — Ukuphucula ukubhala

15 imiz



Xoxani ngokubhala notitshala
- Fundela abafundi isivakalisi sangoLwesibini ngexesha lokubhala notitshala.
- Khetha igama kwisivakalisi kwaye ubonise indlela yokufaka isithethantonye esinomdla ngakumbi (umzekelo: *kukho ilanga* anga uthatyathelw' indawo *sisibhakabhaka esiqaqambileyo, esityhilekileyo*, njl.).

Ngababini: funda, jonga ze uphucule
- Abafundi bafundelana neqabane isivakalisi abasibhale izolo.
- Jongani upelo neempawu zokufunda zesivakalisi kunye.
- Ungasenza isivakalisi sakho sibenomdla ngakumbi ngokuthi usebenzise isithethantonye segama elinye?

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela uB kunye noC
- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

EZOBUGCISA BEQONGA — Linganisa

30 imiz

Amaqela
- Amaqela aziqhelanisa nomdaniso awayewuphuhlise kusuku olungaphambili.

Linganisa
- Amaqela adlalela iklasi umdaniso wawo.
- Ncoma uze uphawule.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZEMITHAMBO — Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

LWESIHLANU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Iikhampasi

iph. 12
15 imiz

Amanye amagama amaphondo aquka izalathitho zekhampasi, umz. eMpuma Koloni, eNtshona Koloni, eMntla Koloni naseMntla-Ntshona. Cacisa ukuba indlela yoMntla Ntshona iphakathi koMntla neNtshona.

Ilanga lihlala liphuma eMpuma, kwaye lihlala litshona eNtshona nokuba uphi na emhlabeni.

Ngababini

- Chaza ukuba ufumanise ntoni.

Yabelanani

- Yalela abafundi abambalwa ukuba babelane neklasi. Bhala kwitshathi yeKWL.
- Xoxani, ze ubanike ulwazi oluthe vetshe.

ULWAZI OLUSISISEKO Iikhampasi

15 imiz

Bhala uze uzobe into oyifumanisileyo

- Bhala into ibe nye oyifundileyo.
- Zoba umfanekiso wayo.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

IZANDI Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

iph. 15
15 imiz

KNF
iph. 16–17

Isibini sifunda amagama

- Fundela iqabane lakho la magama ngomzuzu omnye.
- Titshala babekele/bamisele umzuzu.
- Biyela igama lokugqibela olifundileyo, lize iqabane libale amagama afundwe ngokungachanekanga.
- Umfundi ngamnye ufumana amathuba amathathu.

Bala amagama

- Khetha awona uzame kuwo. Thabatha onke amagama afundwe ngokungachanekanga.
- Abafundi babhala awona manqaku abo angcono emgceni.
- Chaza ukuba uyakwazi ukufunda amagama amaninzi xa uziqhelanisa ngakumbi.

UKUBHALA IiNdaba Zam

15 imiz

Nika isihloko seendaba

Ngababini: Sebenzisani isakhelo *seeNdaba Zam* esikwiqweqwe elingasemva leNYY ukubalisa ngokufutshane iindaba.

UkuBhala Yedwa

- Bhala umhlathi ubemnye onezivakalisi ezintathu.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela uD kunye no-E
- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

UKUJONGA NENGXELO

Funda
- Ngababini, abafundi bafundelana iindaba zabo.

Makisha umSebenzi Owenza Wedwa
- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisisebenzi yabo.

15 imiz

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

30 imiz

KNF iph. 51–52

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:
- **ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwajongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo oluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingaziggibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha leveki ezayo:
- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

UMzantsi Afrika, ikhaya lethu elikhethekileyo

AMALUNGISELELO

Oonotsheluza

isikhululo sombane | iintaba | ukuphumla | umfanekiso oqingqiweyo | imbali

Umcwe wesivakalisi

Singafunda banzi ngembali yoMzantsi Afrika ngokutyelela isiqithi iRobben Island.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

1. UkuFunda ngaBabini NYY iphepha 38
2. UkuBhala ngeSandla 1
3. UkuBhala ngeSandla 2 Unontlalontle uphathele abantwana intlanzi entle
4. UkuBhala ngeSandla 3 Limpopo, Mpuma Koloni, Mntla Koloni, KwaZulu Natal
5. DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha 57
6. DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha 79
7. DBE izaKhono zoBomi iphepha 36
8. Isichazi-magama isikhululo sombane iintaba ukuphumla umfanekiso oqingqiweyo imbali

IZIXHOBO ZOKWENZA UMSEBENZI

- Isiqwenga esikhulu sephepha nepeyinti okanye iikhrayoni zeflegi yeklasi
- Izixhobo ezifunekayo ukwenza imisebenzi yezemiThambo



Ibali loMhobe weSizwe waseMzantsi Afrika

Sonke sikhe sawucula **umhobe wesizwe** wethu amaxesha amaninzi. Onke amazwe eneengoma ezibizwa ngokuba yimihobe. Ingaba ukhe uzibuze ukuba kutheni sineelwimi ezintlanu ezahlukileyo kumhobe wethu, nokuba ngubani owabhala la mazwi? Nali ibali lomhobe wesizwe wethu.

Umhobe wesizwe yingoma yelizwe okanye yeqela elithile labantu. Imihobe ziingoma zethemba nendumiso malunga nelizwe okanye abantu balo. Abantu bacula imihobe yesizwe ngamaxesha abafuna ukubonisa ngalo uthando lwabo lwelizwe labo.

Icandelo lokuqala lomhobe wesizwe wethu liphuma kwingoma ethi, *'Nkosi Sikelel' i-Afrika'* ngesiNgesi ithi, 'Lord Bless Africa'.

Le ngoma yabhalwa nguEnoch Sontonga kwiminyaka engaphezu kwekhulu eyadlulayo. USontonga wakhulela kufuphi nedolophu esele ibizwa ngokuba yiGqeberha ngoku. Waqeqeshelwa ubutitshala, waqala ukufundisa kwisikolo esikufutshane neRhawuti.

Wabona ukuba abantu baseMzantsi Afrika babebandezeleka, waze wabhala le ngoma njengomthandazo ocela uThixo ukuba asikelele abantu base-Afrika. Njengotitshala, uSontonga waqeqesha ikwayara yesikolo waze wahamba nayo ecula kwiindawo ngeendawo. Kuzo zonke iindawo ababezihamba nekwayara, babecula u*Nkosi Sikelel' iAfrika*. Nezinye iikwayara zalithanda eli culo, zaze zalicula.

USontonga wabhubha ngowe-1905, phambi kokuba lidume iculo lakhe.

Ngowe-1912, le ngoma yayisaziwa kwaye ithandwa kangangokuba yaculwa kwindibano yokuqala yeSouth African Native National Congress, eyathi yaba yi-African National Congress (ANC).

Ngowe-1923, uSol Plaatje wenza ukuba u*Nkosi Sikelel' i-Afrika* **ashicilelwe** eLondon. Ibhinqa laseMzantsi Afrika elinguSylvia Colenso ladlala ipiyano kolu shicilelo. Ngowe-1942, uMoses Mphahlele wayiguqulela kulwimi lweSesotho. Amazwe amane ase-Afrika nawo ayisebenzisa njengomhobe wesizwe.

Ngowe-1994 sasidinga umhobe woMzantsi Afrika omtsha emva kokuphela **kocalucalulo**. UNelson Mandela owayengumongameli ngoko wayefuna ukudibanisa amacandelo ka*Nkosi Sikelel' i-Afrika* naka*Die Stem*, umhobe omdala wocalucalulo eMzantsi Afrika, kumhobe wesizwe omtsha.

Kungoku nje icandelo lokuqala lomhobe wesizwe wethu liphuma *kuNkosi Sikelel' i-Afrika*, kwaye uculwa ngesiXhosa, isiZulu neSesotho. Elesibini livela ku*Die Stem*, kwaye liculwa ngesiBhulu nangesiNgesi.

Ngowe-2017, umhobe wethu wavotelwa njengowona mhobe wesizwe ubalaseleyo kwihlabathi.

ISIGAMA

umhobe wesizwe – ingoma eyamkelwa lilizwe njengengoma yalo esemthethweni

kocalucalulo – urhulumente owayesohlula abantu abamhlophe nabantsundu

ashicilelwe – agcinwe ukuze ikwazi ukumanyelwa kwakhona

MVULO

UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO

NT iph. 19
15 imiz

Ibali loMhobe weSizwe waseMzantsi Afrika

Phambi kokufunda
- Buza: Ingaba bakhona abantwana apha abazi omnye uMhobe weSizwe owahlukileyo?

Ukufunda
- Funda ibali ngokuvakalayo uze ubuze imibuzo.

Emva kokufunda
- Ngubani owabhala icandelo lokuqala loMhobe weSizwe?
- Ingaba wayesazi ukuba ingoma yakhe iza kuduma?
- Zingaphi iilwimi ezikuMhobe weSizwe wethu?
- Uma njani xa ucula umhobe? Ngoba?

ULWAZI OLUSISISEKO

Ukutyelela noMzantsi Afrika

iph. 17
15 imiz

ULwazi lwangaPhambili
- Ukuba ufuna umntu osuka phesheya kweelwandle atyelele uMzantsi Afrika ungamxelela ntoni?

Funda iphepha
- Jonga intengiso, uze ufunde itekisi.

Xoxani ngentengiso
- Ucinga ukuba le ntengiso yenzelwe bani? Abantu abahlala eMzantsi Afrika okanye abantu abahlala kwezinye iindawo? Ngoba?
- Ikwenza ufune ukwenza ntoni le ntengiso?
- Ucinga ukuba abantu baphesheya bavakalelwa njani xa befunda le ntengiso?

IZANDI

Isandi u-ntl

iph. 18
15 imiz

KNF iph. 8–13



Yazisa isandi
- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi
- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini
- Fundani amalungu namagama.

Bhala
- Bhala amagama emifanekiso.

Funda isivakalisi

UKUFUNDA

Ilizwe lonke jikelele

iph. 5–7
15 imiz

Ukuthetha ngomfanekiso
- Yintoni oyibonayo emfanekisweni? Kwenzeka ntoni?

Funda ibali lonke kunye nabafundi
- Abafundi bakhomba amagama ngeminwe yabo.

Ingqiqo
- Kwiphepha lesi-5, khomba igama elisixelela ukuba abantu abaninzi bayayazi iKruger Nationa Park.
- Kwiphepha lesi-6, Khomba igama elisixelela ukuba siqhuba eFreystata.
- Kwiphepha lesi-7, khomba amagama asixelela ukuba sikwindawo ebesiqale kuyo.

UKUBHALA — UkuBhala ngeSandla

30 imiz

KNF iph. 31–37



Bonisa umzekelo ebhodini
- Nikeza ngepatheni yokuziqhelanisa yeveki.
- Bonisa imisebenzi emi-3 yokuBhala ngeSandla yale veki. (jonga kwiphepha lesi-6 leNT)
- Gxininisa ekwakheni oonobumba.

Ukuziqhelanisa okukhokelwayo
- Abafundi basebenza kwiphepha leNYY.
- Titshala jikeleza phakathi kwabafundi ulungise indlela yokuhlala nokubamba ipensile.

Ukuziqhelanisa eyedwa
- Abafundi baza kuziqhelanisa ngakumbi ngexesha lomsebenzi owenza wedwa.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Nika intshayelelo yemiSebenzi Oyenza Wedwa yale veki, ibhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela u-A kunye noB
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO — Iflegi yeklasi

30 imiz

Xoxani
- Siza kwenza iflegi yeklasi.
- Buza abafundi zeziphi iimpawu abangathanda ukuzifaka kwiflegi yeklasi, umz. Inani lebanga, into abathanda ukuyenza (ibhola yomdlalo webhola ekhatywayo, iikhrayoni).
- Yeyiphi imibala abathanda ukuyisebenzisa, ngoba?

Amaqela: Cwangcisa
- Ngamaqela, ningathanda ntoni kwiflegi yenu yaklasi?
- Amaqela agqiba ngemibala neemilo, aze ayile iflegi.
- Ukuba amaqela mancinci ngokwaneleyo, umfundi ngamnye angenza eyakhe indawo yeflegi.

EZEMITHAMBO — Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Lungiselela
- Khetha imisebenzi emine eyohlukileyo yale veki kwiphepha lesi-5.
- Lungisa izixhobo zale misebenzi.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane ale veki.

Yazisa izitishi zemisebenzi
- Bonisa abafundi izixhobo, uze ucacise imisebenzi emine yale veki.
- Abafundi balinganisa le misebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke
- Dlalani umdlalo onje ngokuleqa-leqana okanye undize.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UKUZIPHATHA Ukuziqaphela

15 imiz

- Khumbuza abafundi ukuba ukuhleka kukwenza uzive ngcono xa unxunguphele.
- Abafundi basebenza ngababini. Bajongana ngqo emehlweni omnye nomnye, kwaye bazame ukungahleki.
- Buza abafundi ukuba bekulula na ukugcina ubuso bungenzi nto.

ULWAZI OLUSISISEKO Thelekisa iiflegi

iph. 19
15 imiz



ULwazi lwangaPhambili
Cela abafundi ukuba bachaze iflegi yoMzantsi Afrika ngokwenkumbulo yabo.

Funda
- Jongani iflegi kunye.
- Cacisa ukuba injani imigca ethe tyaba kunye nemigca exwesileyo. Nceda abafundi bachonge imifanekiso ekwiflegi (iintaka, ilanga nomnqwazi).
- Buza ukuba zeziphi ezona flegi zahlukileyo kwiflegi yaseMzantsi Afrika. Xoxani ngeeflegi ezohluke kakhulu kwiflegi yaseMzantsi Afrika.
- Fundela abafundi amagama eeflegi ezidwelisiweyo. uze uwafunde kunye nabo.

Iimpendulo
- Jonga iflegi nganye, uze ugqibezele itheyibhuli.
- Phendula imibuzo ngesivakalisi esigcweleyo.

Jongani iimpendulo neqabane

IZANDI Fakela izandi ezishiyiweyo

iph. 20
15 imiz
KNF iph. 8–13

Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza
- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Buza ngamnye ngamnye nangamaqela.

Yenza umsebenzi
- Hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

UKUFUNDA Ukwakha isivakalisi

iph. 115
15 imiz
KNF iph. 19–20



Sika
- Abafundi mabasike umcwe wesivakalisi kwiphepha le-177, kwiNYY.

Fundani kunye
- Lithetha ntoni uphawu olusekupheleni kwesivakalisi?
- Kuthiwani xa lubizwa olu phawu?

Babuze imibuzo, ze basike igama okanye iqela lamagama
- **Ubani?** Thina (Si-)
- **Senza ntoni?** singafunda
- **Kangakanani?** banzi
- **Ngantoni?** ngembali
- **Yaphi?** yoMzantsi Afrika
- **Njani?** ngokutyelela
- **Phi?** isiqithi iRobben Island.

Xuba amagama esi sivakalisi, uze usakhe kwakhona

Ncamathelisa isivakalisi kwiNYY, iphepha lama-28.

UKUBHALA NOTITSHALA

Bhala intengiso yohambo

15 imiz

KNF iph. 38–41

Isingeniso
- Iintengiso ziphembelela abantu ukuba bathenge/benze into ethile, jonga iNYY, iph 23.

Bonisa isakhelo sokubhala
- Inqaku eliphambili lebhena yentengiso: likuxelela ukuba intengiso ingantoni na.
- Izizathu ezithathu: kufuneka zibe nomdla kwaye zenze abantu bafune ukutyelela. Sebenzisa izichazi, umz. Imidlalo yamanzi **eyonwabisayo**, imbali **enomdla**.
- Imifanekiso

- Isilogeni: ibinzana elikhuthaza ukuba abantu batyelele.

Xoxani ngezimvo
- Siza kubhala ngaliphi iphondo?
- Zeziphi izinto ezi-3 esifuna abantu baye kuzibona?
- Sesiphi isilogeni esinomdla esinokuba naso?

UkuBhala noTitshala
- Bhala intengiso entsha ebhodini usebenzisa iingcebiso zabafundi.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.

- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

KNF iph. 31–37

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela uC kunye noD

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Yenza iflegi yeklasi (iyaqhubeka)

30 imiz

- Nika iqela ngalinye isiqwenga esikhulu sephepha okanye uncamathelise amaphepha angange-A4 kunye ukwenza iphepha elikhulu.
- Abafundi basebenza kunye ukuzoba, ze bafake imibala/bapeyinte iflegi abebeyicwangcise kusuku olungaphambili.

Bonisa
- Amaqela abonisa aze achaze ngeflegi yawo kwiklasi yonke.

Zivavanye
- Gqibezela irubhrikhi ekwiNYY, iphepha lama-28.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa



LWESITHATHU

UKUZIPHATHA — Ndicinga, Ndiziva ...

15 imiz



Umbuzo
- Likhona elinye ilizwe ongathanda ukulityelela?
- Ungathanda ukubona ntoni apho?

Ngababini
- Xoxani ngombuzo.

Yabelanani
- Khetha abafundi ababini babelane ngabakuxoxileyo. Nika wonke umntu ithuba kule kota.

ULWAZI OLUSISISEKO — IZakhiwo zeNdibano

iph. 21
15 imiz
KNF iph. 45

Yenza itshathi yeKWL emalunga neZakhiwo zeNdibano
- Gqibezela amacandelo, Intoni esiyaziyo kunye nento esifuna ukuyazi.
- Yeka itshathi ebhodini ukuze igqityezelwe ngoLwesihlanu.

Funda iphepha
- Xoxani ngomfanekiso, uze ufunde itekisi kunye nabafundi.

Xoxani ngombuzo
- Uza kuyifumana njani impendulo ekhaya?
- Abafundi benza uphando emakhaya, ze baze neempendulo ngoLwesihlanu.

IZANDI — Isandi u-nkq

iph. 22
15 imiz
KNF iph. 8–13

Yazisa isandi
- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi
- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini
- Fundani amalungu namagama.

Bhala
- Bhala amagama emifanekiso.

Funda isivakalisi

UKUFUNDA — Ilizwe lonke jikelele

iph. 5–7
15 imiz

Fundani kunye
- Fundani isiqingatha sesibini sebali, *Ilizwe lonke jikelele* kunye neklasi.

Fundani ningamaqela
- Fundani ngamaqela azizithathu, tshintshiselanani ukufunda iphepha ngalinye.

Ukufunda wedwa
- Fundela ngaphakathi amaphepha amathathu okugqibela ebali.

UKUBHALA

Yenza intengiso

15 imiz

Xoxani
- Xoxani ukuba yintoni intengiso.
- Khumbuza abafundi ngentengiso yohambo ebeniyenze ngexesha lokubhala notitshala ngoLwesibini.
- Abafundi baza kwenza eyabo intengiso yohambo oluya kwiindawo ezahlukileyo.

Xoxani ngesigama
- Xoxani ngamagama achaza umtsalane wabakhenkethi (umz, inika umdla, inomtsalane kakhulu, iyamangalisa)

Bhala
- Gqibezela isakhelo sokubhala.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela u-E
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela u-A
- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

EZOBUGCISA BEQONGA

Culani uMhobe weSizwe

30 imiz

Ukuzifudumeza
- Cula uvale imilebe, uze uvule umlomo ukwenza isandi esivakalayo.

Fundisa
- Fundisa abafundi amazwi oMhobe weSizwe.
- Nceda abafundi bankqaye amazwi.

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA — Cula/cengceleza

15 imiz

Cula ngethuni yengoma ethi, ***Mntakwethu ulele na?***

Ungowaphi? (*Izandla zoluliwe*)
Ungowaphi?
Uphi, ungowaphi?

Ndisuka eNtshona Koloni! (*Yalatha kwimephu*)
Ndisuka eMpuma Koloni! (*Yalatha kwimephu*)
Ndisuka eMntla Koloni! (*Yalatha kwimephu*)
Ndisuka eMntla Ntshona! (*Yalatha kwimephu*)

Ndisuka eLimpopo! (*Yalatha kwimephu*)
Ndisuka eMpumalanga! (*Yalatha kwimephu*)
Ndisuka eFreystata! (*Yalatha kwimephu*)
Ndisuka eKZN! (*Yalatha kwimephu*)
Ndisuka eGauteng! (*Yalatha kwimephu*)

Kwaye sonke siyawathanda amaphondo ethu!

ULWAZI OLUSISISEKO — UMhobe wethu weSizwe

iph. 23
15 imiz

ULwazi lwangaPhambili

- Uyawakhumbula amazwi owafundileyo oMhobe weSizwe okwangoku?

Funda iphepha

- Funda amazwi kunye nabafundi.

Yenza umsebenzi

- Cula umhobe wesizwe kangangoko unokuwukhumbula, ukhomba izitanza njengoko becula.

IZANDI — Bhala amagama ngendlela echanekileyo

iph. 24
15 imiz

KNF
iph. 8–13



Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Buza ngamnye ngamnye nangamaqela.

Yenza umsebenzi

- Hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

UKUFUNDA — Isigama nolwimi

15 imiz



Oonotsheluza

- Babonise uze ufunde igama ngalinye.
- Khangela uze walathe igama kwiNYY.
- Beka oonotsheluza edongeni lamagama, uze uwafunde kwakhona.

Umcwe wesivakalisi

- Funda umcwe wesivakalisi kwiNYY, iphepha lama-28.
- Leliphi igama elisixelela ukuba lixesha langoku? (*singafunda*)
- Ungakubhala njani oku ngokwexesha elidlulileyo? (*sasinokufunda banzi nge …)*

UKUBHALA — UkuBhala ngeNgqiqo

iph. 25
15 imiz

UMHLA

Ingqiqo

Funda ibali elithi, Ilizwe lonke jikelele. Phawula iimpendulo ezichanekileyo.

1 Ungayibona phi iNtaba yeTafile?
Mpuma Koloni Ntshona Koloni Mntla Koloni

2 Kuphi apho iintaba zibengezela njenge golide?
Limpopo Mpumalanga Freystata

3 Beka amaphondo ngolandelelwano lokutyelelwa kwawo.

8	KwaZulu-Natal
	Ntshona Koloni
	Limpopo
	Mpuma Koloni
	Mntla Ntshona
	Freystata
	Mpumalanga
	Mntla Koloni
	Gauteng

4 Yeyiphi eyona ndawo onokuthanda ukuyityelela kakhulu?

IVEKI YESI-2 · LWESINE · 25

Fundela phantsi
- Abafundi baphinda bafunde ibali, *Ilizwe lonke jikelele*.

Phendula imibuzo
- Abafundi mabangenzi oku ngokunkqaya. Mabajonge/ mabakhangele iimpendulo kwitekisi.

Jongani iimpendulo kunye

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF
iph. 31–37

5 imiz
+
30 imiz

KNF
iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela uB kunye noC
- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

EZOBUGCISA BEQONGA — Cula uMhobe weSizwe

30 imiz

Linganisa
- Amaqela alinganisa uMhobe weSizwe.

Vavanya
- Ncomani nize niqhwabele izandla iqela ngalinye.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZEMITHAMBO — Izitishi zemisebenzi

30 imiz

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

LWESIHLANU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA — IZakhiwo zeNdibano

iph. 21
15 imiz

IZakhiwo zeNdibano zisePitoli. Le yindawo esemthethweni apho urhulumente woMzantsi Afrika adibana khona. Ii-ofisi zikamongameli woMzantsi Afrika zikwiZakhiwo zeNdibano. Zininzi iziganeko ezibalulekileyo eziye zenzeka pha. Ukuba ujoge umfanekiso, uya kubona ukuba isakhiwo siyafana – isakhiwo sasekhohlo nesasekunene ziyafana kodwa ingathi zijongene esipilini.

Ngababini Chaza ukuba nifumanise ntoni.

Yabelanani
- Yalela abafundi abambalwa ukuba babelane neklasi. Bhala kwitshati yeKWL.
- Xoxani ze ubanike ulwazi oluthe vetshe.

ULWAZI OLUSISISEKO — IZakhiwo zeNdibano

15 imiz

Bhala uze uzobe into oyifumanisileyo
- Bhala into ibe nye oyifundileyo.
- Zoba umfanekiso wayo.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

IZANDI — Ubizelo

15 imiz
KNF iph. 10

Amagama obizelo
- Biza igama ngokucacileyo nangokucotha.
- Liphinde kube kanye.

Bhala
- Nika abafundi ixesha babhale igama ngalinye.
- Abafundi mababhale kakuhle nangokubukekayo.

Jonga uze ukorekishe
- Bhala amagama ebhodini ukuze abafundi bamakishe umsebenzi wabo.

inkqantosi
intlama
unkqankasi
intlango
ukunkqonkqoza

UKUBHALA — IiNdaba Zam

15 imiz

Nika isihloko seendaba

Ngababini: Sebenzisani isakhelo *seeNdaba Zam* esikwiqweqwe elingasemva leNYY ukubalisa ngokufutshane iindaba.

UkuBhala Yedwa
- Bhala umhlathi ubemnye onezivakalisi ezintathu.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla

- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela uD kunye no-E

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

UKUJONGA NENGXELO

15 imiz

Funda

- Ngababini, abafundi bafundelana iindaba zabo.

Makisha umSebenzi Owenza Wedwa

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisisebenzi yabo.

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwajongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo oluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingaziggibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

Ukugcina unxibelelwano



AMALUNGISELELO

Oonotsheluza

ngaphambi | imifanekiso | iimpawu | udongwe | izandi

Umcwe wesivakalisi

Kudala abantu kwakufuneka baxelelane yonke into ekufuneka beyazile baze bakhumbule oko bakuvileyo.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

1. UkuFunda ngaBabini NYY iphepha 60
2. UkuBhala ngeSandla 1
3. UkuBhala ngeSandla 2 Umntwana uthandwa kokundweba kwakhe.
4. UkuBhala ngeSandla 3 ukuthetha, ukuphulaphula, ukufunda ukubhala
5. DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha 115
6. DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha 117
7. DBE izaKhono zoBomi iphepha 44
8. Isichazi-magama

   ngaphambi imifanekiso iimpawu udongwe izandi

IZIXHOBO ZOKWENZA UMSEBENZI

- Ipeyinti ethambileyo eyimibala eyahlukileyo nepeyinti emnyama engqumbululu
- Iphepha elingange-A4 eniza kupeyintele kulo
- Izixhobo ezifunekayo ukwenza imisebenzi yezemiThambo



Imbali yokubhala

Ungathekelela ezinye izizathu zokuba kutheni abantu bebhala phantsi izinto?

Ngaphambi kokuba kubekho ukubhala, abantu kwakufuneka baxelelane yonke into ekufuneka beyazi. Kwakufuneka nokuba bakukhumbule oko bakuvileyo. Oku kwakuthetha ukuba izinto zazisoloko zigqithiswa **ngendlela engeyiyo**, kwaye ngamanye amaxesha izimvo nemiyalezo yayitshintshwa.

Ekuhambeni kwexesha, abantu bazoba imifanekiso ukubanceda ukuba bakhumbule okwenzekileyo. Eminye yale mifanekiso siyayibona emiqolombeni kule mihla. Imifanekiso yayidla ngokubonisa imiboniso yokuzingela. Imifanekiso yayipeyintwa kusetyenziswa iibhrashi ezenziwe ngezikhuni neenwele nepeyinti eyenziwe ngodaka nezityalo ezingqushiweyo zaxutywa namafutha ezilwanyana.

Ukuzoba imifanekiso kwakuthatha ixesha elide, ngoko ke, abantu baqala ukwenza iimpawu ezilula. Ukuba babefuna ukuxelela umntu ngobushushu okanye ngokukhanya, babezoba umfanekiso welanga. Xa befuna ukuxelela umntu ngamanzi, babezoba intlanzi.

Malunga neminyaka engama-5 000 eyadlulayo, abalawuli baseMesopotamiya basebenzisa intonga ebukhali ukwenza **uphawu** kudongwe. Lwalusenziwe amaqhekeza angamaxande. Ekuqaleni ayesetyenziswa ukubala ukuba zingaphi izityalo abalimi abaze kuzithengisa. Babezoba kuzo umfanekiso wengqolowa okanye irhasi, baze babeke amachokoza abonisa ukuba zingaphi iingobozi ezize nabantu.

AmaJiphutha aMandulo aqalisa ukuzoba iimpawu ezimele izandi zentetho. Kwakukho iimpawu ezazimele oonobumba ngokufanayo nendlela esisebenzisa ngayo oonobumba. Olu hlobo lokubhala lwalubizwa ngokuba yihayiroglifikhi. Babebhala ephepheni elenziwe ngengcongolo ekuthiwa yi*papyrus*.

ETshayina, abantu baqala ukubhala kumawaka eminyaka eyadlulayo. Babesebenzisa uhlobo olufanayo lokubhala nolwakule mihla. AmaTshayina ayebhala ukusuka phezulu ukuya ezantsi esebenzisa iibhrashi kunye ne-inki.

Isi-Arabhu lolunye uhlobo lokubhala olungatshintshanga kangangamawaka eminyaka. Sibhalwa ukusuka ekunene ukuya ekhohlo. Umbhalo wesi-Arabhu unoonobumba abangama-28.

Iilwimi ezininzi zisebenzisa **i-alfabhethi** eyaqala ukusetyenziswa kwiRoma yaMandulo enoonobumba abangama-26. Kuyo sifunda ukusuka phezulu ukuya ezantsi nokusuka ekhohlo ukuya ekunene. Le alfabhethi ingabhalwa ngeendlela ezininzi ezahlukileyo, njengokubhala ngokwahlukanisa okanye ngokudibanisa oonobumba.

Iikhompyutha zisibonisa iintlobo ezininzi ezahlukileyo zokubhala ezibizwa ngokuba ziifonti.

Ukubhala kubaluleke kakhulu kuba abantu bangafunda izinto ezibhalwe naphi na ehlabathini. Bayakwazi ukufunda izinto ezabhalwa mandulo. Ukubhala kukwasinceda ukuba sabelane ngezimvo namagama ethu nabantu abaza kuza emva kwethu.

ISIGAMA

ngendlela engeyiyo – ukuyifumana into ingaseyiyo (itshintshiwe)

uphawu – into emele enye into, njengonobumba omele isandi

i-alfabhethi – oonobumba ngokulandelelana kwabo

MVULO

UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO — Imbali yokubhala

NT iph. 31
15 imiz

Phambi kokufunda
- Cela abafundi bachaze into abafuna ukuyibhala.

Ukufunda
- Funda ibali ngokuvakalayo, uze ubuze imibuzo.

Emva kokufunda
- Kwakusenzeka ntoni phambi kokuba kubekho ukubhala?
- Chaza iindlela ezahlukileyo zokubhala othe wava ngazo kwisicatshulwa.
- Kutheni ukubhala kubalulekile?

ULWAZI OLUSISISEKO — Bhala njengomJiphutha waMandulo

iph. 34
15 imiz

ULwazi lwangaPhambili
- Ingaba abantu basasebenzisa olu hlobo lokubhala?

Ulwazi olutsha
- Iimpawu ezahlukileyo ezimele oonobumba abohlukileyo.
- Ungababona oonobumba begama lesikolo sakho?

Funda ibali lonke kunye nabafundi

Umsebenzi
- Abafundi babhala amagama abo besebenzisa imifanekiso ekwiNNY.
- Babelana ngamagama wabo ehayiroglifikhi (hieroglyphic) neqabane.

IZANDI — Isandi u-ndw

iph. 35
15 imiz

KNF
iph. 8–13

Yazisa isandi
- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi
- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini
- Fundani amalungu namagama.

Bhala
- Bhala amagama emifanekiso.

Funda isivakalisi

UKUFUNDA — Imbali yokubhala

iph. 28–33
15 imiz

Ukuthetha ngomfanekiso
- Yintoni oyibonayo emfanekisweni?

Funda ibali lonke kunye nabafundi
- Abafundi bakhomba amagama ngeminwe yabo.

Ingqiqo
- Kwiphepha lama-40, khomba amagama exesha, umz. phambi, emva koko.
- Kwiphepha lama-41, Khomba igama elithetha into enye nophawu olumele uluvo.
- Kwiphepha lama-42, khomba igama lexesha elisixelela ukuba babengazi ncam ukuba kwaqalwa nini ukubhala eMesopotamiya (*malunga*).

UKUBHALA — UkuBhala ngeSandla

30 imiz

KNF iph. 31–37



Bonisa umzekelo ebhodini
- Nikeza ngepatheni yokuziqhelanisa yeveki.
- Bonisa imisebenzi emi-3 yokuBhala ngeSandla yale veki. (jonga kwiphepha lesi-6 leNT)
- Gxininisa ekwakheni oonobumba.

Ukuziqhelanisa okukhokelwayo
- Abafundi basebenza kwiphepha leNYY.
- Titshala jikeleza phakathi kwabafundi ulungise indlela yokuhlala nokubamba ipensile.

Ukuziqhelanisa eyedwa
- Abafundi baza kuziqhelanisa ngakumbi ngexesha lomsebenzi owenza wedwa.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Nika intshayelelo yemiSebenzi Oyenza Wedwa yale veki, ibhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela u-A kunye noB
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO — Ifeni yamaTshayina

iph. 119

30 imiz

Xoxani
- Jonga umsebenzi wobugcisa bamaTshayina kwiphepha elisikwayo. Ubona ntoni?
- Xoxani ngokuba midala kangakanani imizobo yaseTshayina ehlala ibonakalisa indalo, kwaye ibandakanya ukubhala.
- Umzobi inokuba ubapeyinte aba balinganiswa ngebhrashi yokupeyinta neinki.

Ziqhelanise nekusebenzisa ibhrashi
- Kwiphepha elisikiweyo, khuphela umbhalo wesiTshayina. Sebenzisa iibhrashi zokupeyinta ukuba zikhona, okanye iikhrayoni.

Bonisa

EZEMITHAMBO — Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Lungiselela
- Khetha imisebenzi emine eyohlukileyo yale veki kwiphepha lesi-5.
- Lungisa izixhobo zale misebenzi.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane ale veki.

Yazisa izitishi zemisebenzi
- Bonisa abafundi izixhobo, uze ucacise imisebenzi emine yale veki.
- Abafundi balinganisa le misebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke
- Dlalani umdlalo onje ngokuleqa-leqana okanye undize.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESIBINI

UKUZIPHATHA Ukuziqaphela

15 imiz



- Khumbuza abafundi ngeempawu zaseTshayina zokumamela, kwiNYY, iphepha lama-43.
- Bachazele ukuba xa simamela, asisebenzisi indlebe zethu kuphela, sikwasebenzisa namehlo kwakunye neentliziyo zethu.
- Ngababini, abafundi baxelelana ngeentsapho zabo.
- Baxelele ukuba bamamele ngeendlebe zabo kodwa bajonge nomhlobo wabo, baze bacinge indlela umhlobo avakalelwa ngayo.
- Umfundi omnye okanye ababini babelana ngendlela ebaziva ngayo xa bemamela ngolu hlobo.

ULWAZI OLUSISISEKO Imiyalezo eyimfihlo

iph. 36
15 imiz

Xoxani Thethani ngokuba kutheni unokufuna ukuthumela umyalezo oyimfihlo, oza kuqondwa nguloo mntu uya kuye kuphela.

Yenza umsebenzi

- Jonga iflegi nganye uze ugqibezele itheyibhile.
- Gqibezela itheyibhile ngokufaka amanani kwiibhloko ngokulandelelanayo.
- Bhala imiyalezo eyenziwe ngeempawu usebenzisa amanani kunye neklasi, umz. Ndikwibanga lesibini = 14_4_9_11_23_9_2_1_14_7_1 12_5_19_9_2_9_14_9.

- Abafundi babhala umyalezo besebenzisa iimpawu.

Ngababini

- Yabelana ngomyalezo neqabane lakho.
- Sebenzisa itheyibhile ukucacisa umyalezo.

Funda

- Funda isicatshulwa esingezinye iimpawyu kunye neklasi.

IZANDI Khetha igama elichanekileyo

iph. 37
15 imiz

KNF
iph. 8–13

Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Buza ngamnye ngamnye nangamaqela.

Yenza umsebenzi

- Hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

UKUFUNDA Ukwakha isivakalisi

iph. 117
15 imiz

KNF
iph. 19–20

Sika

- Abafundi mabasike umcwe wesivakalisi kwiphepha le-181, kwiNYY.

Fundani kunye

- Lithini igama lexesha kwisivakalisi?
- Sithetha ngabani xa sisithi ba-?

Babuze imibuzo ze basike igama okanye iqela lamagama

- **Nini?** Kudala
- **Ubani?** abantu
- **Batheni?** kwakufuneka
- **Benze ntoni?** baxelelane
- **Intoni?** yonke into
- **Etheni?** ekufuneka beyazile
- **Ubani?** be-(bona/abantu)
- **Benze ntoni?** baze bakhumbule
- **Intoni?** oko bakuvileyo.

Xuba amagama esi sivakalisi, uze usakhe kwakhona

Ncamathelisa isivakalisi kwiNYY, iphepha lama-51.

UKUBHALA NOTITSHALA — Bhala ileta

15 imiz

KNF iph. 38–41

Isingeniso
- Yintoni oyikhumbulayo ngokubhala iileta? (umbuliso ekuqaleni, ukubulisa ekupheleni)

Bonisa isakhelo sokubhala
- Idilesi:
  - Idilesi/inombolo yesitalato
  - Idolophu
  - Ikhowudi yeposi
  - Umhla
- Umbuliso kunye nesiphelo

Xoxani ngezimvo
- Yintoni esiza kubhala ngayo?
- Sifunde ntoni esikolweni kule veki?
- Kutheni seye sayonwabela nje?

UkuBhala noTitshala
- Sebenzisa ifomathi echanekileyo neengcebiso zabafundi.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela uC kunye noD
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO — Ifeni yamaTshayina

30 imiz

Peyinta
- Ngepeyinti ethambileyo okanye iikhrayoni, abafundi bazoba iintaba nemithi kwiphepha elingange-A4.
- Abafundi bakhuphela uphawu olunye okanye ngaphezulu lesiTshayina emphethweni wephepha.

Yila
- Songa ingathi wenza ikhostina ukwenza ifeni.
- Cinezela iphepha ezantsi, ekupheleni kwalo.

Bonisa

Zivavanye
- Gqibezela irubhrikhi ekwiNYY, iphepha lama-51.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZEMITHAMBO — Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

LWESITHATHU

UKUZIPHATHA — Ndicinga, Ndiziva ...

15 imiz



Umbuzo
- Ungathanda ukuthumela umyalezo oyimfihlo kubani? Kutheni kufuneka ube yimfihlo?

Ngababini
- Xoxani ngombuzo.

Yabelanani
- Khetha abafundi ababini babelane ngabakuxoxileyo. Nika wonke umntu ithuba kule kota.

ULWAZI OLUSISISEKO — Indlela ekutshintshe ngayo ukubhala

iph. 38
15 imiz
KNF iph. 45

Yenza itshathi yeKWL emalunga nendlela ekutshintshe ngayo ukubhala
- Gqibezela amacandelo, Intoni esiyaziyo kunye nento esifuna ukuyazi.
- Yeka itshathi ebhodini ukuze igqityezelwe ngoLwesihlanu.

Funda iphepha
- Xoxani ngomfanekiso, uze ufunde itekisi kunye nabafundi.

Xoxani ngombuzo
- Uza kuyifumana njani impendulo ekhaya?
- Abafundi benza uphando emakhaya, ze baze neempendulo ngoLwesihlanu.

IZANDI — Isandi u-qhw

iph. 39
15 imiz
KNF iph. 8–13

Yazisa isandi
- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi
- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini
- Fundani amalungu namagama.

Bhala
- Bhala amagama emifanekiso.

Funda isivakalisi

UKUFUNDA — Imbali yokubhala

iph. 28–30
15 imiz

Fundani kunye
- Funda amaphepha amathathu okuqala ebali, *Imbali yokubhala* kunye neklasi.

Fundani ningamaqela
- Fundani ngamaqela azizithathu, tshintshiselanani ukufunda iphepha ngalinye.

Ukufunda wedwa
- Fundela ngaphakathi amaphepha amathathu okuqala ebali.

UKUBHALA — Ileta

15 imiz

KNF iph. 38–41

Phinda ujonge ifomathi yetekisi yolwazi
- Idilesi, umbuliso nesiphelo.
- Iimpawu zokubhala.

Xoxani ngesigama
- Igama lesikolo, idilesi, ikhowudi yeposi, isigama seempawu/ umyalezo oyimfihlo, kutheni ubusonwabisa.

Bhala
- Gqibezela isakhelo sokubhala.
- Faka umyalezo oyimfihlo usebenzise olunye lweempawu abazifundileyo.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela u-E
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela u-A
- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

EZOBUGCISA BEQONGA

30 imiz

Ukunxibelelana ngaphandle kwamagama

Bonisa
- Cacisa indlela yokudlala umdlalo apho ulinganisa igama okanye ibinzana ngaphandle kokuthetha, umz. amagama eenkqubo zikamabonakude okanye iifilimu.
  - Qala ubonise inani lamagama ngokuphakamisa iminwe.
  - Linganisela igama ngalinye, umz. Into engumkhenkce – zigone, ungcangcazele ngokungathi uyagodola.
  - Abaphulaphuli baqikelela isihloko.
- Bonisa umzekelo.

Ngababini
- Abafundi basebenza ngababini balinganise nokuba yintoni.

EZEMITHAMBO — Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESINE

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Cula/cengceleza

15 imiz

Ndiyakwazi ukudlala amagubu!
Ndiyakwazi ukudlala amagubu!

Entlokweni yam – betha-betha!
Esiswini sam – betha-betha!
Emadolweni am – betha-betha!
Emazantsi am – betha-betha!

Ndiyakwazi ukudlala amagubu!
Ndiyakwazi ukudlala amagubu!

Ezidleleni zam – betha-betha!
Emagxeni am – betha-betha!
Esinqeni sam – betha-betha!
Emazantsi am – betha-betha!

Ndiyakwazi ukudlala amagubu!
Ndiyakwazi ukudlala amagubu!

Kwiingqiniba zam – betha-betha!
Esilevini sam – betha-betha!
Emathangeni am – betha-betha!
Emazantsi am – betha-betha!

Ndiyakwazi ukudlala amagubu!
Ndiyakwazi ukudlala amagubu!

ULWAZI OLUSISISEKO

Amagubu athethayo

iph. 40
15 imiz

ULwazi lwangaPhambili

- Phinda ujonge isicengcelezo esingamagubu sexesha lesifundo se-Orali.

Funda iphepha

- Umfanekiso usibonisa ntoni?
- Benza ntoni abantu?
- Ucinga ukuba uthini umyalelo othunyelwa yile ndoda?

Yenza umsebenzi

- Sebenza neqabane.
- Qwebani isingqi segubu esithetha into eyonwabisayo, enxunguphalisayo, enobungozi, njl.

IZANDI

Bhala izivakalisi ngemifanekiso

15 imiz

KNF
iph. 8–13



Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Buza ngamnye ngamnye nangamaqela.

Yenza umsebenzi

- Hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

UKUFUNDA

Isigama nolwimi

15 imiz



Oonotsheluza

- Babonise uze ufunde igama ngalinye.
- Khangela uze walathe igama kwiNYY.
- Beka oonotsheluza edongeni lamagama, uze uwafunde kwakhona.

Umcwe wesivakalisi

- Funda umcwe wesivakalisi kwiNYY, iphepha lama-51.
- Leliphi igama elisixelela ukuba le nto yenzeka kudaladala? *(kwakufuneka, bakuvileyo)*
- Ingaba esi sivakalisi esipheleleyo, “Kudala abantu kwakufuneka”? *(hayi)*
- Ingaba esi sivakalisi esipheleleyo sisodwa, “abantu kwakufuneka baxelelane yonke into ekufuneka beyazile”? (*Ewe, kodwa kuyakufuneka usebenzise unobumba omkhulu ekuqaleni kwesivakalisi.)*
- Ukuba ulishiyile igama elithi, “Kudala” ingaba isivakalisi singavakala? (*Ewe, kodwa besingenako ukwazi ukuba into yenzeke **nini**.)*

UKUBHALA

Ukuphucula ukubhala

15 imiz



Xoxani ngokubhala notitshala

- Fundela abafundi isivakalisi sangoLwesibini ngexesha lokubhala notitshala.
- Khetha igama kwisivakalisi kwaye ubonise indlela yokusenza sibe nomdla ngakumbi ngokuthi ufake isichazi phambi kwaso, umzekelo: sifunde ngeempawu ezifihlakeleyo. Eyona ndawo ndiyithandayo yimiyalezo enomdla kunye nengaqondakaliyo esiyibhalileyo, njl.

Ngababini: funda, jonga ze uphucule

- Abafundi bafundelana neqabane isivakalisi abasibhale izolo.
- Jongani upelo neempawu zokufunda zesivakalisi kunye.
- Ungasenza isivakalisi sakho sibe nomdla ngakumbi ngokuthi ufakele izichazi?

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Ukujonga ukuBhala ngeSandla

- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela uB kunye noC

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

EZOBUGCISA BEQONGA

Linganisa ukuthetha ngaphandle kokusebenzisa amagama

30 imiz

Amaqela

- Iqela ngalinye lilinganisela iklasi ukuthetha ngaphandle kokusebenzisa amagama ebeziqhelanise nako.
- Abanye eklasini bazama ukuqashisa ukuba ngowuphina umdlalo kamabonakude okanye ifilimu abayilinganisayo.

Vavanya

- Ncoma nize niqhwabele iqela ngalinye.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

iph. 38
15 imiz

Indlela ekutshintshe ngayo ukubhala

Abanye abantu abadala ngela xesha babesafunda babebhala kwizileyiti ngetshokhwe okanye ngeepensile ezikhethekileyo. Kwakunzima kuba izileyiti zazinzima ukuziphatha, kwaye kwakufuneka uwucime umbhalo xa uphelelwe yindawo yokubhalela.

Abanye abantu abadala babesebenzisa iipeni ezineencam zentsimbi oyithi nkxu kwi-inki. Ezinye iidesika zesikolo zazinemingxuma emincinane apho kwakugcinwa khona ibhotile yeinki. Wawuyithi nkxu ipeni ebhotileni yeinki xa uza kubhala igama ngalinye. Kwakuthatha ixesha elide. I-inki yayimanzi, ngoko kwakulula ukungcolisa iphepha. Abafundisi-ntsapho babengqongqo yaye abanye babedla ngokubetha abantwana abachiphiza i-inki ephepheni. Ngamanye amaxesha ubunephepha elithambileyo elibizwa ngokuba yi-blotting paper ukumisa i-inki ukuba ibaleke. Kwezinye izikolo i-inki yayingumgubo, kwaye umfundi kwakufuneka ayixube namanzi phambi kokuba azalise ibhotile yeinki.

Ngababini Chaza ukuba ufumanise ntoni.

Yabelanani

- Yalela abafundi abambalwa ukuba babelane neklasi. Bhala kwitshathi yeKWL.
- Xoxani ze ubanike ulwazi oluthe vetshe.

ULWAZI OLUSISISEKO

Indlela ekutshintshe ngayo ukubhala

15 imiz

Bhala uze uzobe into oyifumanisileyo

- Bhala into ibe nye oyifundileyo.
- Zoba umfanekiso wayo.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

iph. 41
15 imiz

KNF iph. 16–17

Isibini sifunda amagama

- Fundela iqabane lakho la magama ngomzuzu omnye.
- Titshala babekele/bamisele umzuzu.
- Biyela igama lokugqibela olifundileyo, lize iqabane libale amagama afundwe ngokungachanekanga.
- Umfundi ngamnye ufumana amathuba amathathu.

Bala amagama

- Khetha awona uzame kuwo. Thabatha onke afundwe ngokungachanekanga.
- Abafundi babhala awona manqaku abo angcono emgceni.
- Chaza ukuba uyakwazi ukufunda amagama amaninzi xa uziqhelanisa ngakumbi.

UKUBHALA

IiNdaba Zam

15 imiz

Nika isihloko seendaba

Ngababini: Sebenzisani isakhelo *seeNdaba Zam* esikwiqweqwe elingasemva leNYY ukubalisa ngokufutshane iindaba.

UkuBhala Yedwa

- Bhala umhlathi ubemnye onezivakalisi ezintathu.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Ukujonga ukuBhala ngeSandla

- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela uD kunye no-E

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

UKUJONGA NENGXELO

Funda

- Ngababini, abafundi bafundelana iindaba zabo.

Makisha umSebenzi Owenza Wedwa

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisisebenzi yabo.

15 imiz

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

30 imiz

KNF iph. 51–52

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwajongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo oluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingaziggibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

Ukugcina unxibelelwano

AMALUNGISELELO

Oonotsheluza

izimvo | i-alfabhethi | isi-Arabhu | iilwimi | ukwabelana

Umcwe wesivakalisi

Ukubhala kusinceda ukuba sabelane ngezimvo kunye namagama nesizukulwana esizayo.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

1. UkuFunda ngaBabini NYY iphepha 76
2. UkuBhala ngeSandla 1 Uu Yy
3. UkuBhala ngeSandla 2 Ubungcwalisekile umngcwabo kaLingcwalise.
4. UkuBhala ngeSandla 3 zama, chaza, xoxa, bonisa
5. DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha 49
6. DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha 111
7. DBE izaKhono zoBomi iphepha 47
8. Isichazi-magama
   izimvo i-alfabhethi iilwimi isi-Arabhu ukwabelana

IZIXHOBO ZOKWENZA UMSEBENZI

- Iikhrayoni okanye ipeyinti yexesha lezobuGcisa obuBonwayo
- Izixhobo eziza kufuneka ngexesha lezemiThambo
- Umfanekiso/itshathi yeMorse Code (jonga kwiphepha elingaphambili) yexesha lebali lokuFundelwa nguTitshala
- KwiVeki yesi-5, abafundi kufuneka beze nengqayi yeplastiki engenanto. Bacele ukuba bayifune emakhaya.



UJennilee noZane, amaqhawe ayimfihlo

"Nifunde ntoni namhlanje esikolweni?" wabuza umama wamawele.

"UNksk. Jantjies usibonise indlela yokuthumela imiyalezo ngetotshi!" waphendula uJennilee. "Njengophawu lwemfihlo!"

"Ibintle kakhulu loo nto!" watsho uZane. "Mandikubonise, mama." Wathatha itotshi **wadanyaza** ngayo.

"Le yindlela obhala ngayo igama lam ngetotshi," watsho, "u-Z ngudwi dwi chaphaza chaphaza … wenza udanyazo olude ngetotshi nodanyazo olufutshane xa usenza ichaphaza.

… u-A lichaphaza dwi.

… uN ngudwi chaphaza.

… u-E lichaphaza nje."

A ●–	J ●–––	S ●●●
B –●●●	K –●–	T –
C –●–●	L ●–●●	U ●●–
D –●●	M ––	V ●●●–
E ●	N –●	W ●––
F ●●–●	O –––	X –●●–
G ––●	P ●––●	Y –●––
H ●●●●	Q ––●–	Z ––●●
I ●●	R ●–●	

iMorse code

Utatomkhulu wabo wabukela. "Owu! IMorse Code! Niyazi ukuba zeziphi ezona mpawu zidumileyo zeMorse Code?" wabuza.

"EWE!" akhwaza amawele, "Y**iSOS**!"

"UNksk. Jantjies uthe luthetha ukuthi 'Save Our Souls' ngesiNgesi," watsho uJennilee.

"Jonga." Wathatha itotshi wenza udanyazo olufutshane kathathu. Wathi, "Ngu-S lowo".

Wenza udanyazo olude kathathu, wathi "Ngu-O lo." Emva koko, wenza udanyazo olufutshane kathathu kwakhona.

"Ewe," watsho uZane, "iSOS luphawu olusetyenziswa ngabantu ababambeke endaweni ethile, abafuna uncedo ngokungxamisekileyo."

"Ngoko ke, yindlela yokukhwaza ucela uncedo xa kungekho mntu unokukuva," watsho umama.

"Ndiyathemba ukuba asiyakuze siyisebenzise!" Bahleka.

Kwiintsuku ezimbalwa, kwenzeka umnqa. Ekupheleni kwesitalato sabo amawele abona ukukhanya kudanyaza kwibhodlo elidala.

"Hayi!" wakhwaza uZane, "Lichaphaza chaphaza chaphaza, dwi dwi dwi, chaphaza chaphaza chaphaza!"

"Mama!" bakhwaza kunye, "YiSOS!"

"Kukho umntu ofuna uncedo!" watsho unina.

Wafowunela amapolisa. Kungekudala, babona iimoto zamapolisa zifika esitalatweni. Babona amapolisa engena kwibhodlo kwakudanyaze kulo isibane. Kwangoko kwaphela ukudanyaza.

Ngobo busuku ipolisa lafowunela umama wamawele labulela. "Sikubulela bucala kuba usindise umntu. Asifuni **abophuli-mthetho** bazi ukuba sibizwe ngubani."

Lathi ngunyana womdlali wombhoxo owaziwayo owayethinjiwe waza wavalelwa kwibhodlo. Wafumana iqhekezana lesipili esaphukileyo, wakhumbula ngokufunda ngeMorse Code neSOS. Wabeka isipili elangeni wadanyazisa iSOS efesitileni, ngethemba lokuba ukho umntu oza kusibona.

Uyise wenkwenkwana wathengela usapho lwamawele amatikiti omdlalo wombhoxo, ebulela ngokusindisa unyana wakhe. Akubona indlela abawonwabele ngayo umdlalo wabathengela amatikiti emidlalo yesizini yonke yombhoxo. Akukho mntu wayevuya njengotatomkhulu. "Amatikiti esizini yonke!" watsho, "ngamaqhawe am ayimfihlo! Phambili Stormers!"

ISIGAMA

wadanyaza – walayita wacima itotshi ngokukhawuleza okukhulu

iSOS – abantu kwihlabathi basebenzisa lo mqondiso ukubonisa ukuba basengxakini. Ubizwa ngokuba ngumqondiso wembandezelo

abophuli-mthetho – abantu abenze izinto ezingavumelekanga ngokomthetho

UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO

UJennilee noZane, amaqhawe ayimfihlo

NT
iph. 43
15 imiz

Phambi kokufunda
- Xoxani ngokuba zeziphi iindidi zonxibelelwano iklasi efunde ngazo kule veki.
- Bonisa ngeMorse Code ebhodini (jonga kwiphepha 43).

Ukufunda
- Funda ibali ngokuvakalayo uze ubuze imibuzo.

Emva kokufunda
- Lubaxelela ntoni abantu uphawu lweSOS?
- Ungavakalelwa njani xa unokusindisa umntu ngokuthi ukhumbule into oyifunde esikolweni?

ULWAZI OLUSISISEKO

Ukunika imiyalelo ecacileyo

iph. 43
15 imiz

ULwazi lwangaPhambili
- Wakhe walathisa umntu indlela eya kwindawo aya kuyo? Umzekele, umntu akubuze indlela eya kwiofisi yenqununu?
- Ingaba kwakulula ukumchazela?

Funda iphepha
- Jonga umzekelo wokuyalela indlela uze ufunde isicatshulwa.

Xoxani ngemiyalelo
- Bonisa ukuba umyalelo ngamnye uthetha ntoni.
- Abafundi bahambo ngokwemiyalelo.
- Abafundi bahlela amanye amagama emiyalelo, baze bayibhale ephepheni.

IZANDI

Isandi u-ngcw

iph. 44
15 imiz

KNF
iph. 8–13

Yazisa isandi
- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi
- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini
- Fundani amalungu namagama.

Bhala
- Bhala amagama emifanekiso.

Funda isivakalisi

UKUFUNDA

Imbali yokubhala

iph. 31–33
15 imiz

Ukuthetha ngomfanekiso
- Yintoni oyibonayo emfanekisweni?

Funda ibali lonke kunye nabafundi
- Abafundi bakhomba amagama ngeminwe yabo.

Ingqiqo
- Kwiphepha lama-43, khomba igama elisixelela ukuba umbhalo wamaTshayina uqala phi kunye namagama asixelela ukuba umbhalo wamaArabhu uqala phi.
- Kwiphepha lama-44, khomba igama elisixelela uninzi lweelwimi lusebenzisa i-alfabhethi efanayo.
- Kwiphepha lama-45, khomba amagama asixelela ukuba abantu abangekazalwa baza kukwazi ukufunda amagama wethu.

UKUBHALA UkuBhala ngeSandla

30 imiz

KNF iph. 31–37



Bonisa umzekelo ebhodini
- Nikeza ngepatheni yokuziqhelanisa yeveki.
- Bonisa imisebenzi emi-3 yokuBhala ngeSandla yale veki. (jonga kwiphepha lesi-6 leNT)
- Gxininisa ekwakheni oonobumba.

Ukuziqhelanisa okukhokelwayo
- Abafundi basebenza kwiphepha leNYY.
- Titshala jikeleza phakathi kwabafundi ulungise indlela yokuhlala nokubamba ipensile.

Ukuziqhelanisa eyedwa
- Abafundi baza kuziqhelanisa ngakumbi ngexesha lomsebenzi owenza wedwa.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Nika intshayelelo yemiSebenzi Oyenza Wedwa yale veki, ibhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela u-A kunye noB
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO Umfanekiso wemo yomoya

30 imiz

Xoxani
- Xoxani ngendlela ekunokusetyenziswa ngayo imifanekiso ukunxibelelana nabanye.
- Khumbuza abafundi ngemibala efudumeleyo nepholileyo kunye nendlela enokuchaphazela ngayo imeko ngokwasemoyeni yomfanekiso:
  - Imibala efudumeleyo efana nomthubi, orenji nobomvu isenza sibenovuyo.
  - Imibala epholileyo efana noluhlazo okwesibhakabhaka, luhlaza okwengca nomfusa isenza sive umoya wethu uphantsi kwaye sinxunguphele.

Yila
- Abafundi basonga iphephalabo phakathi.
- Kwicala lasekhohlo bazoba umfanekiso wento ebenza bazive benovuyo.
- Basebenzisa imibala efudumeleyo ubukhulu becala. (Umnyama nomhlophe ungasetyenziswa kuwo nawuphi umfanekiso.)
- Gcina iphepha, uza kugqibezela umsebenzi ngoLwesibini.

EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Lungiselela
- Khetha imisebenzi emine eyohlukileyo yale veki kwiphepha lesi-5.
- Lungisa izixhobo zale misebenzi.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane ale veki.

Yazisa izitishi zemisebenzi
- Bonisa abafundi izixhobo, uze ucacise imisebenzi emine yale veki.
- Abafundi balinganisa le misebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke
- Dlalani umdlalo onje ngokuleqa-leqana okanye undize.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESIBINI

UKUZIPHATHA Ukuziqaphela

15 imiz

- Ngababini bahlala bejongene.
- Abafundi bayatshintshiselana ukwenza imbonakalo yobuso ukubonisa iimvakalelo ezahlukileyo, umz. uncumo ngenxa yolonwabo, umlomo wehla ngenxa yonxunguphalo, njl.
- Iqabane liqashisela imvakalelo.
- Khetha abafundi abambalwa babelane ngembonakalo yobuso babo.
- Thetha ngendlela ekusetyenziswa imbonakalo yobuso endaweni yokusebenzisa amagama.

ULWAZI OLUSISISEKO Ukuqonda ngaphandle kwamagama

iph. 45
15 imiz

Funda
- Jongani umfanekiso kunye.
- Cacisa ukuba abantu abasemfanekisweni bayanxibelelana besebenzisa amalungu omzimba.
- Abafundi baziqhelanisa neempawu ezahlukileyo, umz. oobhontsi phezulu.
- Funda isicatshulwa namagama angqonge umfanekiso.

Impendulo
- Abafundi batshatisa amagama nendawo echanekileyo yomfanekiso.

Jonga
- Jongani iimpendulo neqabane.

IZANDI Fakela isandi esishiyiweyo

iph. 46
15 imiz

KNF
iph. 8–13

iingcwangu
ingcwaba
ingxolo
ingxelo
isingxobo

Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza
- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Buza ngamnye ngamnye nangamaqela.

Yenza umsebenzi
- Hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

UKUFUNDA Ukwakha isivakalisi

iph. 121
15 imiz

KNF
iph. 19–20

Sika
- Abafundi mabasike umcwe wesivakalisi kwiphepha le-185, kwiNYY.

Fundani kunye
- Ibinzana legama u-si kwigamba, “kusinceda” lisixelela ntoni?
- Igama elithi, “nesizukulwana” lisixelela ntoni?

Babuze imibuzo ze basike igama okanye iqela lamagama
- **Intoni?** Ukubhala
- **Kwenza ntoni?** kusinceda
- **Ubani?** si- / sa (thina)
- **Senze ntoni?** sabelane
- **Ngantoni?**ngezimvo kunye namagama
- **Nabani?** nesizukulwana
- **Sanini?** esizayo.

Xuba amagama esi sivakalisi, uze usakhe kwakhona

Ncamathelisa isivakalisi kwiNYY, iphepha lama-66.

UKUBHALA NOTITSHALA

Bhala umbongo

15 imiz

KNF iph. 38–41

Isingeniso
- Buza abafundi ukuba ukhona umbongo abawukhumbulayo abakhe bawufunda.
- Cacisa ukuba imibongo ingabhalwa ngeendlela ezahlukileyo.
- Imbongi ikhetha amagama athile ukuvakalisa izimvo zayo nokubonisa iingcinga neemvakalelo.

Bonisa isakhelo sokubhala
- Lo ngumbongo we-akhrostikhi. Ukubhala umbongo we-akhrostikhi, sikhetha igama lomntu okanye izimvo.
- Sibhala unobumba ngamnye wegama kumgca omtsha, size sibhale igama okanye ibinzana elifutshane elichaza elo gama ecaleni konobumba ngamnye.
- Umzekelo:
  Indawo
  Siyonwaba
  Imbeko ibalulekile
  Kuyadlalwa
  Ootitshala balungile
  Luvuyo
  Olumangalisayo

Xoxani ngezimvo Amagama achaza isikolo uqale ngonobumba ngamnye.

UkuBhala noTitshala Bhala umbongo ebhodini, usebenzisa iingcebiso zabafundi.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela uC kunye noD
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Umfanekiso wemo yomoya

30 imiz

Yila
- Abafundi bazoba umfanekiso kwicala lasekunene lephepha besebenzisa imibala epholileyo.
- Umfanekiso kufuneka ubonise into ezolileyo okanye umoya owehlileyo.

Bonisa
- Bonisa umfanekiso eklasini.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

LWESITHATHU

UKUZIPHATHA — Ndicinga, Ndiziva ...

15 imiz



Umbuzo
- Wakhe wanceda umntu owayesengxakini?
- Ukhona umntu owakhe wakunceda usengxakini?

Ngababini
- Xoxani ngombuzo.

Yabelanani
- Khetha abafundi ababini babelane ngabakuxoxileyo. Nika wonke umntu ithuba kule kota.

ULWAZI OLUSISISEKO — Iimephu

iph. 47
15 imiz
KNF iph. 45

Yenza itshathi yeKWL emalunga neemephu
- Gqibezela amacandelo, Intoni esiyaziyo kunye nento esifuna ukuyazi.
- Yeka itshathi ebhodini ukuze igqityezelwe ngoLwesihlanu.

Funda iphepha
- Xoxani ngomfanekiso, uze ufunde itekisi kunye nabafundi.

Xoxani ngombuzo
- Uza kuyifumana njani impendulo ekhaya?
- Abafundi benza uphando emakhaya, ze baze neempendulo ngoLwesihlanu.

IZANDI — Isandi u-ngx

iph. 48
15 imiz
KNF iph. 8–13

Yazisa isandi
- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi
- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini
- Fundani amalungu namagama.

Bhala
- Bhala amagama emifanekiso.

Funda isivakalisi

UKUFUNDA — Imbali yokubhala

iph. 31–33
15 imiz

Fundani kunye
- Fundani isiqingatha sesibini sebalii, *Imbali yokubhala* kunye neklasi.

Fundani ningamaqela
- Fundani ngamaqela azizithathu, tshintshiselanani ukufunda iphepha ngalinye.

Ukufunda wedwa
- Fundela ngaphakathi amaphepha amathathu okugqibela ebali.

UKUBHALA

Bhala umbongo

15 imiz

Phinda ujonge
- Phindani nifunde umbongo we-akhrostikhi ebeniwubhale nekilsi.

Xoxani ngesigama
- Xoxani ngemizekelo yamagama ukuze abafundi bachaze igama, umz. uyahlekisa, wonwabile, njl.
- Abafundi bafuna igama okanye ibinzana elifutshane eliqala ngonobumba ngamnye wegama.

Bhala Gqibezela isakhelo sokubhala.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela u-E
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela u-A
- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

EZOBUGCISA BEQONGA

Ukudlala indawo

30 imiz

Isingeniso
- Hlaziya ibali, *uJennilee noZane*, amaqhawe ayimfihlo.

Xoxani
- Yayingoobani abalinganiswa ebalini?
- Ngubani owayeligorha ebalini? Yayingoobani abophuli-mthetho?
- Ucinga ukuba abantwana babekhangeleka njani? Bethetha njani?
- Ucinga ukuba umama wabo notatomkhulu babekhangeleka njani? Bethetha njani?
- Ucinga ukuba ipolisa lalikhangeleka njani? Lithetha njani?

Amaqela
- Abafundi balinganisa ibali ngokwamaqela.
- Wonke umfundi makafumane ithuba.

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA — Cula/cengceleza

15 imiz

Cula nangayiphi na ithuni engahambelana nale ngonyana

Amaqhawe abalaseleyo alapha aze kuhlangula usuku.
Amaqhawe abalaseleyo alapha aze kufumana indlela!
Anceda wonke umntu ofuna uncedo,
Amaqhawe abalaseleyo, kuwo wonke umhlaba wethu.

Amaqhawe abalaseleyo alapha azokuhlangula usuku!
Amaqhawe abalaseleyo alapha aze kufumana indlela!
Ingaba onke afana noSuperman okanye uSpiderman okanye uHulk?
Hayi! Amaqhawe abalaseleyo ngamanye amaxesha afana nathi!

ULWAZI OLUSISISEKO — Imiyalelo

iph. 49
15 imiz

UMHLA

Imiyalelo

Sebenza neqabane. Funda imiyalelo. Uyaphi uPaul?

1. Qala kwikhaya likaPaul. Hamba ngomgaqo omkhulu.
2. Wela isitalato iNtshona kunye neHadeda Avenue.
3. Ngaphaya kwendawo yokutyela, jika ngasekhohlo.
4. Hamba ngesitalato sesikolo.
5. Dlula kwikhaya likaJennilee nakwisikhululo samapolisa.
6. Indawo oya kuyo ingasekunene kwakho. Uphi?

Isitalato iProtea
Isitalato iMadiba
Ipaki iTutu
Hadeda Avenue
Ikhaya lika-Jennilee
Isitalato sesikolo
Ikhaya likaPaul
Isitalato iNtshona
Isitalato iZabu Ndlovu
Umgaqo omkhulu
Izalathisi
Ibala lokudlala
Isikhululo samapolisa
Indlu/ikhaya
Iventile emkhulu
Indawo yokutyela
Isikolo

Nika iqabane lakho imiyalelo lisuke esikolweni liye nokuba kuphi kwimephu.

IVEKI YESI-4 • LWESITHATHU • 49

- Ngawaphi amabinzana esinokuwasebenzisa xa sinika imiyalelo?

Funda iphepha

- Funda uluhlu lwemiyalelo.
- Jonga kwimephu.

Yenza umsebenzi

- Abafundi basebenza ngababini.
- Landela uze unike imiyalelo.

IZANDI — Bhala magama ngendlela echanekileyo

iph. 50
15 imiz

KNF
iph. 8–13


UMHLA

Bhala amagama ngendlela echanekileyo.

1. ingxasingxa ingxangxasi
2. ingxasingxo _____
3. ukungangcwe _____
4. ibongangxo _____
5. ibangcwa _____
6. iingungcwa _____
7. isibongxo _____
8. umangxum _____

50 • IVEKI YESI-4 • LWESINE

Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Buza ngamnye ngamnye nangamaqela.

Yenza umsebenzi

- Hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

UKUFUNDA — Isigama nolwimi

15 imiz

Oonotsheluza

- Babonise uze ufunde igama ngalinye.
- Khangela uze walathe igama kwiNYY.
- Beka oonotsheluza edongeni lamagama, uze uwafunde kwakhona.

Umcwe wesivakalisi

- Funda umcwe wesivakalisi kwiNYY, iphepha lama-66.
- Leliphi igama elibonisa ukuba uthetha ngabantu ababgaphezulu kwesinye? (*si-, sa-, isizukulwana*)
- Sithi esi sigaba sisininzi? Sithini isininzi sika mna? (*Thina*)

UKUBHALA — UkuBhala ngeNgqiqo

iph. 51
15 imiz

UMHLA _____

Ingqiqo

Jonga kwimephu ekwiphepha lama-49.

1 Ivenkile enkulu ikwisitalato _____.
○ iJabu Ndlovu ○ iProtea

2 Ikhaya likaJennilee likwisitalato _____.
○ sesikolo ○ iNtshona

3 Ikhaya likaPaul _____.
○ likwisitalato iMadiba ○ likumgaqo omkhulu

4 Isikhululo samapolisa _____.
○ siseHadeda Avenue ○ sikwisitalato iMadiba

5 Indawo yokutyela ikwicala lesikolo elise-
○ mpuma ○ ntshona.

6 Isikolo sikwisitalato _____.

7 _____ ikwikona yesitalato sesikolo nomgaqo omkhulu.

8 Ukuba ukwiPaki iTutu, kufuneka uhambe ngesitalato _____ okanye isitalato iProtea ukuze ufike esikolweni.

IVEKI YESI-4 • LWESINE • 51

Ukufundisa ngamaQela eNcediswa nguTitshala

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

KNF iph. 24–26

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela uB kunye noC
- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

EZOBUGCISA BEQONGA — Dlala indawo

30 imiz

Linganisa
- Amaqela alinganisa umdlalo abawuqale kusuku oludlulileyo.

Vavanya
- Ncomani nize niqhwabele izandla iqela ngalinye.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZEMITHAMBO — Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

LWESIHLANU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA — Iimephu

iph. 47
15 imiz

Iimephu zisetyenziselwa iinjongo ezahlukileyo. Zingakubonisa apho amazwe okanye iidolophu zinxulumeneyo. Zingakubonisa apho iintaba, iintlango, iilwandle kunye nemilambo ikhoyo.

Iimephu zikwakunceda ukuba ufumane indlela ukusuka kwenye indawo ukuya kwenye. Zikubonisa ukuba zeziphi iindlela omawuzilandele ukusuka kwenye indawo ukuya kwenye.

Iimephu zale mihla ezikwiiselfowuni okanye iikhompyutha zibizwa ngokuba ziimephu zobuchwepheshe. Abantu bayazisebenzisa ukufumana indlela. Ngamanye amaxesha kuye kubekho nelizwi elikuxelelayo ukuba uye ngaphi.

Ngababini
- Chaza ukuba nifumanise ntoni.

Yabelanani
- Yalela abafundi abambalwa ukuba babelane neklasi. Bhala kwitshathi yeKWL.
  - Xoxani ze ubanike ulwazi oluthe vetshe.

ULWAZI OLUSISISEKO — Iimephu

15 imiz

Bhala uze uzobe into oyifumanisileyo
- Bhala into ibe nye oyifundileyo.
- Zoba umfanekiso wayo.



Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

IZANDI — Ubizelo

15 imiz
KNF iph. 10

Amagama obizelo
- Biza igama ngokucacileyo nangokucotha.
- Liphinde kube kanye.

Bhala
- Nika abafundi ixesha babhale igama ngalinye.
- Abafundi mababhale kakuhle nangokubukekayo.

Jonga uze ukorekishe
- Bhala amagama ebhodini ukuze abafundi bamakishe umsebenzi wabo.

undwendwe
iingcwangu
umngcwabo
umngxuma
ingxangxosi

UKUBHALA — liNdaba Zam

15 imiz

Nika isihloko seendaba

Ngababini: Sebenzisani isakhelo *seeNdaba Zam* esikwiqweqwe elingasemva leNYY ukubalisa ngokufutshane iindaba.

UkuBhala Yedwa
- Bhala umhlathi ubemnye onezivakalisi ezintathu.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla

- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela uD kunye no-E

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

UKUJONGA NENGXELO

15 imiz

Funda

- Ngababini, abafundi bafundelana iindaba zabo.

Makisha umSebenzi Owenza Wedwa

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisisebenzi yabo.

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwajongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo oluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingaziggibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.



Kwenzeka ntoni ebusuku?

AMALUNGISELELO

Oonotsheluza

elingumnqa | iphupha | elikhethekileyo | kwavela | wakhefuzela

Umcwe wesivakalisi

USipho wathi kumakhulu, “Ixhego lithe kufanele ndibukele iKhumbul’ekhaya kumabonakude kunye nawe.”

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

1. **UkuFunda ngaBabini** NYY iphepha 98
2. **UkuBhala ngeSandla 1** Aa Xx
3. **UkuBhala ngeSandla 2** Iintsana zikaNontsikelelo zidlale intsasa yonke.
4. **UkuBhala ngeSandla 3** ingoma yokulala, iphupha, ixesha lokulala, lala
5. **DBE uLwimi lwaseKhaya** iphepha 41
6. **DBE uLwimi lwaseKhaya** iphepha 72
7. **DBE izaKhono zoBomi** iphepha 58
8. **Isichazi-magama**
   elingumnqa iphupha elikhethekileyo kwavela wakhefuzela

IZIXHOBO ZOKWENZA UMSEBENZI



- 500 ml yebhotile yamanzi, ibhaloni, amacephe amabini eswekile, ipakethi yegwele elikhawulezayo
- Umfundi ngamnye makaze nejagi yeplastiki (efana nebhotile yebhotolo yamandongomane)
- Iphepha (elibengezelayo okanye elingenanto), isikere
- Izixhobo ezifunekayo ukwenza imisebenzi yezemiThambo

Iphupha likaSipho

Ngobunye ubusuku uSipho waphupha iphupha **elingumnqa**. Kwakungathi udibene nexhego elithile laze lathetha naye. Akazange ayeke ukucinga ngeli phupha.

Uninakhulu wambuza ukuba kutheni ethule kangaka. Waze uSipho wambalisela ngephupha lakhe.

Wamncumela uninakhulu. "Khawutsho, belikhangeleka njani eli xhego?" wabuza umakhulu.

USipho wamxelela ukuba ixhego belinamehlo anobubele **noncumo olubanzi**.

Wabonisa uSipho ifoto. "Owu! Nguye lo ebesephupheni lam!" watsho uSipho.

"Ngutatomkhulu wakho lo Sipho," watsho umakhulu, "ndicinga ukuba eli ibiliphupha elikhethekileyo. Utheni ephupheni?"

USipho wazama ukukhumbula. Wathi, "Uthe kuza kufuneka ndijonge olu sapho xa ndimdala. Wathi mna nawe zesibukele *uKhumbu' ekhaya* kumabonakude."

"Kamnandi *uKhumbul' ekhaya* ungokuhlwa nje," wahleka umakhulu. "Siza kumbukela," watsho.

Ngobo busuku uSipho nomakhulu wakhe babukela *uKhumbul' ekhaya*. Babona idlela indoda ethile eyamfumana ngayo umntakwayo emva kweminyaka emininzi. Bavuya kakhulu bakufumanana.

"Kumnandi ukubona abantu bonwabile," watsho umakhulu.

Emva koko, kwavela ixhegokazi elithile. "Ndikhangela umntakwethu, okanye usapho lwakhe," latsho. Labonisa umfanekiso wendoda.

Umakhulu kaSipho wakhefuzela. "Hayini!" wakhuza, "Ingaba yinyani na le?"

USipho wavakalelwa ngathi kukho into entle eyenzekayo. Wakhumbula indlela indoda yasephupheni eyayimncumele ngayo. "Owu!" wakhwaza esithi, "Lo makhulu ufana notatomkhulu ebendiphuphe ngaye! Kwaye banoncumo olufanayo! Uyamazi, Makhulu? Uyamazi?"

"Maiphulaphule ukuze sive ukuba uthini na!" watsho umakhulu.

Ixhegokazi elikumabonakude lisathetha. "NdinguDuduzile Gumede. Igama likabhuti wam nguBheki Gumede. Sasihlala eShowe. **Saphulukana nokunxibelelana** kudala."

Umsasazi kaKhumbul' ekhaya wabuya wavela kumabonakude.

"Ukuba kukho nabani na onokunceda uDuduzile afumane ubhuti wakhe makancede afowunele le nombolo ..."

Umakhulu wahlala ebeke isandla emlonyeni. "Ngudade botatomkhulu wakho lowa," watsho umakhulu, "Andikholelwa tu!" Wafowunela loo nombolo ngoko nangoko.

Yayiyimini emnandi kahulu imini ekwafika ngayo igqiza likaKhumbul' ekhaya ekhaya noDuduzile. Baphuma bonke abamelwane babukela.

Umakhulu kaSipho noDuduzile bahlala bancokola. "Ndiyaxolisa kuba umntakwenu engasekho emhlabeni!" watsho umakhulu. Balila bawolana, behleka.

UDuduzile wanga uSipho esithi ufana nqwa noyisemkhulu. "Nguye owenze ukuba sikufumane," watsho uSipho.

"Mhlawumbi nguye," waphendula ngoncumo umakhulu.

ISIGAMA

elingumnqa –elingaqhelekanga okanye elimangalisayo

uncumo olubanzi – uncumo olukhulu kakhulu nemilebe evulelekileyo

saphulukana nokunxibelelana – zange baphinde babonane

MVULO

UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO — Iphupha likaSipho

NT iph. 55
15 imiz

Phambi kokufunda
- Cela abafundi ukuba bathethe ngamaphupha abakhe banawo.

Ukufunda Funda ibali ngokuvakalayo, uze ubuze imibuzo.

Emva kokufunda
- Waphupha ngabani uSipho?
- Ucinga ukuba umakhulu noSipho bavakalelwa njani bakubona uDuduzile kumabonakude?
- Ucinga ukuba *uKhumbul' ekhaya* yinkqubo kamabonakude elungileyo? Ngoba?

ULWAZI OLUSISISEKO — Ukwenza isonka

iph. 60
15 imiz

ULwazi lwangaPhambili
- Ungabakhankanya abantu abasebenza ebusuku? Kutheni le nto besebenza silele?

Ulwazi olutsha
- Kutheni ababhaki kufuneka basebenze ebusuku?
- Kutheni isonka sithatha ixesha elide kangaka ukwenziwa?

Fundela abafundi iphepha nize nifunde kunye

IZANDI — Isandi u-nts

iph. 61
15 imiz

KNF
iph. 8–13



Yazisa isandi
- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi
- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini
- Fundani amalungu namagama.

Bhala
- Bhala amagama emifanekiso.

Funda isivakalisi

UKUFUNDA — Iphupha likaSipho

iph. 54–59
15 imiz

Ukuthetha ngomfanekiso
- Ubona bani kumfanekiso ngamnye?

Fundela abafundi ibali lonke nize nifunde kunye
- Abafundi bakhomba amagama ngeminwe yabo.

Ingqiqo
- Kwiphepha lama-78, khomba igama elisixelela ukuba uSipho wayecinga ukuba iphupha lakhe lalingaqhelekanga.
- Kwiphepha lama-79, Khomba amagama asixelela ukuba wathini utatomkhulu.
- Kwiphepha lama-80, khomba amagama asixelela ukuba wathini umakhulu.
- Wazi njani ukuba umakhulu wayemangalisiwe?
- Ungavakalelwa njani xa unokubona umntu omaziyo kumabonakude?

UKUBHALA

UkuBhala ngeSandla

30 imiz

KNF iph. 31–37



Bonisa umzekelo ebhodini
- Nikeza ngepatheni yokuziqhelanisa yeveki.
- Bonisa imisebenzi emi-3 yokuBhala ngeSandla yale veki. (jonga kwiphepha lesi-6 leNT)
- Gxininisa ekwakheni oonobumba.

Ukuziqhelanisa okukhokelwayo
- Abafundi basebenza kwiphepha leNYY.
- Titshala jikeleza phakathi kwabafundi ulungise indlela yokuhlala nokubamba ipensile.

Ukuziqhelanisa eyedwa
- Abafundi baza kuziqhelanisa ngakumbi ngexesha lomsebenzi owenza wedwa.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Nika intshayelelo yemiSebenzi Oyenza Wedwa yale veki, ibhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela u-A kunye noB
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Ingqayi yamaphupha

30 imiz

Xoxani
- Thetha ngendlela amaphupha anokuba zizinto ozibonayo xa ulele, kodwa angaba zizinto ozinqwenelayo.
- Ngababini: Xoxani ngezinto oziphuphayo/ozinqwenelayo.
- Siza kwenza ingqayi yokugcina amaphupha ethu akhethekileyo.

Yenza imihombiso
- Bonisa indlela yokuzoba iinkwenkwezi ezineekona ezintlanu kunye neenkwenkwezi ezineekona ezintathu.

- Abafundi bazoba amalanga amathandathu, iinyanga neenkwenkwezi.
- Bafaka imibala kwiimilo ngononophelo baze bazisike. Zigcine zikhuselekile kuba niza kuqhubeka ngesifundo esilandelayo.
- Khumbuza abafundi ukuba beze nengqayi yeplastiki engenanto (umz. ibhotile yebhotolo yamandongomane) ngomso.

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Lungiselela
- Khetha imisebenzi emine eyohlukileyo yale veki kwiphepha lesi-5.
- Lungisa izixhobo zale misebenzi.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane ale veki.

Yazisa izitishi zemisebenzi
- Bonisa abafundi izixhobo, uze ucacise imisebenzi emine yale veki.
- Abafundi balinganisa le misebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke
- Dlalani umdlalo onje ngokuleqa-leqana okanye undize.

LWESIBINI

UKUZIPHATHA Ukuziqaphela

15 imiz

- Abafundi bahlala ngokukhululeka bavale amehlo abo.
- Bacinga ngephupha okanye umnqweno abanawo ngeentsapho zabo.
- Bavula amehlo baze baxelelane ngephupha labo.
- Thetha ngendlela lo msebenzi onokubanceda ngayo bacinge okanye bacwangcise ikamva labo.

ULWAZI OLUSISISEKO Umfuniselo wegwele

iph. 62
15 imiz

Ngqamanisa nesifundo sayizolo

- Thetha ngendlela igwele elisetyenziswa ngalo ngababhaki besenza ukuba isonka sibe sikhulu kwaye sibe tofotofo.
- Buza abafundi ukuba bacinga ukuba kuza kwenzeka ntoni xa sigalela igwele neswekile emanzini ashushu.

Yenza umfuniselo

- Faka malunga ne-125 ml yamanzi afudumeleyo kunye namacephe amabini eswekile ebhotileni. Faka igwele.
- Vula ibhaloni uze uyibeke phezu kwebhotile.
- Linda imizuzu eli-10 uze ujonge okwenzekayo.

Xoxani

- Abafundi bagqibezela iphepha.
- Igwele lifuna ukufudumala nokutya (iswekile) ukuze likhule. Njengoko linyuka, likhupha umoya *oyicarbon dioxide*, lo moya uvuthela ibhaloni. Lo moya nguwo owenza isonka sinyuke.



IZANDI Khetha igama elichanekileyo

iph. 63
15 imiz

KNF
iph. 8–13

Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Buza ngamnye ngamnye nangamaqela.

Yenza umsebenzi

- Hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

UKUFUNDA Ukwakha isivakalisi

iph. 123
15 imiz

KNF
iph. 19–20

Sika

- Abafundi mabasike umcwe wesivakalisi kwiphepha le-185, kwi NYY.

Fundani kunye

- Kutheni kukho iimpawu zentetho kwamanye amagama?
- Ngubani othethayo – nguSipho okanye ngumakhulu?

Babuze imibuzo ze basike igama okanye iqela lamagama

- **Ubani?** USipho
- **Wenze ntoni?** wathi
- **Kubani?** kumakhulu
- **Ubani?** “Ixhego
- **Lenze ntoni?** lithe kum mandibukele
- **Ntoni?** uKhumbul’ekhaya
- **Phi?** kumabonakude
- **Nabani?** kunye nawe.”

Xuba amagama esi sivakalisi, uze usakhe kwakhona

Abafundi bancamathelisa isivakalisi sabo kwiNYY, iphepha lama-89.

UKUBHALA NOTITSHALA

Bhala iresiphi

15 imiz

KNF iph. 38–41

Isingeniso
- Yintoni iresiphi? Singazifumana phi iiresiphi?

Bwonisa isakhelo sokubhala
- Singazifumana phi iiresiphi?
- Yenza uluhlu lwezithako: izinto ozidingayo nokuba zibengakanani na.
- Yenza uluhlu lwemiyalelo: Izinto oza kuzenza, ngokulandelelana.

Xoxani ngezimvo
- Xoxani ngokutya esinokukwenza esikolweni okanye emakhaya, umz. Isaladi yeziqhamo, isangweji njl. Khetha ibenye oza kubhala iresiphi yayo.
- Izinto esizidingayo: Into esiz akuyenza.

UkuBhala noTitshala
- Sebenzisa ifomathi echanekileyo usebenzise iingcebiso zabafundi.
- Bhala izivakalisi ezimfutshane, uqale ngezenzi ezinjengo *ukulinganisela, ukuxuba, ukusika.*

Iresiphi ye-_____

Izinto ozidingayo:
- (ubungakanani bezithako)
- _____
- _____

Into oza kuyenza:
1. _____
2. _____
3. _____

Yonwabela i _____ _____ yakho!

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela uC kunye noD
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Ingqayi yamaphupha

30 imiz

Cwangcisa
- Abafundi bacwangcisa indlela yokusebenzisa iimilo abazifake imibala, baze bazisika ukuhombisa iibhotile ezingenanto.

Yila
- Ncamathelisa iimilo ebhotileni, uze uyeke intlama yome.
- Bhala/zoba amaphupha/ iminqweno emaphepheni, uze uwafake ngaphakathi ebhotileni.

Bonisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

LWESITHATHU

UKUZIPHATHA Ndicinga, Ndiziva ...

15 imiz



Umbuzo
- Ngawaphi amaphupha onawo xa umdala?

Ngababini
- Xoxani ngombuzo.

Yabelanani
- Khetha abafundi ababini babelane. Nika wonke umntu ithuba kule kota.

ULWAZI OLUSISISEKO Isibhakabhaka entla kwethu

iph. 64
15 imiz
KNF iph. 45

Yenza itshathi yeKWL emalunga nesibhakabhaka
- Gqibezela amacandelo, Intoni esiyaziyo kunye nento esifuna ukuyazi.
- Yeka itshathi ebhodini ukuze igqityezelwe ngoLwesihlanu.

Funda iphepha
- Xoxani ngomfanekiso, uze ufunde itekisi kunye nabafundi.

Xoxani ngombuzo
- Uza kuyifumana njani impendulo ekhaya?
- Abafundi benza uphando emakhaya, ze baze neempendulo ngoLwesihlanu.

IZANDI Isandi u-ntsh

iph. 65
15 imiz
KNF iph. 8–13

Yazisa isandi
- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi
- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini
- Fundani amalungu namagama.

Bhala
- Bhala amagama emifanekiso.

Funda isivakalisi

UKUFUNDA Iphupha likaSipho

iph. 54–56
15 imiz

Fundani kunye
- Funda amaphepha amathathu okuqala ebali, *Iphupha likaSipho* kunye neklasi.

Fundani ningamaqela
- Fundani ngamaqela azizithathu, tshintshiselanani ukufunda iphepha ngalinye.

Ukufunda wedwa
- Fundela ngaphakathi amaphepha amathathu okuqala ebali.

UKUBHALA Iresiphi

15 imiz

Phinda ujonge ifomathi yeresiphi
- Uluhlu lwezithako (izinto ozidingayo).
- Uluhlu lwemiyalelo (Izinto oza kuzenza).

Xoxani ngesigama
- Izithako nezenzi – *sika*, *sasaza*, *tshweza*, *cubha*, njl.
- Bhala ebhodini.

Bhala
- Gqibezela isakhelo sokubhala.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela u-E
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela u-A
- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

EZOBUGCISA BEQONGA Ukucula

30 imiz

Ukuzifudumeza
- Yenza izandi ezivakalayo uvule umlomo.
- Yenza isandi esiphantsi uvale umlomo.
- Culela ezantsi naphezulu uvale umlomo.

Xoxani
- Thethani ngeengoma eziculwayo xa kulaliswa umntwana.
- Xoxani ngokuba ezingoma kufuneka ziculelwe phezulu okanye ezantsi (iinguqu).
- Bonisa ngezandla zakho indlela umculisi wekwayala enza ngayo xa ebonisa ikwayala ukuba mayiculele ezantsi naxa efuna iculele phezulu.

Fundisa ingoma
- Khetha uze ufundise ingoma eyaziwayo, Umz. *Thula bhabhana mus'ukulila umama uyeza,* njl.

EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESINE

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Cula/cengceleza

15 imiz

Cula ngethuni yengoma ethi, *Umzi watsha*

Galela umgubo, galela igwele, (x2)
I-oli, i-oli! Ityuwa, ityuwa!
Galela amanzini. (x2)

Xuba intlama, uxove intlama, (x2)
Xova, xova! (x2)
Qhubeka uxova. (x2)

Yiyeke izokunyuka, (x2)
Nyuka, nyuka! (x2)
Lixesha lokubhaka. (x2)

Kwioveni, isonka siyabhakeka, (x2)
Bhaka, bhaka! Phola, phola!
Ixesha lokutya! (x2)

ULWAZI OLUSISISEKO

Amathemba namaphepha wam

iph. 66
15 imiz



ULwazi lwangaPhambili

- Besisithini ngamaphupha neminqweno?

Funda iphepha

- Ungabhala ntoni kwibhloko nganye?
- Izibini zabelana ngeezimvo zento abaza kuyibhala.

Yenza umsebenzi

IZANDI

Bhala isivakalisi ngomfanekiso

iph. 67
15 imiz

KNF
iph. 8–13



Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Buza ngamnye ngamnye nangamaqela.

Yenza umsebenzi

- Hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

UKUFUNDA

Isigama nolwimi

15 imiz

Oonotsheluza

- Babonise uze ufunde igama ngalinye.
- Khangela uze walathe igama kwiNYY.
- Beka oonotsheluza edongeni lamagama, uze uwafunde kwakhona.

Umcwe wesivakalisi

- Funda umcwe wesivakalisi kwiNYY, iphepha lama-89.
- Leliphi igama elisixelela ukuba ixhego lifune ukuba uSipho ***enze into***? (*mandi-*)
- Ngawaphi amanye amagama esiwasebenzisayo xa sinika imiyalelo? (*ndicela u-, unga-, khawu-, kufuneka, kunyanzelekile*)

UKUBHALA

Ukuphucula ukubhala

15 imiz



Xoxani ngokubhala notitshala

- Fundela abafundi isivakalisi sangoLwesibini ngexesha lokubhala notitshala.
- Bonisa indlela owenza ngayo isivakalisi sibe nomdla ngakumbi (umzekelo, yongeza izichazi okanye iinkcazelo; sebenzisa izenzi ezinomdla).

Ngababini: funda

- Abafundi bafundelana neqabane isivakalisi abasibhale izolo.

Jonga ze uphucule

- Jongani upelo neempawu zokufunda zesivakalisi kunye.
- Ungasenza isivakalisi sakho sibe nomdla ngakumbi ngokuthi ufakele izichazi?

Tshintshani uze uphinde kwiqabane ngalinye

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujong ukuBhala ngeSandla

- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela uB kunye noC

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

EZOBUGCISA BEQONGA

Linganisa ingoma

30 imiz

Xoxani

- Zeziphi iindawo zengoma ekufuneka ziculelwe ezantsi, izeziphi ekufuneka ziculelwe phezulu.
- Zeziphi iimpawu zezandla onokuzisebenzisa ukubonisa iinguqu ofuna abafundi bazenze.

Linganisa

- Iklasi icula ingoma eyifunde kusuku olungaphambili.
- Culisa usebenzisa iimpawu zezandla ekuvunyelwene ngazo.
- Vumela umfundi omnye okanye ababini baculise besebenzisa iimpawu zezandla.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

LWESIHLANU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

iph. 64
15 imiz

Isibhakabhaka entla kwethu

Ukuphuma nokutshona kwelanga kusinika imini nobusuku. Oku kutshintsha indlela isibhakabhaka esijongeka ngayo emini nasebusuku.

Ilanga liqalisa ukubonakala elundini. Libonakala libomvu okanye liorenji. Kuyo yonke intsasa, ilanga linyuka linyukela phezulu esibhakabhakeni, de kube semini maqanda. Ilanga liqalisa ukutshona emva kwemini, de litshone ngokuhlwa.

Isibhakabhaka sikhangeleka ngathi sitshintsha umbala kuba imitha yelanga ikhazimla ngamasuntswana (amasuntswana othuli) emoyeni. Imibala iyaqaqamba ekuphumeni nasekutshoneni kwelanga kuba kukho amasuntswana amaninzi xa ilanga lisezantsi.

Ngababini
- Chaza ukuba ufumanise ntoni.

Yabelanani
- Yalela abafundi abambalwa ukuba babelane neklasi. Bhala kwitshathi yeKWL.
- Xoxani, uze ubanike ulwazi oluthe vetshe.

ULWAZI OLUSISISEKO

Indlela ekutshintshe ngayo ukubhala

15 imiz



Bhala uze uzobe into oyifumanisileyo
- Bhala into ibenye oyifundileyo.
- Zoba umfanekiso wayo.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

iph. 67
15 imiz

KNF iph. 16–17

Isibini sifunda amagama
- Fundela iqabane lakho la magama ngomzuzu omnye.
- Titshala babekele/bamisele umzuzu.
- Biyela igama lokugqibela olifundileyo lize iqabane libale amagama afundwe ngokungachanekanga.
- Umfundi ngamnye ufumana amathuba amathathu.

Bala amagama
- Khetha awona uzame kuwo. Khupha onke afundwe ngokungachanekanga.
- Abafundi babhala awona manqaku abo angcono emgceni.
- Chaza ukuba uyakwazi ukufunda amagama amaninzi xa uziqhelanisa ngakumbi.

UKUBHALA

liNdaba Zam

15 imiz

Nika isihloko seendaba

Ngababini: Sebenzisani isakhelo *seeNdaba Zam* esikwiqweqwe elingasemva leNYY ukubalisa ngokufutshane iindaba.

UkuBhala Yedwa
- Bhala umhlathi ubemnye onezivakalisi ezintathu.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla

- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela uD kunye no-E

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

UKUJONGA NENGXELO

15 imiz

Funda

- Ngababini, abafundi bafundelana iindaba zabo.

Makisha umSebenzi Owenza Wedwa

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisisebenzi yabo.

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwajongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo oluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingaziggibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.



Kwenzeka ntoni ebusuku?

AMALUNGISELELO

Oonotsheluza

ukukholwa | igqiza | bawolana | bahleka | mhlawumbi

Umcwe wesivakalisi

Amaxhegwazana amabini ahlala ancokola.
Babelila bewolana behleka, baphinde balile

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

1. **UkuFunda ngaBabini** NYY iphepha 114
2. **UkuBhala ngeSandla 1**

3. **UkuBhala ngeSandla 2** linkwenkwezi ziibhola ezinkulu ezibengezelayo zegesi. Ziyazikhuphela ukukhanya kwazo. Eyona nkwenkwezi ikufutshane noMhlaba liLanga.
4. **UkuBhala ngeSandla 3** inkwenkwezi, izigaba zenyanga ukukhanya kwenyanga, ubumnyama
5. **DBE uLwimi lwaseKhaya** iphepha 11
6. **DBE uLwimi lwaseKhaya** iphepha 45
7. **DBE izaKhono zoBomi** iphepha 55
8. **Isichazi-magama**
ukukholwa igqiza bawolana bahleka mhlawumbi

IZIXHOBO ZOKWENZA UMSEBENZI



- Iphepha elimnyama lepowusta okanye iphepha elipeyintwe mnyama, iphepha elimhlophe, iphephandaba, izikere, iikhrayoni ezimhlophe okanye itipeksi, iglu yezobuGcisa obuBonwayo
- Izixhobo ezifunekayo ukwenza imisebenzi yezemiThambo

UNgalindi indoda eyinyanga

Iinkcubeko ezahlukileyo zibalisa amabali okuba kutheni izinto zendalo ziyile ndlela ziyiyo nje.

Eli libali l**abantu bomthonyama** base-Ostreliya abakholelwa ukuba ngaphambi kokuba kubekho abantu, kwakukho ixesha elalibizwa ngokuba "lixesha lokuphupha". Babalisa ngokuba kutheni inyanga ibonakala yahlukile ngenyanga nganye.

Eli libali elingabantu nenyanga, ngoko ke kufuneka uphulaphule ngenyameko ukuze ulandele okwenzekayo.

Kudaladala, ngexesha lokuphupha, ngaphambi kokuba inyanga ibe yinyanga esibhakabhakeni, inyanga yayiyindoda. Yayinabafazi ababini noonyana ababini. Igama layo yayinguNgalindi. UNgalindi wayeyindoda enkulu, enomzimba ongqukuva. Wayesonqena kwaye engaluhoyanga usapho lwakhe.

Eli candelo licacisa ukuba uNgalindi wayeyinyanga epheleleyo, kwaye wayebonakala esibhakabhakeni, engqukuva eqaqambile.

Usapho lukaNgalindi lwalumqumbele ngenxa yonqena kwakhe. Lwagqiba kwelokuba lumfundise isifundo ngokumbetha ngeentonga. Ngethuba babembetha, amalungu omzimba wakhe athi shwaka, waza wabhitya ngokubhitya.

Eli candelo lichaza ukuba xa sibona inyanga incipha esibhakabhakeni kungenxa yokuba usapho lukaNgalindi lwalumbetha ngeentonga lumenza ukuba abhitye.

UNgalindi wakhwela emthini omde ebaleka usapho lwakhe. Akukho mntu wayembona emasebeni ashinyeneyo, babecinga ukuba unyamalele.

Eli icandelo lebali lichaza ukuba xa singaboni nyanga esibhakabhakeni, kungenxa yokuba uNgalindi uzimele emthini.

Kodwa uNgalindi wayefuna ukuhlala ngendlela awayeyiyo: emkhulu, engqukuva kwaye esonqena. Ngoko ke, emva kweentsuku ezintathu, waqala ukubuyisela amaqhekeza akhe.

*Eli icandelo licacisa ukuba xa inyanga entsha, **enjengerhengqe**, ibonakala esibhakabhakeni, kungenxa yokuba uNgalindi uphinde wazidibanisa.*

Emva kweeveki ezimbini, waba nguye kwakhona. Wehla emthini wagoduka.

Eli candelo lichaza ukuba inyanga ibankulu ngokubankulu, kude ekugqibeleni kubekho inyanga engqukuva epheleleyo, kanye njengoNgalindi otyebileyo, esibhakabhakeni.

Okwexeshana, usapho lwakhe lwavuyela ukumbona. Kodwa kungekudala uNgalindi wabadika kwakhona. Ngoko, baphinda bambetha, bathatha amaqhekeza akhe kuye!

Wacaphuka kakhulu uNgalindi kodwa zange akwazi ukubanqanda. Wabhitya ngokubhitya. Wazimela ukuze kungabikho mntu umbonayo, waza wakhula kwakhona. UNgalindi uya kuhlala enyamalala aphinde athi gqi esibhakabhakeni.

Eli icandelo lichaza ukuba qho ngenyanga, inyanga iyancipha kwaye inyamalale, iphinde ikhule iphelele kwaye ibe ngqukuva.

ISIGAMA

iinkcubeko – amaqela ahlukileyo abantu kumazwe ahlukileyo

abantu bomthonyama – abantu ababesezweni kuqala, ngaphambi kokuba kubekho abanye

enjengerhengqe – imela ebukhali egobileyo enomqheba esetyenziswa ukusika ingca

MVULO

UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO

UNgalindi indoda eyinyanga

NT iph. 67
15 imiz

Phambi kokufunda
- Yalela abafundi bachaze ukuba inyanga ikhangeleka njani kule veki.
- Wakhe wayibona inyanga ikhangeleka ngolunye uhlobo?

Ukufunda
- Funda ibali ngokuvakalayo, uze ubuze imibuzo.

Emva kokufunda
- Eli bali lisuka kweliphi ilizwe?
- Lizama ukucacisa ntoni eli bali?
- Ingaba libali eliyinyani? Ngoba?

ULWAZI OLUSISISEKO

Inyanga ebusuku

iph. 69
15 imiz

ULwazi lwangaPhambili
- Ubona ntoni esibhakabhakeni emini? Ebusuku?

Funda iphepha
- Jonga imifanekiso ufunde isicatshulwa.

Xoxani
- Zeziphi izinto ezibonisa ukukhanya kwelanga?
- Zeziphi izinto ezinokukhanya okukokwazo?
- Zeziphi ezenziwe ngabantu?
- Zeziphi izinto ozibonileyo wena?

IZANDI

Isandi u-ndl

iph. 70
15 imiz

KNF iph. 8–13

Yazisa isandi
- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi
- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini
- Fundani amalungu namagama.

Bhala
- Bhala amagama emifanekiso.

Funda isivakalisi

UKUFUNDA

Iphupha likaSipho

iph. 57–59
15 imiz

Ukuthetha ngomfanekiso
- Yintoni oyibonayo kumfanekiso ngamnye? Kwenzeka ntoni?

Fundela abafundi ibali lonke nize nifunde kunye
- Abafundi bakhomba amagama ngeminwe yabo.

Ingqiqo
- Kwiphepha lama-81, khomba amagama asixelela ukuba umakhulu zange alinde ixesha elide ukufowunela umabonakude.
- Kwiphepha lama-82, Khomba igama elikuxelela ukuba babebaninzi abantu abasuka kwisitishi sikamabonakude abeza kwikhaya likaSipho nomakhulu wakhe.
- Kwiphepha lama-83, khomba igama elisixelela ukuba uDuduzile wayemthanda uSipho.
- Khomba igama elisixelela ukuba umakhulu wayengaqinisekanga ukuba iphupha likaSipho laliyinyani.
- Ungathanda ukudibana nesihlobo sakho ongazange wakhe wasibona?

UHLOLO LOKU-1 LOKUBHALA NGESANDLA

15 imiz

Khuphela izivakalisi

- Xelela abafundi ukuba lo ngumsebenzi wohlolo. Uza kujonga imilo echanekileyo, izithuba, ubungakanani kunye nokubekwa koonobumba emgceni.
- Abafundi bakhuphela isivakalisi.
- Krwela umgca ekugqebeleni.

Ukukorekisha:
Jonga iph 120
Amanqaku: 5

linkwenkwezi ziibhola ezinkulu ezibengezelayo zegesi.

Ziyazikhuphela ukukhanya kwazo.

Eyona nkwenkwezi ikufutshane noMhlaba liLanga.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla

- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Nika intshayelelo yemiSebenzi Oyenza Wedwa yale veki, ibhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela u-A kunye noB

- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

UHLOLO LOKU- 1 YEZOBUGCISA OBUBONWAYO

30 imiz



Umzobo omnyama namhlophe

Xoxani

- Thetha ngombala wesibhakabhaka ebusuku, nokuba inyanga neenkwenkwezi zibonakala zimhlophe kwisibhakabhaka esimnyama.
- Jonga iphephandaba lisoloko limnyama namhlophe.
- Bonisa umzekelo kwiphepha lama-99. Thetha ngendlela imibala eyahlukileyo (echasanayo) emnyama nemhlophe esetyenziswa ngayo.

Lungisa

- Ephepheni, abafundi bacwangcisa umfanekiso omnyama namhlophe.
- Basika iimilo abazifunayo kwiphephandaba nakwiphepha elimhlophe.
- Gcina iimilo, niza kuzisebenzisa ngosuku olulandelayo.

Ukukorekisha:
Jonga iph 123
Amanqaku: 5

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Lungiselela

- Khetha imisebenzi emine eyohlukileyo yale veki kwiphepha lesi-5.
- Lungisa izixhobo zale misebenzi.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane ale veki.

Yazisa izitishi zemisebenzi

- Bonisa abafundi izixhobo, uze ucacise imisebenzi emine yale veki.
- Abafundi balinganisa le misebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke

- Dlalani umdlalo onje ngokuleqa-leqana okanye undize.

UHLOLO LOKU-1 LOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iphupha likaSipho

15 imiz

- Nika abafundi isiqwenga sephepha elingange-A4 elingabhalwanga.
- Bayalele ukuba bazobe umfanekiso wecandelo lokuqala lebali, *Iphupha likaSipho*, baze babhale isivakalisi.
- Bizela etafileni yakho abafundi ngokwamaqela anabafundi abane okanye abahlanu.
- Buza imibuzo yezinga elisezantsi neliphezulu ngebali, *Iphupha likaSipho*.
- Mamela inani elingangesithathu sabafundi ngexesha lesi sifundo. Gqibezela ngoLwesithathu nangoLwesine beveki yesi-6.

Imizekelo yemibuzo:

- Phinda ubalise ibali, *Iphupha likaSipho* ngokulandelelana kweziganeko.
- Ngoobani abalinganiswa abasebalini?
- Ngubani lo mntu bambona kwinkqubo kamabonakude?
- USipho ucinga ngubani lo ambone ephupheni lakhe? Ucinga ukuba wambona ngokwenene? Ngoba?
- Ingaba uDuduzile wamfumena ubhuti wakhe? Ngoba?
- Wazi njani ukuba lamanenekazi ayavuyile xa edibana?

Ukukorekisha:
Jonga iph 117
Amanqaku: 5

UHLOLO LOKU-1 LOLWAZI OLUSISISEKO NEPN

NT
iph. 126

15 imiz

Kukho ntoni esibhakabhakeni ebusuku?

Xelela abafundi ukuba lo ngumbebenzi wovavanyo

Ngqamanisa nesifundo sayizolo

- Khumbuza abafundi ngento abayifundileyo malunga nesibhakabhaka sasebusuku.

Yenza umsebenzi

- Abafundi baphendula imibuzo.

Ukukorekisha:
Jonga iph 122
Amanqaku: 10



IZANDI

Fakela isandi esishiyiweyo

iph. 71

15 imiz

KNF
iph. 8–13

Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Buza ngamnye ngamnye nangamaqela.

Yenza umsebenzi

- Hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

UKUFUNDA

Ukwakha isivakalisi

iph. 125

15 imiz

KNF
iph. 19–20

Sika

- Abafundi mabasike umcwe wesivakalisi.

Fundani kunye

- U-''Ba'' osekuqaleni kwesivakalisi sesibini ubhekisa koobani?
- Besinokuthini endaweni yokuthi, ''Ba''?

Babuze imibuzo ze basike igama okanye iqela lamagama

- **Ubani?** Amaxhegwazana amabini
- **Benza ntoni x 2?** ahla ancokola
- **Ubani?** Ba (bona)
- **Benza ntoni x 2?** Babelila bewolana
- **Ubani?** ba (bona)
- **Benza ntoni x 2?** behleka
- **Baze bathini?** baphinde
- **Benza ntoni?** balile.

Xuba amagama esi sivakalisi, uze usakhe kwakhona

Ncamathelisa isivakalisi kwiNYY, iphepha le-104.



UKUBHALA NOTITSHALA

Bhala ibali

15 imiz

KNF iph. 38–41

Isingeniso
- Abafundi babalisa ibali, *Iphupha likaSipho* ngawabo amazwi.

Bonisa isakhelo sokubhala
- Bonisa imihlathi emithathu, omnye unengcebiso eyahlukileyo.

Xoxani
- Yeyiphi into engaqhelekanga onokuphupha ngayo?
- Ubuza kwenza ntoni ngentsasa esemva kokuba uphuphile?
- Ubuza kwenza ntoni ngeli phupha?
- Kwenzeka ntoni ekugqibeleni?

UkuBhala noTitshala
- Bhala ibali elitsha ebhodini, usebenzisa iingcebiso zabafundi.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela uC kunye noD
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

UHLOLO LOKU-1 LWEZOBUGCISA OBUBONWAYO (luyaqhuba)

Umzobo omnyama namhlophe

30 imiz

Yila
- Jonga isicwangciso esenziwe ngoMvulo.
- Misa iimilo ezisikiweyo ukwenza imo yasebusuku.
- Ncamathelisa iimilo kwiphepha elimnyama.
- Yongeza iinkcukacha ngeekhrayoni ezimhlophe okanye ngeemilo ezisikiweyo.

Ukukorekisha:
Jonga iph 123
Amanqaku: 5

Bonisa
- Bonisa umsebenzi wobugcisa eklasini.

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

LWESITHATHU

UHLOLO LOKU-1 LOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iphupha likaSipho

15 imiz

- Nika abafundi isiqwenga sephepha elingange-A4 elingabhalwanga.
- Bayalele bazobe umfanekiso wecandelo lesibini lebali, *Iphupha likaSipho*, baze babhale isivakalisi.
- Bizela etafileni yakho abafundi ngokwamaqela anabafundi abane okanye abahlanu.
- Buza imibuzo yezinga elisezantsi neliphezulu ngebali, *Iphupha likaSipho*.
- Mamela inani elingangesithathu sabafundi ngexesha lesi sifundo. Gqibezela ngoLwesithathu nangoLwesine beveki yesi-6.

Imizekelo yemibuzo:

- Phinda ubalise ibali, *Iphupha likaSipho* ngokulandelelana kweziganeko.
- Ngoobani abalinganiswa abasebalini?
- Ngubani lo mntu bambona kwinkqubo kamabonakude?
- USipho ucinga ngubani lo ambone ephupheni lakhe? Ucinga ukuba wambona ngokwenene? Ngoba?
- Ingaba uDuduzile wamfumena ubhuti wakhe? Ngoba?
- Wazi njani ukuba lamanenekazi ayavuyile xa edibana?

Ukukorekisha:
Jonga iph 117
Amanqaku: 5

ULWAZI OLUSISISEKO

Jonga inyanga

iph. 72
15 imiz

KNF iph. 45

ULwazi lwangaPhambili

- Yalela abafundi babalise ibali lokufundelwa ngutitshals elimalunga noNgalindi.

Yenza itshathi yeKWL emalunga nenyanga

- Gqibezela amacandelo, Intoni esiyaziyo kunye nento esifuna ukuyazi.
- Yeka itshathi ebhodini ukuze igqityezelwe ngoLwesihlanu.

Funda iphepha

- Xoxani ngomfanekiso, uze ufunde itekisi kunye nabafundi.

Xoxani ngombuzo

- Uza kuyifumana njani impendulo ekhaya?
- Abafundi benza uphando emakhaya, ze baze neempendulo ngoLwesihlanu.

IZANDI

Isandi u-mp

iph. 73
15 imiz

KNF iph. 8–13



Yazisa isandi

- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi

- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini

- Fundani amalungu namagama.

Bhala

- Bhala amagama emifanekiso.

Funda isivakalisi

UKUFUNDA

Iphupha likaSipho

iph. 57–59
15 imiz

Fundani kunye

- Fundani isiqingatha sesibini sebali, *Iphupha likaSipho* kunye neklasi.

Fundani ningamaqela

- Fundani ngamaqela azizithathu, tshintshiselanani ukufunda iphepha ngalinye.

Ukufunda wedwa

- Fundela ngaphakathi amaphepha amathathu okugqibela ebali.

UKUBHALA Iphupha lam

15 imiz

Hlaziya
- Funda kwakhona itekisi yokufunda notitshala yangoLwesibini.
- Khumbuza abafundi ngezimvo zebali elimalunga nephupha elingaqhelekanga, nento onokuyenza emva kokuba uliphuphile.
- Khumbuza abafundi ukuba babhale itekisi ekwixesha elidlulileyo.
- Bakhumbuze babhale imihlathi emithathu.

Bhala
- Xelela abafundi ukuba olu luvavanyo.
- Babhala awabo amabali amafutshane amalunga nephupha.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela u-E
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela u-A
- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

EZOBUGCISA BEQONGA Ukuculela phezulu nasezantsi

30 imiz

Isingeniso
- Khumbuza abafundi ngeengoma bebezicula kwiveki engaphambili.

Xoxani
- Zeziphi iingoma ezinokuculelwa phezulu? Khankanya iingoma ezithile ezidumileyo/zesintu.
- Zeziphi iingoma ezinokuculelwa ezantsi? Khankanya iingoma ezithile ezidumileyo/zesintu.

- Khawucinge ingoma eculellwa phezulu nasezantsi.

Amaqela
- Amaqela akhetha enye yeengoma ezichazwe ngasentla.
- Abafundi baziqhelanisa nengoma eculelwa phezulu nasezantsi.
- Ilungu elinye leqela lingakhethwa njengomculisi.

EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UHLOLO LOKU-1 LOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Iphupha likaSipho

15 imiz

- Nika abafundi isiqwenga sephepha elingange-A4 elingabhalwanga.
- Bayalele bazobe umfanekiso wecandelo lesithatha lebali, *Iphupha likaSipho*, baze babhale isivakalisi.
- Bizela etafileni yakho abafundi ngokwamaqela anabafundi abane okanye abahlanu.
- Buza imibuzo yezinga elisezantsi neliphezulu ngebali, *Iphupha likaSipho*.
- Mamela inani elingangesithathu sabafundi ngexesha lesi sifundo. Gqibezela ngoLwesithathu nangoLwesine beveki yesi-6.

Imizekelo yemibuzo:

- Phinda ubalise ibali, *Iphupha likaSipho* ngokulandelelana kweziganeko.
- Ngoobani abalinganiswa abasebalini?
- Ngubani lo mntu bambona kwinkqubo kamabonakude?
- USipho ucinga ngubani lo ambone ephupheni lakhe? Ucinga ukuba wambona ngokwenene? Ngoba?
- Ingaba uDuduzile wamfumena ubhuti wakhe? Ngoba?
- Wazi njani ukuba lamanenekazi ayavuyile xa edibana?

Ukukorekisha:
Jonga iph 117
Amanqaku: 5

ULWAZI OLUSISISEKO

Ukuya kulala

iph. 74

15 imiz

ULwazi lwangaPhambili

- Kufuneka silale ngabani ixesha?

Funda iphepha

- Jonga imifanekiso.
- Kwenzeka ntoni kumfanekiso ngamnye?
- Zeziphi kwezi zinto ozenzayo ngobusuku ngabunye ngaphambi kokuba ulale?

Yenza umsebenzi

- Ngababini, xoxani ngezinto enizenzayo. Sebenzisa amagama alandelelanayo.
- Bhala into ibe nye oyenzayo engaboniswanga (umzekelo, ukunxiba ipijama).

IZANDI

Bhala amagama ngendlela echanekileyo

iph. 75

15 imiz

KNF iph. 8–13



Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Buza ngamnye ngamnye nangamaqela.

Yenza umsebenzi

- Hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

UKUFUNDA

Isigama nolwimi

15 imiz

Oonotsheluza

- Babonise uze ufunde igama ngalinye.
- Khangela uze walathe igama kwiNYY.
- Beka oonotsheluza edongeni lamagama, uze uwafunde kwakhona.

Umcwe wesivakalisi

- Funda umcwe wesivakalisi kwiNYY, iphepha le-104.
- Livela kangaphi ibinzana legama u-*ba*- kwesi sivakalisi sesibini? (3)

- Singasitshintsha njani esi sivakalisi (Babelila bewolana behleka, baphinde balile.) ngokusebenzisa **izihlanganisi**? (umzekelo: Babelila bewolana *kwaye* behleka, *baze* baphinde balile.
- Izihlanganizi zizigaba zentetho. Kulo mzekelo wethu sisebenzise ezi zihlanganisi: *kwaye, baze*.
- Zikhona ezinye izihlanganisi ozaziyo?

UHLOLO LOKU-1 LOKUFUNDA NENGQIQO

NT iph. 127

15 imiz


IGAMA _____ UMHLA _____

Ingqiqo

Funda ibali elithi, *Iphupha likaSipho*.

1. Iphupha likaSipho lali...
   ○ vuyisa ○ ngaqhelekanga ○ soyikisa
2. USipho waxelela umakhulu ukuba kufuneka...
   ○ babukele umabonakude
   ○ bakhangele umakazi wakhe
   ○ bathethe ngephupha
3. Inenekazi elalikumabonakude lalingu..... kaSipho.
   ○ makhulu ○ mama ○ dade botatomkhulu
4. Bhala amanani ukubeka iziganeko ngolandelelwano.
   ○ Inenekazi lalikhangela umntakwalo.
   ○ USipho nomakhulu badibana nenenekazi.
   ○ Umakhulu watsalela umnxeba inombolo ekumabonakude.
   ○ USipho nomakhulu babukela umabonakude kunye.
5. Ndicinga uSipho waziva _____, kwaye _____ ukubona kwakhe uDuduzile, ngoba _____.

UHLOLO LOKU-1 LOKUFUNDA — Iveki yesi-7 • Lwesine 127

Ingqiqo

Isingeniso
- Xelela abafundi ukuba olu luhlolo.

Funda ngamazwi asezantsi
- Abafundi baphinda bafunde ibali elithi, *Iphupha likaSipho*.

Phendula imibuzo
- Abafundi mabangenzi oku ngokunkqaya. Mabajonge/ mabakhangele iimpendulo kwitekisi. Jongani iimpendulo kunye.

Ukukorekisha: Jonga iph 119
Amanqaku: 10

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela uB kunye noC
- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

EZOBUGCISA BEQONGA — Linganisa

30 imiz

Linganisa
- Amaqela ayatshintshana ngokucula ingoma ebeziqhelanise nayo.
- Khetha iqela elizithembileyo lilinganise kuqala.

Vavanya
- Ncomani nize niqhwabele izandla iqela ngalinye.
- Ncoma umculisi weqela ngalinye.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZEMITHAMBO — Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

LWESIHLANU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Jonga inyanga

iph. 72
15 imiz

INyanga ibonakalisa ukukhanya kweLanga. Inxalenye yeNyanga esiyibonayo ixhomekeke ekubeni iphi na inyanga xa ijikeleza umhlaba.

Xa kukho **inyanga epheleleyo** siyakwazi ukubona inyanga yonke kuba umhlaba uphakathi kwelanga nomhlaba.

Xa sibona **inyanga entsha**, inyanga kusukube iphakathi kohhlaba nelanga. Ukukhanya kwelanga kukwicala lenyanga elijonge kwelinye icala lomhlaba, ngoko asinakho ukulibona.

Phakathi kwenyanga epheleleyo kunye nenyanga entsha sibona ukuncipha kwenyanga, ngakumbi nangakumbi ide ibe yinyanga epheleleyo kwakhona.

Ngababini
- Chaza ukuba nifumanise ntoni.

Yabelanani
- Yalela abafundi abambalwa ukuba babelane neklasi. Bhala kwitshathi yeKWL.
- Xoxani, uze ubanike ulwazi oluthe vetshe.

ULWAZI OLUSISISEKO Jonga inyanga

15 imiz

Bhala uze uzobe into oyifumanisileyo
- Bhala into ibenye oyifundileyo.
- Zoba umfanekiso wayo.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

IZANDI Ubizelo

15 imiz
KNF iph. 10

Amagama obizelo
- Biza igama ngokucacileyo nangokucotha.
- Liphinde kube kanye.

Bhala
- Nika abafundi ixesha babhale igama ngalinye.
- Abafundi mababhale kakuhle nangokubukekayo.

Jonga uze ukorekishe
- Bhala amagama ebhodini ukuze abafundi bamakishe umsebenzi wabo.

impandla
impepho
indlu
impumlo
iimpukane

UHLOLO LWESI-2 LOKUBHALA IiNdaba Zam

15 imiz



Ngabanye
- Xelela abafundi ukuba olu luhlolo kwaye luza kukorekishwa.
- Qalani nicinge ukuba niza kubhala ntoni.
- Khumbuza abafundi:
  - Bhala imihlathi emibini. Umhlathi ngamnye ube nezivakalisi ezintathu.
  - Bhala iimbono ezinika umdla.
  - Bajonge umbhalo wabo phambi kokuba bawungenise.

Ukukorekisha:
Jonga iph 121
Amanqaku: 5

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla

- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela uD kunye no-E

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

UKUJONGA NENGXELO

15 imiz

Funda

- Ngababini, abafundi bafundelana iindaba zabo.

Makisha umSebenzi Owenza Wedwa

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisisebenzi yabo.

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwajongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo oluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingaziggibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.



Izilwanyana zasebusuku

AMALUNGISELELO

Oonotsheluza

isikhova | zingela | umonakalo | umonakalo | ilali

Umcwe wesivakalisi

Mandulo phaya inenekazi elidala kakhulu lafikelela esiphelweni sobomi balo. Ubomi balo babumnandi kakhulu.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

1. UkuFunda ngaBabini NYY iphepha 136
2. UkuBhala ngeSandla 1 Pp Gg
3. UkuBhala ngeSandla 2 UNgqukuva ungene wangqala ngqo kwisingqusho.
4. UkuBhala ngeSandla 3 hamba, baleka, chucha ngcileza
5. DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha 83
6. DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha 109
7. DBE izaKhono zoBomi iphepha 62
8. Isichazi-magama
   isikhova zingela umonakalo mabazigxothe ilali

IZIXHOBO ZOKWENZA UMSEBENZI

- Iikhrayoni nephepha lezobuGcisa obuBonwayo
- Izixhobo ezifunekayo ukwenza imisebenzi yezemithambo
- Oonotsheluza bovavanyo lwezemithambo: baleka, xhuma, tsiba, ngcileza, hlala, hamba, yima
- Umculo wezobuGcisa beQonga
  - *Peter and the Wolf by Sergei Prokofiev*
  - *Carnival of the Animals by Camille Saint-Saens*
  - *The Lion King 'The circle of life'*
  - *African folk music*



Ibali lesikhova

Kwathi ke kaloku ngantsomi, kwilali ekude, **inkondekazi** ethile yayifikelele esiphelweni sobomi bayo obabuzele yimincili. Yayiqinisekile ukuba abantwana bayo basempilweni yaye bonwabile. Yayimangaliswa bubuhle behlabathi, yaza yaphila ubomi bayo ngokupheleleyo.

Kwiminyaka yeli xhegwazana engama-95 ubudala, lalidiniwe kwaye likulungele ukulishiya ihlabathi. Laxelela wonke umntu wakowalo ukuba liyabathanda, kwaye liyokulala, laze laya kulala.

Langqengqa ebhedini yalo lacinga ngobomi balo. Lacinga ngazo zonke izinto elalizibonile, nabo bonke abantu elalibazi. Lacinga ngabantwana balo nangabazukulwana balo nesizukulwana salo. Lalineenkumbulo ezinizi ezimnandi.

"Inye kuphela into endifuna ukuyiva ngaphambi kokuba ndithi ndlela-ntle ehlabathini," lacinga, "kukuva umhlobo wam omkhulu, isikhova sikhala okokugqibela. Besingumhlobo wam osenyongweni iminyaka emininzi, sigxotha iimpuku sindixelele ukuba yonke into endingqongileyo iseluxolweni."

Isikhova, esasihleli esebeni apho ngaphandle kwendlu yalo, sawuphendula **ngephanyazo** umnqweno walo, saza salibiza, "Woo, wooo! Woo! wooo!" satsho.

Ixhegokazi leva ukukhala kwesikhova, lancuma, lathi ndlela-ntle emhlabeni. Isikhova sabhabha saya kubamba iimpuku kuba lowo ngumsebenzi waso ehlabathini.

Ngentsasa elandelayo, unyana wexhegokazi waziva ebuhlungu ngenxa yokusweleka kukanina. Wayemthanda kakhulu umama wakhe. Wayengengomfana omncinci, kodwa wayemkhumbula unina.

Wacinga ngomhla wokugqibela awayewuchithe naye. Wakhumbula ukuba emva kokuba unina elele weva ukukhala kwesikhova. Kwaye waqalisa **ukutyhola** isikhova ngokufa kukanina. Waqalisa ukucinga ukuba isikhova sasingazange sibe ngaphandle kwendlu, unina ngeyesaphila. Okukhona ecinga, kokukhona wayeqiniseka ngakumbi. Waxelela abamelwane bakhe ukuba bonke mabazigxothe izikhova. Wathi ukuba wayesigxothile esikhova ngeyengabhubhanga unina. Abamelwane babesazi ukuba unina uswelekile, ngoko bamkholelwa. Bagxotha izikhova. Zabhabha zisuka elalini zaya kuzingela iimpuku kwenye indawo.

Iimpuku ezimbalwa zaloo lali zaphuma emingxunyeni ezazizimele kuyo ngenxa yezikhova. Zaqala zatya konke ukutya kwelali. Zatyeba zaze zaba nabantwana abaninzi. Iinyoka zabona ukuba kule lali kukho iimpuku ezityebileyo ezinokuzitya. Ngoko ke, zeza kudla iimpuku.

Nanamhlanje oku, apho abantu bagxotha khona izikhova, zininzi iimpuku ezitya ukutya kwabo. Kwaye zininzi iinyoka ezizokutya iimpuku.

ISIGAMA

inkondekazi – ixhegwazana elidala kakhulu

ngephanyazo – ngoko nangoko; ngokukhawuleza

ukutyhola – ukuthi into eyonakeleyo yenzeke ngenxa yesenzo somntu okanye into ethile

MVULO

UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO — Ibali lesikhova

NT iph. 79
15 imiz

Phambi kokufunda
- Yalela abafundi ukuba bathethe ngezidalwa abakhe baziva ebusuku. Bakhe bava ukukhala kwesikhova? Buza ukuba bavakalelwa njani xa besiva eso sandi.

Ukufunda
- Funda ibali ngokuvakalayo, uze ubuze imibuzo.

Emva kokufunda
- Izikhova zitya ntoni?
- Iimpuku zitya ntoni?
- Ucinga ukuba sesiphi isidalwa esonakalisa ilali kakhulu – zizikhova okanye ziimpuku neenyoka? Ngoba?

ULWAZI OLUSISISEKO — Izidalwa zasebusuku

iph. 84
15 imiz



ULwazi lwangaPhambili
- Cinga *Ibali lesikhova*. Sizingela nini isikhova?

Fundela abafundi iphepha nize nifunde kunye
- Ucinga ukuba sesiphi esona sidalwa sikhulu kunezinye?
- Zeziphi izidalwa ezitya inyama? Izityalo? Inyama kunye nezityala? Uya khumbula ukuba zibizwa ngokuba zintoni ezintlobo zezilwanyana?
- Zikhangelelka njani ezi zilwanyana? Zihamba njani?

Ekugqibeleni abafundi baphendula imibuzo ngeengcinga ezizezabo

IZANDI — Isandi u-ngq

iph. 85
15 imiz

KNF
iph. 8–13

Yazisa isandi
- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi
- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini
- Fundani amalungu namagama.

Bhala
- Bhala amagama emifanekiso.

Funda isivakalisi

UKUFUNDA — Ibali lesikhova

iph. 78–83
15 imiz

Ukuthetha ngomfanekiso
- Ubona bani nantoni kumfanekiso ngamnye?

Fundela abafundi ibali lonke nize nifunde kunye
- Abafundi bakhomba amagama ngeminwe yabo.

Ingqiqo
- Kwiphepha le-116, khomba igama elisixelela ukuba bunjani ubom obabuphilwa linenekazi esele likhulile.
- Kwiphepha le-117, Khomba amagama asixelela ukuba wawuyintoni umnqweno walo wokugqibela.
- Kwiphepha le-118, khomba igama elisixelela ukuba wavakalelwa njani unyana ukusweleka kukamama wakhe.
- Wazi njani ukuba watyhola isikhova?

UKUBHALA — UkuBhala ngeSandla

30 imiz

KNF iph. 31–37



Bonisa umzekelo ebhodini
- Nikeza ngepatheni yokuziqhelanisa yeveki.
- Bonisa imisebenzi emi-3 yokuBhala ngeSandla yale veki. (jonga kwiphepha lesi-6 leNT)
- Gxininisa ekwakheni oonobumba.

Ukuziqhelanisa okukhokelwayo
- Abafundi basebenza kwiphepha leNYY.
- Titshala jikeleza phakathi kwabafundi ulungise indlela yokuhlala nokubamba ipensile.

Ukuziqhelanisa eyedwa
- Abafundi baza kuziqhelanisa ngakumbi ngexesha lomsebenzi owenza wedwa.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Nika intshayelelo yemiSebenzi Oyenza Wedwa yale veki, ibhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela u-A kunye noB
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

30 imiz

Umfanekiso wesidalwa sasebusuku

Xoxani
- Jonga iimilo zezidalwa zasebusuku kumsebenzi wolwazi olusisiseko.
- Xoxani ngezinye izilwanyana zasebusuku, nize nijonge imifanekiso.

Lungisa
- Sebenzisa iikhrayoni uze ugqume isiqwenga sephepha lobugcisa ngomaleko oshinyeneyo onemibala eyahlukileyo. Makungabikho zithuba kwikhrayoni.
- Qalisa ukugquma umaleko omibalabala ngomaleko oshinyeneyo wekhrayoni emnyama.

EZEMITHAMBO — Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Qaphela: Lo msebenzi ulandelayo uza kuvavanywa kule veki, kwaye kufuneka ubandakanywe njengomnye wemisebenzi emine:
- **Ukuziqhelanisa nezithuba:** Ukulandela imiyalelo ethethwayo:
  - Hamba uthathe amanyethelo asi-6 usiya phambili, thatha amanyathelo ali-10 ubuya umva kunye namanyathelo ama-3 usiya ekhohlo. Yima.
  - Hamba ngecala uphithanisa imilenze.
  - Ngcileza kasi-6 ngomlenze omnye, uze ungcileze kali-9 ngomnye umlenze
- **Ukuqonda iintshukumo:** Yenza oko kutshiwo ngoonotsheluza – baleka, tsiba, xhuma, hlala, hamba, yima.

Lungiselela
- Khetha imisebenzi emine eyohlukileyo yale veki kwiphepha lesi-5.
- Lungisa izixhobo zale misebenzi.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane ale veki.

Yazisa izitishi zemisebenzi
- Bonisa abafundi izixhobo, uze ucacise imisebenzi emine yale veki.
- Abafundi balinganisa le misebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke Dlalani umdlalo onje ngokuleqa-leqana okanye undize.

LWESIBINI

UKUZIPHATHA Ukuziqaphela

15 imiz

- Abafundi bahlala ngokukhululeka bavale amehlo abo.
- Bamamela ngononophelo izandi abazivayo ezikufutshane nabo.
- Bavula amehlo baze baxelelane oko bakuvileyo.
- Thetha ngendlela ngamanye amaxesha izandi ebusuku zivakala zingxolela phezulu kuba abantu bangxola kancinci, iimoto zimbalwa, njl.

UHLOLO LOKU-1 LOLWAZI OLUSISISEKO/PN

Okunye okumalunga nezidalwa zasebusuku

Xelela abafundi ukuba lo ngumsebenzi wohlolo

Ngqamanisa nesifundo sayizolo
- Khumbuza abafundi ngento abayifundileyo malunga nezidalwa zasebusuku.

Yenza umsebenzi
- Jonga imifanekiso uze ufunde amagama.
- Krwela umgca osuka egameni uye kwisidalwa esichanekileyo. Isidalwa sisenokuba namagama angaphezu kwelinye asichazayo yaye ezinye iileyibhile zisebenza kwizidalwa ezingaphezu kwesinye.

iph. 128
15 imiz

Ukukorekisha:
Jonga iph 122
Amanqaku: 10

IZANDI Khetha igama elichanekileyo

Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza
- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Buza ngamnye ngamnye nangamaqela.

Yenza umsebenzi
- Hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

iph. 86
15 imiz

KNF
iph. 8–13



UKUFUNDA Ukwakha isivakalisi

Sika
- Abafundi mabasike umcwe wesivakalisi.

Fundani kunye
- Ungawafumana amagama asixelela ukuba eli bali lenzeka kudala? (*Mandulo phaya*)
- Udla ngokuliva nini eli binzana? (*ekuqaleni kwentsomi*)

Babuze imibuzo ze basike igama okanye iqela lamagama
- **Nini?** Mandulo phaya
- **Ubani?** Inenekazi elidala kakhulu
- **Litheni?** lafikelele esiphelweni
- **Santoni?** sobomi balo
- **Intoni?** Ubomi balo
- **Babunjani?** babumnandi kakhulu.

Xuba amagama esi sivakalisi, uze usakhe kwakhona

Abafundi bancamathelisa isivakalisi sabo kwiNYY, iphepha le-127.

iph. 127
15 imiz

KNF
iph. 19–20

UKUBHALA NOTITSHALA

Imihlathi

15 imiz

KNF iph. 38–41

Isingeniso Khetha isidalwa sasebusuku esinye, abafundi abakhe bafunda ngaso.

Bonisa isakhelo sokubhala
- Isihloko: igama lesilwanyana
- Umhlathi 1: izivakalisi ezi-2 ubuncinane, ezithetha ngenkangeleko.
- Umhlathi 2: izivakalisi ezi-2 ubuncinane, ngendlela esihamba ngayo.
- Umhlathi 3: izivakalisi ezi-2 ubuncinane, ngokutya kwaso nendlela esikufumana ngayo.

Xoxani ngezimvo
- Amagama anokuchaza uphawu ngalunye kwezi.
- Yenza uluhlu lwesigama, umz. ukutya, ixhoba, ubungakanani.

UkuBhala noTitshala
- Sebenzisa ifomathi echanekileyo, usebenzise iingcebiso zabafundi.

(Isihloko: Igama lesilwanyana) _____
(Sikhangeleka njani)
_____
_____
(Sihamba njani)
_____
_____
(Sitya ntoni, kwaye sikufumana njani ukutya ukutya kwaso)
_____

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela uC kunye noD
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Umfanekiso wesidalwa sasebusuku

30 imiz

Gqibezela amalungiselelo
- Abafundi bagqibezela umaleko oshinyeneyo wekhrayoni emnyama phezu kwekhrayoni enemibala.

Yila
- Abafundi basebenzisa ipensile ukuzoba umgca womphandle wesidalwa sasebusuku kwiphepha elimnyama.
- Basebenzisa ikhuni elibukhali ukususa ikhrayoni emnyama kumgca womphandle wepensile, ukuveza umaleko onemibala.
- Bangongeza iinkcukacha xa kuyimfuneko.

Bonisa

UHLOLO LOKU-1 LWEZEMITHAMBO

Ukuziqhelanisa nezithuba nokuqonda iintshukumo

30 imiz

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.

Hlola iqela loku-1
- **Ukuziqhelanisa nezithuba:** Ukulandela imiyalelo ethethwayo:
  - Hamba uthathe amanyathelo asi-6 usiya phambiliamanyathelo ali-10 ubuya umva kunye namanyathelo ama-3 usiya ekhohlo. Yima.
  - Hamba ngecala uphithanisa imilenze.
  - Ngcileza ka-6 ngomlenze omnye, uze ungcileze kali-9 ngomnye umlenze.
- **Ukuqonda iintshukumo:** Yenza oko kutshiwo ngoonotsheluza – baleka, tsiba, xhuma, hlala, hamba, yima.

Ukukorekisha:
Jonga iph 125
Amanqaku: 5

Ukuzipholisa

LWESITHATHU

UKUZIPHATHA — Ndicinga, Ndiziva ...

15 imiz



Umbuzo
- Ndiziva njani xa ndikhuselekile ekhaya ebusuku? Ngoba?

Ngababini
- Xoxani ngombuzo.

Yabelanani
- Khetha abafundi ababini babelane neklasi. Nika wonke umntu ithuba kule kota.

ULWAZI OLUSISISEKO — Izikhova

iph. 87
15 imiz
KNF iph. 45

Yenza itshathi yeKWL emalunga nezikhova
- Gqibezela amacandelo, Into esiyaziyo kunye nento esifuna ukuyazi.
- Yeka itshathi ebhodini ukuze igqityezelwe ngoLwesihlanu.

Funda iphepha
- Oxani ngomfanekiso, uze ufunde itekisi kunye nabafundi.

Xoxani ngombuzo
- Uza kuyifumana njani impendulo ekhaya?
- Abafundi benza uphando emakhaya, ze baze neempendulo ngoLwesihlanu. **Yazise abafundi ukuba baza kuvavanywa kwiimpendulo zabo ngoLwesihlanu**.

IZANDI — Isandi u-mv

iph. 88
15 imiz
KNF iph. 8–13

Yazisa isandi
- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi
- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini
- Fundani amalungu namagama.

Bhala
- Bhala amagama emifanekiso.

Funda isivakalisi

UKUFUNDA — Ibali lesikhova

iph. 78–80
15 imiz

Fundani kunye
- Funda amaphepha amathathu okuqala ebali, *Ibali lesikhova* kunye neklasi.

Fundani ningamaqela
- Fundani ngamaqela azizithathu, tshintshiselanani ukufunda iphepha ngalinye.

Ukufunda wedwa
- Fundela ngaphakathi amaphepha amathathu okuqala ebali.

UHLOLO LWESI-2 LOKUBHALA

Izidalwa zasebusu

15 imiz

Phinda ujonge ukubhala notitshala kwangoLwesibini
- Isihloko
- Imihlathi emithathu, umhlathi ngamnye onengcinga eyahlukileyo.

Xoxani ngesigama esimalunga nezidalwa zasebusuku (zoba kwitekisi yolwazi olusisiseko, isicatshulwa sokufunda notitshala kunye nolwazi ngokubanzi).
- Inkangeleko, ukutya nendlela ekufumana ngayo ukutya, indlela esihamba ngayo.

Bhala
- Chazela abafundi lo mbhalo uza kuvavanywa.
- Abafundi bakhetha izidalwa ezahlukileyo kweso bebesenza umsebenzi wokubhala notitshala.
- Gqibezela ukubhala emigceni.

Ukukorekisha:
Jonga iph 121
Amanqaku: 10

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

5 imiz
+
30 imiz

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela u-E
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela u-A
- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

EZOBUGCISA BEQONGA

Ukuqamba nokutolika

30 imiz

Lungisa
- Khetha ingoma emfutshane yomculo wesixhobo esinokumela izilwanyana ezihambayo.

Xoxani
- Xelela abafundi ukuba umculo uyayenza imifanekiso engqondweni. Umzekelo, umculo ongxolayo ungakwenza ucinge ngeengonyama ezigqumayo, umculo okhawulezayo ungakwenza ucinge ngamahashe agabadulayo, njl.

Mamela
- Dlalela abafundi umculo okhethiweyo.
- Ngababini, thethani ngesilwanyana abacinga ukuba siso. Yabelana ngezimvo neklasi.

Shukuma
- Dlala umculo kwakhona, uze uyalele abafundi bashukumele umculo.

UHLOLO LOKU-1 LWEZEMITHAMBO

30 imiz

Ukuziqhelanisa nezithuba nokuqonda iintshukumo

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.

Hlola iqela lesi-2
- **Ukuziqhelanisa nezithuba:**
  Ukulandela imiyalelo ethethwayo:
  - Hamba uthathe amanyathelo asi-6 usiya phambili, amanyathelo ali-10 ubuya umva kunye namanyathelo ama-3 usiya ekhohlo. Yima.
  - Hamba ngecala uphithanisa imilenze.
  - Ngcileza kasi-6 ngomlenze omnye, uze ungcileze kali-9 ngomnye umlenze.
- **Ukuqonda iintshukumo:**
  Yenza oko kutshiwo ngoonotsheluza – baleka, tsiba, xhuma, hlala, hamba, yima.

Ukuzipholisa

Ukukorekisha:
Jonga iph 125
Amanqaku: 5

LWESINE

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA — Cula/cengceleza

15 imiz

Ebusuku (Cula nangayiphi na ithuni ehambelana nengoma)

Iinkwenkwezi zikhanya esibhakabhakeni, *(Nkqakra iminwe)*
Izikhova ziphaphazelisa amaphiko azo kwaye zithi "Whoo-whoo", *(Phaphazelisa iingalo)*
Amalulwane abhabha kwaye aphaphazela emoyeni, *(Ndandisa izandla emoyeni)*
Iikati ziyaxhuma zitsibe kwaye zizingele, *(Xhuma)*
Iingwe zikhwela emithini, *(Yenza ngathi uyakhwela)*
Iincanda zibaleka engceni, *(Baleka endaweni)*
Iingcuka ziyahleka kwaye ziyakhwaza, *(Khwaza)*
Mna ndingqengqa ebhedini yam ukuze ndilale. *(Beka izandla ecaleni kwentloko yakho)*

QAPHELA: Ungasebenzisa lo mbongo okanye esinye isicengcelezo esaziwayo kuVavanyo lwezobuGcisa beQonga kwiveki yesi-8, ke ngoko qinisekisa ukuba abafundi baziqhelanisa nawo izihlandlo eziliqela kwezi ntsuku zimbalwa zilandelayo.

ULWAZI OLUSISISEKO — Imini okanye ubusuku?

15 imiz

ULwazi lwangaPhambili
- Xoxani ngezilwanyana zasefama nezasekhaya abazaziyo abafundi.

Funda iphepha
- Umfanekiso usibonisa ntoni?
- Sesiphi isidalwa osibonayo?

Yenza umsebenzi
- Tshatisa imifanekiso yezidalwa kunye nemifanekiso yasemini nasebusuku.

Phinda ujonge Ngababini jongani iimpendulo.

IZANDI — Bhala izivakalisi ngemifanekiso

15 imiz

KNF iph. 8–13



Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza
- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Buza ngamnye ngamnye nangamaqela.

Yenza umsebenzi
- Hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

UKUFUNDA — Isigama nolwimi

15 imiz

Oonotsheluza
- Babonise uze ufunde igama ngalinye.
- Khangela uze walathe igama kwiNYY.
- Beka oonotsheluza edongeni lamagama, uze uwafunde kwakhona.

Umcwe wesivakalisi
- Funda umcwe wesivakalisi kwiNYY, iphepha le-127.

- Biyela agama akuxelela ngakumbi ngeli nenekazi. (*elidala kakhulu*) Sithini ukubiza olu hlobo lwegama? (*izichazi/amagama achazayo*)
- Ngawaphi amanye amagama onokuwasebenzisa ukumchaza? (*umntu omdala, inkodekazi; ixhegokazi, njl.*)
- Kwisivakalisi sesibini, endaweni yokuthi, "babumnandi kakhulu" cinga ngezichasi. (*babububi, ukunxunguphala, isithukuthezi, lusizi, engonwabanga)*

UKUBHALA

Ukuphucula ukubhala

15 imiz



Xoxani ngokubhala notitshala
- Fundela abafundi isivakalisi sangoLwesibini ngexesha lokubhala notitshala.
- Khetha igama kwisivakalisi, uze ubonise indlela onokuthi ufake endaweni yalo isithethantonye esinomdla ngakumbi (*umzekelo*, *ukubaleka kunokutshintshwa kuthiwe ukugabadula* njl.).

Ngababini: Funda, jongani niphucule
- Abafundi bafundelana neqabane isivakalisi abasibhale izolo.
- Jongani upelo neempawu zokufunda zesivakalisi kunye.
- Ungasenza isivakalisi sakho sibenomdla ngakumbi ngokuthi ufakele isithethantoye segama elinye?

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela uB kunye noC
- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

UHLOLO LOKU-1 LWEZOBUGCISA BEQONGA

30 imiz

Ukushukumela umculo

Isingeniso
- Khumbuza abafundi ngomculo abebewumamele kusuku olungaphambili.
- Bayalele ukuba bathethe ngendlela abashukumela ngayo umculo.

Lungisa
- Dlala umculo owahlukileyo, uze uyalele abafundi ukuba bacinge ngesilwanyana lo mculo obenza bacinge ngaso.

Linganisa
- Abafundi bashukumela umculo, belinganisa isilwanyana abasikhethileyo.
- Mabasebenzise uluhlu lweentshukumo ezahlukileyo.
- Jonga uze ubhale amanqaku ngendlela abaqhuba ngayo ngamnye ngamnye.

Ukukorekisha:
Jonga iph 124
Amanqaku: 5

UHLOLO LOKU-1 LWEZEMITHAMBO

30 imiz

Ukuziqhelanisa nezithuba nokuqonda iintshukumo

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.

Hlola iqela lesi-3
- **Ukuziqhelanisa nezithuba:** Ukulandela imiyalelo ethethwayo:
  - Hamba uthathe amanyathelo asi-6 usiya phambili, amanyathelo ali-10 ubuya umva kunye manyathelo ama-3 uye ekhohlo. Yima.
  - Hamba ngecala uphithanisa imilenze.
  - Ngcileza kasi-6 ngomlenze omnye, uze ungcileze kali-9 ngomnye umlenze.
- **Ukuqonda iintshukumo:** Yenza oko kutshiwo ngoonotsheluza – baleka, tsiba, xhuma, hlala, hamba, yima.

Ukuzipholisa

Ukukorekisha:
Jonga iph 125
Amanqaku: 5

UHLOLO LWESI-2 LOKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

iph. 87
15 imiz

Izikhova

Zili-12 iintlobo ezahlukileyo zezikhova eMzantsi Afrika. Esona sikhulu yi-Eagle owl, size esincinci ibesi-Scops Owl.

Izikhova zinceda abantu ngokuzingela nokutya iimpuku nezinye izilwanyana ezincinci ezitya izityalo kunye nokutya okugciniweyo. Iimpuku zingabagulisa abantu ngokuzisa iintsholongwane okanye iintakumba ezithwala izifo ezindlwini, okanye ngokuluma abantu. Neenyoka nazo zingena ezindlwini zikhangela iimpuku. Ngoko, izikhova zigxotha iinyoka.

Biza iqela elinabafundi abasi-6

- Umfundi ngamnye ukuxelela into enye malunga nezikhova.
- Qhubeka nolu hlolo kwisifundo esilandelayo.
- Abanye abafundi babhala iimpendulo zabo kwiNYY, iphepha le-133.

Ukukorekisha: Jonga iph 117
Amanqaku: 5

ULWAZI OLUSISISEKO — Izikhova

15 imiz

Qhubekeka noHlolo lwesi-2 lokuPhulaphula nokuThetha

Bhala uze uzobe into oyifumanisileyo

- Bhala into ibenye oyifundileyo.
- Zoba umfanekiso wayo.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



IZANDI — Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

iph. 89
15 imiz

KNF
iph. 16-17

Isibini sifunda amagama

- Fundela iqabane lakho la magama ngomzuzu omnye.
- Titshala babekele/bamisele umzuzu.
- Biyela igama lokugqibela olifundileyo lize iqabane libale amagama afundwe ngokungachanekanga.
- Umfundi ngamnye ufumana amathuba amathathu.

Bala amagama

- Khetha awona uzame kuwo. Khupha onke afundwe ngokungachanekanga.
- Abafundi babhala awona manqaku abo angcono emgceni.
- Chaza ukuba uyakwazi ukufunda amagama amaninzi xa uziqhelanisa ngakumbi.

UKUBHALA — IiNdaba Zam

15 imiz

Nika isihloko seendaba

Ngababini: Sebenzisani isakhelo *seeNdaba Zam* esikwiqweqwe elingasemva leNYY ukubalisa ngokufutshane iindaba.

UkuBhala Yedwa

- Bhala umhlathi ubemnye onezivakalisi ezintathu.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla

- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa

- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela uD kunye no-E

- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

UKUJONGA NENGXELO

15 imiz

Funda

- Ngababini, abafundi bafundelana iindaba zabo.

Makisha umSebenzi Owenza Wedwa

- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisisebenzi yabo.

UHLOLO LOKU-1 LWEZEMITHAMBO

30 imiz

Ukuziqhelanisa nezithuba nokuqonda iintshukumo

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi

- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.

Hlola iqela lesi-4

- **Ukuziqhelanisa nezithuba:** Ukulandela imiyalelo ethethwayo:
  - Hamba uthathe amanyathelo asi-6 usiya phambili, amanyathelo ali-10 ubuya umva kunye namanyathelo ama-3 usiya ekhohlo. Yima.
  - Hamba ngecala uphithanisa imilenze.
- Ngcileza kasi-6 ngomlenze omnye, uze ungcileze kali-9 ngomnye umlenze.
- **Ukuqonda iintshukumo:** Yenza oko kutshiwo ngoonotsheluza – baleka, tsiba, xhuma, hlala, hamba, yima.

Ukuzipholisa

Ukukorekisha:
Jonga iph 125
Amanqaku: 5

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:

- **ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwajongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo oluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingazigqibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha leveki ezayo:

- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

Izilwanyana zasebusuku



AMALUNGISELELO

Oonotsheluza

iyaphila | zaleqa | ilali | ukuzingela | iinyoka

Umcwe wesivakalisi

Yiyo loo nto, apho abantu bagxotha khona izikhova, kubakho iimpuku ezininzi ezitya ukutya kwabo. Kwaye zibaninzi iinyoka eziyo kutya iimpuku.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

1. UkuFunda ngaBabini NYY iphepha 152
2. UkuBhala ngeSandla 1 Oo Jj
3. UkuBhala ngeSandla 2 Ingwanyalala iginye ingwiqi yakubona iingwele.
4. UkuBhala ngeSandla 3 uboya, iintsiba zencanda, iintsiba, iinwele
5. DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha 23
6. DBE uLwimi lwaseKhaya iphepha 87
7. DBE izaKhono zoBomi iphepha 63
8. Isichazi-magama
   iyaphila zaleqa ilali ukuzingela iinyoka

IZIXHOBO ZOKWENZA UMSEBENZI



- Udongwe/intlama yokudlala, ipeyinti emhlophe nemnyama, umcinga womatshisi/umcinga wokuvungula/iziqwenga ezimbalwa zengca eyomileyo yokufulela/imicinga ebhityileyo ukwenza imisebenzi yezobuGcisa obuBonwayo
- Izixhobo ezifunekayo ukwenza imisebenzi yezemiThambo

Indlela incanda eyazifumana ngayo iintsiba

Kwathi ke kaloku ngantsomi, liselitsha ihlabathi, iincanda zazingenazo iintsiba. Zazinezikhumba ezimnyama **ezigudileyo** kunye neenzipho ezinde ezibukhali. Ingonyama, ingcuka kunye nokhozi zonke zaleqa incanda kuba zazifuna ukuyityа njengesidlo sangokuhlwa. Usizana oluyincanda! Yayizama ukutya ebusuku, izimele emini, kodwa ezinye izilwanyana zange ziyeke ukumleqa.

Ngobunye ubusuku, ingonyama yathi chu ngcembe ethafeni. Yabona incanda, yathi: "Awu! Nasi isidlo sangokuhlwa!" Incanda yoyika kakhulu. **Yaqhwaya** ngeenzipho zayo ezinde ezibukhali, yazombela phantsi kwetyholo elinameva.

Ingonyama yayisonqena kakhulu ukuba iyilandela, kodwa yathi incanda xa iphuma phantsi kwetholo, ameva amhlophe amade ayehlabeke kweso sikhumba sayo sithambileyo. "Shu!" yakhwaza. "Eli tyholo lizikhusele ngameva alo amade!" Kodwa ke yaba nombono omhle. Yawaphula amanye amasebe etyholo, yawabeka emqolweni wayo.

Emva koko, yahamba yaya kuhlala kwithafa elivulekileyo ukuze ibone ukuba kungakho into enokuzama ukuyibamba. Safika isikhova **sindanda** sivela esibhakabhakeni size kubamba incanda, yasuka yazisonga yangathi yibhola. Umlomo wesikhova kunye nesifuba esithambileyo zenzakaliswa ngameva, saze isikhova sabhabha, kuba ameva asihlaba kakhulu.

Ingcuka yeza ichwechwa engceni, ikhangela ukutya. "Mmm, incanda entle enencindi!" yambombozela. Kodwa yathi xa isondela, incanda yazisonga aza ameva abukhali ahlaba imilebe yengcuka. "Shu! Shu! Shu!" yabhomboloza ingcuka yabe ibaleka.

Ngosuku olulandelayo, incanda yaqokelela ameva amaninzi abukhali amhlophe. Yagalela udongwe emqolo, yaza yancamathelisa ameva kudongwe olusemqolweni wayo. Izilwanyana zathi zakubona isikhumba sayo esibukhali zahlala kude kuba zazisoyika ameva abukhali.

Ekugqibeleni, zonke iincanda zaqalisa ukukhula iintsiba ezinde ezibukhali njengameva emqolo. Ziyazikhusela kwezinye izilwanyana ezifuna ukuzihlasela. Yiyo loo nto zonke iincanda zineentsiba namhlanje!

ISIGAMA

ezigudileyo – into engenaboya okanye engekho rhabaxa

yaqhwaya – yomba phezu komhlaba, ukugrumba ususa nje umphezulu womhlaba

sindanda –yabhabha ngokukhawuleza

MVULO

UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO

NT iph. 91
15 imiz

Indlela incanda eyazifumana ngayo iintsiba

Phambi kokufunda
- Luhlobo luni lwebali oluqala ngolu hlobo, “Kwathi ke kaloku ...”?
- Biza amanye amabali okhe waweva aqalo ngolu hlobo.

Ukufunda
- Funda ibali ngokuvakalayo, uze ubuze imibuzo.

Emva kokufunda
- Zazikhangeleka njani iincanda ngaphambi kokuba zibe neentsiba?
- Incanda yayizikhusela njani?
- Kwakutheni ukuze ezinye izilwanyana zingasondeli kuyo?
- Ingaba libali eliyinyani eli? Ngoba?

ULWAZI OLUSISISEKO

iph. 91
15 imiz

Ukubona ebumnyameni

ULwazi lwangaPhambili
- Zeziphi izilwanyana zasebusuku ozikhumbulayo?

Funda iphepha
- Jonga imifanekiso, ufundele abafundi isicatshulwa, ze nifunde kunye.

Phendula
- Abafundi baphendula imibuzo esephepheni.

IZANDI

iph. 92
15 imiz

KNF iph. 8–13

Isandi u-ngw

Yazisa isandi
- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi
- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini
- Fundani amalungu namagama.

Bhala
- Bhala amagama emifanekiso.

Funda isivakalisi

UKUFUNDA

iph. 81–83
15 imiz

Ibali lesikhova



Ukuthetha ngomfanekiso
- Yintoni oyibonayo emfanekisweni ngamnye? Kwenzeka ntoni?

Funda ibali lonke kunye nabafundi Abafundi bakhomba amagama ngeminwe yabo.

Ingqiqo
- Kwiphepha le-119, khomba igama elisixelela ukuba eliphepha limalunga nonyana wenenekazi eselikhulile.
- Kwiphepha le-120, Khomba igama elisibonisa ukuba zingaphi iimpuku ezazihlala elalini ngexesha isikhova sasikhona.
- Kwiphepha le-121, khomba amagama asixelela izinto ezimbini ezenziwa ziimpuku zakuba izikhova zimkile.
- Khawukhangele ibinzana elisixelela isizathu sokuba iimpuku zitye ukutya kwabantu.

UKUBHALA UkuBhala ngeSandla

30 imiz

KNF iph. 31–37



Bonisa umzekelo ebhodini
- Nikeza ngepatheni yokuziqhelanisa yeveki.
- Bonisa imisebenzi emi-3 yokuBhala ngeSandla yale veki. (jonga kwiphepha lesi-6 leNT)
- Gxininisa ekwakheni oonobumba.

Ukuziqhelanisa okukhokelwayo
- Abafundi basebenza kwiphepha leNYY.
- Titshala jikeleza phakathi kwabafundi ulungise indlela yokuhlala nokubamba ipensile.

Ukuziqhelanisa eyedwa
- Abafundi baza kuziqhelanisa ngakumbi ngexesha lomsebenzi owenza wedwa.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Nika intshayelelo yemiSebenzi Oyenza Wedwa yale veki, ibhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

UHLOLO LOKU-1 LOKUFUNDA IQela u-A

Ukukorekisha:
Jonga iph 119
Amanqaku: 10

- Abafundi bafunda ibali elisuka kwincwadi yeengqokelela zamabali ngamazwi asezantsi.
- Biza abe mnye ngexesha, umamele xa efunda.
- Mamela umfundi ngamnye umzuzu omnye ukuya kwemibini.
- Jonga ingqiqo ngokubuza imibuzo.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO Yenza incanda

NT iph. 131

30 imiz



Ukukorekisha:
Jonga iph 123
Amanqaku: 5

Xoxani
- Zikhangeleka njani iincanda? Zinemibala enjani? Zinemilo enjani?
- Yintoni ezinayo emqolo?

Yila
- Abafundi benza iintsiba ngezinti, imicinga yematshisi okanye imicinga yokuvungula.
- Bapeyinta izinti ukuze zibukeke njengeentsiba zencanda.
- Zigcine zikhuselekile, baza kuzigqibezela ngoLwesibini.

EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Lungiselela
- Khetha imisebenzi emine eyohlukileyo yale veki kwiphepha lesi-5.
- Lungisa izixhobo zale misebenzi.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane ale veki.

Yazisa izitishi zemisebenzi
- Bonisa abafundi izixhobo, uze ucacise imisebenzi emine yale veki.
- Abafundi balinganisa le misebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke
- Dlalani umdlalo onje ngokuleqa-leqana okanye undize.

LWESIBINI

UKUZIPHATHA Ukuziqaphela

15 imiz



- Abafundi bahlala bephithanise imilenze, baze bavale amehlo.
- Baxelele ukuba mababe nomfanekiso-ngqondweni wabo behleli ngasemlilweni. Baxelele ukuba babe nomfanekiso-ngqondweni wamadangatye.
- Ngababini abafundi baxelelana ngento “abayibonileyo” kumadangatye?
- Umfundi omnye okanye ababini babelana neqela.

ULWAZI OLUSISISEKO Amehlo

15 imiz



Funda
- Jongani umzobo weliso. Biza amalungu.

Umsebenzi
- Funda imiyalelo kwiNYY.
- Ngababini, abafundi benza uphando elangeni. Bakhumbuze **BANGAZE** bajonge ilanga ngqo.

Iimpendulo
- Abafundi bagqibezela iimpedulo kwiNYY.

Jonga
- Jongani iimpendulo neklasi.

UHLOLO LOKU-1 LWEZANDI Fakela izandi

NT iph. 129

15 imiz



Bizela izandi
Abafundi babhala izandi ozibizayo ebhokisini.

1. ngcw
2. ngw
3. nkq
4. ntsh
5. ntl

Thatha iincwadi uzikorekishe

1. intlavu
2. indwe
3. umngcwabo
4. iindlulamthi
5. ingwamza

Thatha iincwadi uzikorekishe

Ukukorekisha:
Jonga iph 118
Amanqaku: 10

UKUFUNDA Ukwakha isivakalisi

iph. 129

15 imiz

KNF iph. 19–20

Sika Abafundi mabasike umcwe wesivakalisi.

Fundani kunye Kutheni kukho iiziphumlisi/iikoma (,) emacaleni omabini ala amagama athi, *apho abantu bagxotha khona izikhova?*

Babuze imibuzo ze basike igama okanye iqela lamagama
- **Kutheni?** Yiyo loo nto,
- **Ubani?** apho abantu
- **Besenza ntoni?** bagxotha
- **Phi?** khona
- **Ntoni?** izikhova,
- **Kwenzeka ntoni?** kubakho
- **Intoni?** iimpuku
- **Zingaphi?** ezininzi
- **Zenza ntoni?** ezityа ukutya kwabo.
- **Isihlanganisi** Kwaye
- **Zingaphi?** zibaninzi
- **Intoni?** iinyoka
- **Zenza ntoni?** eziyo kutya
- **Intoni?** iimpuku.

Xuba amagama esi sivakalisi, uze usakhe kwakhona

Ncamathelisa isivakalisi kwiNYY, iphepha le-142.

UKUBHALA NOTITSHALA — Bhala intsomi

15 imiz

KNF iph. 38–41

Isingeniso
- Khumbuza abafundi ngeentsomi ezimbini ezithetha ngencanda neqwarhashe.

Bonisa isakhelo sokubhala
- Gxininisa kula mabinzana, “Kwathi ke kaloku …” “Ekugqibeleni …” “Yiyo loo nto …”.

Xoxani ngezimvo
- Sesiphi isidalwa abaza kubhala ngaso?
- Yeyiphi ingxaki esinokuba nayo esi sidalwa?
- Sesiphi isisombululo abanokuba naso kule ngxaki?

UkuBhala noTitshala
- Bhala intsomi ebhodini, usebenzisa iingcebiso zabafundi.



UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.



UHLOLO LOKU-1 LOKUFUNDA — IQela uB

- Abafundi bafunda ibali elisuka kwincwadi yeengqokelela zamabali ngamazwi asezantsi.
- Biza abe mnye ngexesha, umamele xa efunda.
- Mamela umfundi ngamnye umzuzu omnye ukuya kwemibini.
- Jonga ingqiqo ngokubuza imibuzo.

Ukukorekisha: Jonga iph 119
Amanqaku: 10

UHLOLO LWESI-2 LOBUGCISA OBUBONWAYO (luyaqhutywa)

30 imiz

Yenza incanda

Yila
- Abafundi benza imilo yencanda ngodongwe okanye iplastiki okanye intlama yokudlala.
- Faka amalungu omzimba afana nemilenze/iinyawo, umsila, amehlo kunye nempumlo.
- Ncula iintsiba abazenze ngosuku olungaphambili kudongwe.
- Yiyeke yome.

Bonisa
- Bonisa imiqingqwa eklasini.



Ukukorekisha: Jonga iph. 123
Amanqaku: 5

EZEMITHAMBO — Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

LWESITHATHU

UKUZIPHATHA Ndicinga, Ndiziva ...

15 imiz



Yila
- Abafundi benza imilo yencanda ngodongwe okanye iplastiki okanye intlama yokudlala.
- Faka amalungu omzimba afana nemilenze/iinyawo, umsila, amehlo kunye nempumlo.
- Ncula iintsiba abazenze ngosuku olungaphambili kudongwe.
- Yiyeke yome.

Bonisa
- Bonisa imiqingqwa eklasini.

ULWAZI OLUSISISEKO Ubusuku obuneenkwenkwezi

iph. 93
15 imiz
KNF iph. 45

Yenza itshathi yeKWL emalunga nesibhakabhaka ebusuku
- Buza abafundi ukuba basawukhumbula na umzobo woo"jongilanga" okwiKota yesi-3. Ingaba bayalikhumbula na igama lomzobi odumileyo?

Funda iphepha
- Xoxani ngomfanekiso, uze ufunde itekisi kunye nabafundi.

Xoxani ngombuzo
- Uza kuyifumana njani impendulo ekhaya?
- Yeyiphi into onokuthanda ukuyazi ngesi sihloko?
- Abafundi mabaze neempendulo ngoLwesihlanu.

IZANDI Isandi u-ngc

iph. 94
15 imiz
KNF iph. 8–13

Yazisa isandi
- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi
- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini
- Fundani amalungu namagama.

Bhala
- Bhala amagama emifanekiso.

Funda isivakalisi

UKUFUNDA Ibali lesikhova

iph. 81–83
15 imiz



Fundani kunye
- Fundani isiqingatha sesibini sebali elithi, *Ibali lesikhova* kunye neklasi.

Fundani ningamaqela
- Fundani ngamaqela azizithathu, tshintshiselanani ukufunda iphepha ngalinye.

Ukufunda wedwa
- Fundela ngaphakathi amaphepha amathathu okugqibela ebali.

UKUBHALA Intsomi engezilwanyana

15 imiz



Phinda ujonge
- Phindani nijonge umbhalo wentsomi eniwubhale kusuku oludlulileyo.

Xoxani ngesigama
- Xoxani ngamagama amalunga neentsomi zezilwanyana ezahlukileyo.

Bhala
- Abafundi bakhetha eyabo intsomi abaza kubhala ngayo.
- Bangazipapasha kwincwadi yeklasi ngeveki ye-10.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

5 imiz + 30 imiz

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

UHLOLO LOKU-1 LOKUFUNDA IQela uC

- Abafundi bafunda ibali elisuka kwincwadi yeengqokelela zamabali ngamazwi asezantsi.
- Biza abe mnye ngexesha, umamele xa efunda.
- Mamela umfundi ngamnye umzuzu omnye ukuya kwemibini.
- Jonga ingqiqo ngokubuza imibuzo.

Ukukorekisha:
Jonga iph 119
Amanqaku: 10

UHLOLO LWESI-2 LOBUGCISA BEQONGA

30 imiz

Cengceleza ulinganise

Ukuzifudumeza
- Yenza umbongo weveki 7 (okanye omnye olungeleyo) neklasi.

Xoxani
- Thetha ngeentshukumo ezahlukileyo zomgca ngamnye.
- Xoxani ngelizwi eniza kulisebenzisa emgceni ngamnye – elingxolayo, elisezantsi, eliphezulu, njl.

- Xoxani ngendlela yokuma:
  - Jonga ngqo kubaphulaphuli.
  - Yima nkqo.
  - Sebenzisa imbonakalo ezininzi.

Umsebenzi wamaqela
- Ziqhelanise nokulinganisa umbongo.
- Baza kuvavanywa ngosuku olulandelayo.

Ukukorekisha:
Jonga iph 124
Amanqaku: 5

UHLOLO LWESI-2 LWEZEMITHAMBO Dlala umdlalo

30 imiz

Khetha umdlalo Khetha imidlalo efana nempuku nekati okanye umdlalo webhola ofana neqakamba, ibhola ekhatywayo okanye usikurume.

QAPHELA: Qwalasela uze uhlole *isiqingatha* sabafundi ngexesha lesi sifundo.
Cacisa umsebenzi
- Xelela abafundi imithetho yomdlalo owukhethileyo.

- Jonga ukuba bayayiqonda imithetho ngokuthi ubuze imibuzo.
- Banike izixhobo abanokuthi bazidenge.

Dlala umdlalo
- Abafundi badlala umdlalo.
- Qwalasela uze uvavanye isiqingatha sabafundi.

Ukukorekisha:
Jonga iph 125
Amanqaku: 5

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Cula/cengceleza

15 imiz

Cula nangayiphi na ithuni ehambelana nengoma

Izikhova ebusuku ziyahamba, “Whoo-whoo-whoo, whoo, whoo, whoo, whoo, whoo, whoo!” Izikhova ebusuku ziyahamba, “Whooo-whooo!” Ubusuku bonke!	Iingcuka ebusuku ziyahamba, “Hleka-hleka-hleka, hleka-hleka-hleka-hleka-hleka-hleka!” Iingcuka ebusuku ziyahamba, “Hleka-hleka-hleka!” Ubusuku bonke! (Yenza ezinye iivesi malunga nezidalwa zasebusuku ezahlukileyo.)

UKUFUNDA Amanqaku malunga neencanda

NT iph. 130

15 imiz

IGAMA _____ UMHLA _____

Ulwazi oluyinyani malunga neencanda

Funda le tekisi yolwazi wandule ukuphendula imibuzo.

Iincanda zineentsiba ezibukhali emqolo. Ezi ntsiba zeziwe ngoboya obudityanisiweyo. Uninzi lweencanda zineentsiba ezimalunga nama-30 000.

Amantshontsho eencanda azalwa iintsiba zawo zithambile. Zithatha malunga neentsuku ezintlanu ukuba ziqine.

Iincanda zisebenzisa iintsiba zazo ukuzikhusela. Zingqisha inyawo zazo, zize zivuthulule iintsiba zazo ukuze zoyike ezinye izilwanyana. Ukuba isilwanyana asihambi, incanda ibaleka ngomva ukuze iintsiba zayo ezibukhali zibambeke kweso silwanyana. Iincanda zingazenzakalisa iingonyama, amahlosi, iinja nabantu.

Incanda iphinda ikhule iintsiba ezintsha xa iintsiba zayo zisiwa.

130 Iveki yesi-7 • Lwesibini UHLOLO LWESI-3 LOLWAZI OLUSISISEKO

UHLOLO LWESI-2 LOLWAZI OLUSISISEKO

NT iph. 131

15 imiz


IGAMA _____ UMHLA _____

Ingqiqo

1 Iintsiba zeencanda zenziwe _____.
ngoboya ngameva ngamakhuni

2 Bhala ukuba **kuyinyaniso** okanye **bubuxoki**.
Ukuzikhusela iincanda ...
zingqisha inyawo zazo _____
ziyaziluma ezinye izilwanyana _____
zivuthulula iitsiba zazo _____
zileqa ezinye izilwanyana _____

3 Ingaba ayakwazi ukuzikhusela amantshontsho eencanda?
Ewe Hayi
Ngoba? _____

4 Zingaphi iitsiba zeencanda? _____

5 Ingaba iincanda zikhe ziphulukane neentsiba zazo zonke? Nika isizathu sempendulo yakho. _____

UHLOLO LWESI-3 LOLWAZI OLUSISISEKO Iveki yesi-8 • Lwesibini 131

Ingqiqo

Isingeniso

- Xelela abafundi ukuba olu luhlolo.

Uhlaziyo

- Abafundi baphinda bafunde isicatshulwa kwiphepha le-146.

Phendula imibuzo

- Abafundi basebenza ngamnye ngamnye ukuphendula imibuzo yengqiqo esekelwe kwisicatshulwa.

Ukukorekisha:
Jonga iph 122
Amanqaku: 10

IZANDI Bhala amagama ngendlela echanekileyo

iph. 95

15 imiz


UMHLA _____

Bhala amagama ngendlela echanekileyo

1 iingongci iingcingo
2 ukutshangco _____
3 unubemngcu _____
4 iimbungca _____
5 ingcuncgu _____
6 ibumvu _____
7 inibangqi _____
8 iphumvulo _____

IVEKI YESI-8 • LWESITHATHU • 95

Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Buza ngamnye ngamnye nangamaqela.

Yenza umsebenzi

- Hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

UKUFUNDA Isigama nolwimi

15 imiz

Oonotsheluza
- Babonise uze ufunde igama ngalinye.
- Khangela uze walathe igama kwiNYY.
- Beka oonotsheluza edongeni lamagama, uze uwafunde kwakhona.

Umcwe wesivakalisi
- Funda umcwe wesivakalisi kwiNYY, iphepha le-142.

- Xa ususa amagama aphakathi kweekoma (apho abantu bagxotha khona izikhova) ingaba isivakalisi siza kuvakala? (Ewe)
- Funda isivakalisi ngokuvakalayo ngaphandle kwesolotya/igatya.
- Cinga ngesinye isolotya/igatya onokusisebenzisa (umz. kwiindawo apho kungekho zikhova OKANYE apho kukho ukutya okuninzi, njl.)

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

UHLOLO LOKU-1 LOKUFUNDA IQela uD

- Abafundi bafunda ibali elisuka kwincwadi yeengqokelela zamabali ngamazwi asezantsi.
- Biza abe mnye ngexesha, umamele xa efunda.
- Mamela umfundi ngamnye umzuzu omnye ukuya kwemibini.
- Jonga ingqiqo ngokubuza imibuzo.

Ukukorekisha:
Jonga iph 119
Amanqaku: 10

UHLOLO LWESI-2 LOBUGCISA BEQONGA (luyaqhutywa)

30 imiz

Qweba ulinganise

Umsebenzi wamaqela
- Abafundi banemizuzu embalwa yokuziqhelanisa nombongo wabo beliqela.
- Khumbuza abafundi ukuba beme nkqo, bacengceleze ngokucacileyo, kwaye benze iintshukumo.

Hlola
- Biza iqela ngalinye ukuba lilinganisele iklasi.
- Qwalasela umfundi ngamnye eqeleni.
- Cela amaqela azithembileyo ukuba alinganise kuqala.

Hlola
- Ncomani nize niqhwabele izandla abafundi.

Ukukorekisha:
Jonga iph 124
Amanqaku: 5

EZEMITHAMBO Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

LWESIHLANU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

iph. 93
15 imiz

Ubusuku uboneenkwenkwezi

UVincent van Gogh wapeyinta “Ubusuku obuneenkwenkwezi” emva kokuba sesibhedlele ixesha elide. Imibala emininzi imnyama, kwaye iyimibala epholileyo. Waye buhlungu kakhulu xa wayezoba lo mfanekiso. Abanye abantu bacinga ukuba wayesazi ukuba wayeza kufa kungekudala, yiloo nto lo mfanekiso ubonakala ulusizi.

Ngababini
- Chaza ukuba nifumanise ntoni.

Yabelanani
- Yalela abafundi abambalwa ukuba babelane neklasi. Bhala kwitshathi yeKWL.
- Xoxani, uze ubanike ulwazi oluthe vetshe.

ULWAZI OLUSISISEKO

Ubusuku obuneenkwenkwezi

15 imiz

Bhala uze uzobe into oyifumanisileyo
- Bhala into ibenye oyifundileyo.
- Zoba umfanekiso wayo.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.



UHLOLO LWESI-2 LWEZANDI

Ubizelo

15 imiz

Amagama obizelo
- Biza igama ngokucacileyo nangokucothayo.
- Liphinde kube kanye.

Bhala
- Nika abafundi ixesha babhale igama ngalinye.
- Abafundi mababhale kakuhle nangokubukekayo.

Ukukorekisha:
Jonga iph 118
Amanqaku: 5

iingcambu

isaqhwithi

intsontela

indlamanzi

impuku

UKUBHALA

IiNdaba Zam

15 imiz

Nika isihloko seendaba

Ngababini: Sebenzisani isakhelo *seeNdaba Zam* esikwiqweqwe elingasemva leNYY ukubalisa ngokufutshane iindaba.

UkuBhala Yedwa
- Bhala umhlathi ubemnye onezivakalisi ezintathu.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

5 imiz + 30 imiz

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

UHLOLO LOKU-1 LOKUFUNDA IQela u-E

- Abafundi bafunda ibali elisuka kwincwadi yeengqokelela zamabali ngamazwi asezantsi.
- Biza abe mnye ngexesha, umamele xa efunda.
- Mamela umfundi ngamnye umzuzu omnye ukuya kwemibini.
- Jonga ingqiqo ngokubuza imibuzo.

Ukukorekisha:
Jonga iph 119
Amanqaku: 10

UKUJONGA NENGXELO

15 imiz

Funda
- Ngababini, abafundi bafundelana imibhalo yabo.
- Xelela iqabane lakho into oyithandileyo kumbhalo walo.

Makisha umSebenzi Owenza Wedwa
- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisisebenzi yabo.

UHLOLO LWESI-2 LWEZEMITHAMBO Dlala umdlalo

30 imiz

Khetha umdlalo
- Khetha imidlalo efana nempuku nekati okanye umdlalo webhola ofana neqakamba, ibhola ekhatywayo okanye usikurume.

Cacisa umsebenzi
- Xelela abafundi imithetho yomdlalo owukhethileyo.
- Jonga ukuba bayayiqonda imithetho ngokuthi ubuze imibuzo.
- Banike izixhobo abanokuthi bazidenge.

Dlala umdlalo
- Abafundi badlala umdlalo.
- Qwalasela uze uvavanye isiqingatha sabafundi.

Ukukorekisha:
Jonga iph 125
Amanqaku: 5

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:
- **ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwajongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo oluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingaziggibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha leveki ezayo:
- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

Amaxesha akhethekileyo nosapho

AMALUNGISELELO

Oonotsheluza

umtshato | entle | ukoyika/ixhala | umsitho | isintu

Umcwe wesivakalisi

UDora waxelwa ngumama wakhe ukuba umakazi wakhe uza kutshata ngeeholide zikaDisemba, kwaye wayefuna ukuba uDora abe yintombazana yeentyatyambo emtshatweni.

UMSEBENZI OWENZA WEDWA

1. **UkuFunda ngaBabini** NYY iphepha 175
2. **UkuBhala ngeSandla 1** Aa Oo Qq Bb Dd
3. **UkuBhala ngeSandla 2** Isiqhwala sitye ilekese eqhwethayo safihla intloko ziintloni.
4. **UkuBhala ngeSandla 3** iholide, amalungelo oluntu, bhiyoza khumbula
5. **DBE uLwimi lwaseKhaya** iphepha 77
6. **DBE uLwimi lwaseKhaya** iphepha 81
7. **DBE izaKhono zoBomi** iphepha 64
8. **Isichazi-magama**
   umtshato entle ukoyika/ixhala umsitho isintu

IZIXHOBO ZOKWENZA UMSEBENZI



- Iphepha, iikhrayoni/iikoki, isikere, iglu kunye nezinti zesitoki zomkhenkce (okanye naziphi na izinti ezisicaba) zokwenza imisebenzi yezobuGcisa obuBonwayo
- Imicwe yelaphu kunye noboya, amaphepha anemibala, amaphepha eemagazini, njl. zokuhombisa oonopopi
- Imifanekiso yemitshato
- Izixhobo ezifunekayo ukwenza imisebenzi yezemiThambo

UDora intombazana yeentyatyambo

Ngenye imini umama kaDora wafika ekhaya evela edolophini. UDora noninakhulu bavuya bakumbona.

"Ndineendaba ezimnandi, Dora," watsho umama kaDora, "udadewethu ufuna ukuba ubey**intombazana yeentyatyambo** emtshatweni wakhe."

Amehlo kaDora asuka abamakhulu kakhulu. "Awu, mama!" watsho uDora, "Mna, intombazana yeentyatyambo? Ngomtshato kaMakazi?"

Wahleka unina. "Ewe, kwiinyanga ezimbalwa nje. Uza kubaseKZN ngexesha leeholide zeKrisimesi," watsho umama kaDora.

UDora wayevuya kakhulu. Wadanisa, unina nomakhulu bahleka. Kodwa emva koko wayeka.

"Yenza ntoni intombazana yeentyatyambo? Ndiza kunxiba ntoni?"

"Kulungile ke," watsho unina, "kuqala, kufuneka sikufumanele ilokhwe entle emhlophe, kuba kufuneka ujongeke njengomtshakazi omncinci. Uza kufaka iintyatyambo ezinweleni zakho, kwaye uphathe iintyatyambo."

UDora waba**nomfanekiso-ngqondweni** wendlela awayeza kukhangeleka ngayo.

"Ingaba ndiza kuba ndodwa?" wabuza uDora.

"Hayi," watsho unina, "niza kube nibabini. Nomzala wakho, uZandile uza kuba yintombazana yeentyatyambo."

"Siza kwenza ntoni?" wabuza uDora.

"Niza konwaba kakhulu," watsho umakhulu wakhe, "kwaye niza kuba bahle kakhulu, ninoZandile."

"Okokuqala, siza kuninxibisa kakuhle, wena noZandile," watsho umama wakhe.

"Xa sele elungile umtshakazi, siza kuya ecaweni. Apho umyeni uza kube elindile.

Wena noZandile niza kungena ecaweni phambi komtshakazi. Niza kuhamba ngokucothayo kuba yimini ekhethekileyo."

Unina waqhubeka, "Kuza kubakho **umsitho** womtshato ecaweni. Emva koko, niza kuphuma ecaweni nilandela umtshakazi. Emva koko, sonke siza kuya kwithekho elimnandi lomtshato."

"Yintoni itheko lomtshato?" wabuza uDora.

"Litheko lokubhiyoza xa abantu betshata," wachaza umakhulu. "Kuza kubakho intente emhlophe, kubekho umculo nomdaniso, kufotwe!"

"Sitye nokutya okuninzi okumnandi," watsho unina. "Wena noZandile niza kuhlala etafileni yomtshakazi, kwaye ndiqinisekile ukuba niza konwaba kakhulu."

Umakhulu waqhubeka wathi, "Kuza kubanemitshato emibini. Owokuqala ngumtshato wasecaweni, uze owesibini ibe ngumtshato wesiNtu ozakuba ngengomso."

Iindwendwe ziza kuya kwikhaya lomyeni apho abantu beza kuza nezipho zekhaya lesi sibini.

"Siza kunxiba iimpahla zesiNtu," watsho umakhulu. "Ndiza kukuthengela iimpahla ezikhethekileyo, unxibe amaso ezinweleni nasentanyeni. Uza kuxhentsa namanye amantombazana."

"Owu, iza kuba yeyona mpelaveki ibalaseleyo ebomini bam le!" watsho uDora. "Andisayingxamele ngako!"

ISIGAMA

intombazana yeentyatyambo – intombazana ekhapha umtshakazi emtshatweni

nomfanekiso-ngqondweni – ukuba nombono wento ungekayiboni okanye ingekenzeki

umsitho – isiganeko esikhethekileyo, esisesikweni okanye senkolo

MVULO

UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO

UDora intombazana yeentyatyambo

Phambi kokufunda
- Cela abafundi ukuba bachaze iziganeko ezikhethekileyo ababekhe bakuzo neentsapho zabo.

Ukufunda
- Funda ibali ngokuvakalayo, uze ubuze imibuzo.

Emva kokufunda
- Umakazi kaDora uza kuba nemitshato emingaphi?
- Ingaba oku sele kwenzekile okanye kusezakwenzeka? Wazi kanjani?
- Yeyiphi indawo yeli bali oye wayonwabela kakhulu?

NT
iph. 103
15 imiz

ULWAZI OLUSISISEKO

Phanda ngeminyhadala

ULwazi lwangaPhambili
- Wakhe wayibhiyozela iKrismesi okanye i-Eid? Yeyiphi eyona nto yayibalasele kuyo.

Ulwazi olutsha
- Yeyiphi imibhiyozo ebhiyozelwa ziinkolo ezahlukahlukileyo?
- Zeziphi ezona zinto ezikhethekileyo kule minyhadala?

Fundela abafundi iphepha, nize nifunde kunye

iph. 104
15 imiz

UMHLA

Phanda ngeminyhadala

AmaHindu abhiyozela **iDiwali, uMthendeleko wokuKhanya**, ekuqaleni kukaNovemba. Imithandazo ithatha iintsuku ezi-3 ukuya kwezi-5. Abantu bakhanyisa izibane ze-diya. Banxiba ezona mpahla zabo zintle, kwaye baphathele abahlobo nabamelwane izipho zezidlo ezimnandi.

AmaIslam abhiyozela **i-Eid Al-Fitr** ekupheleni kweRamadan. Imihla iyatshintsha nyaka ngamnye. Imibhiyozo ithatha iintsuku ezi-3. Abantu banxiba ezona mpahla zabo zintle, kwaye bahombise amakhaya abo. Bapha abahlobo neentsapho zabo izipho, baze baphe amahlwempu ukutya.

AmaKristu abhiyozela **iKrisimesi** ongowama-25 kaDisemba, ukukhumbula ukuzalwa kukaYesu. Abantu bahombisa amakhaya neevenkile zabo. Baya ecaweni, bathenge iimpahla ezintsha, banikezele ngezipho, baze batye okona ukutya bakuthandayo.

104 • IVEKI YE-9 • MVULO

IZANDI

Isandi u-qhw no-ntl

Yazisa isandi
- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi
- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini
- Fundani amalungu namagama.

Bhala
- Bhala amagama emifanekiso.

Funda isivakalisi

iph. 105
15 imiz

KNF
iph. 8–13


UMHLA

qhw

iqhwintsi

ukuqhwitha isiqhwala isiqhwithi

u-ku-qhwa-ba i-ntla-ma i-ntlu-tha

Isiqhwala sitye ilekese eqhwethaya safihla intloko ziintloni.

IVEKI YE-9 • MVULO • 105

UKUFUNDA

UDora intombazana yeentyatyambo

Ukuthetha ngomfanekiso
- Ubona bani kumfanekiso ngamnye?

Fundela abafundi ibali lonke nize nifunde kunye
- Abafundi bakhomba amagama ngeminwe yabo.

Ingqiqo
- Kwiphepha le-154, khomba amagama asixelela ukuba umakazi kaDora uza kutshata nini.
- Kwiphepha le-155, Khomba amagama asixelela ukuba wayenemincili.
- Mingaphi imibuzo awayibuza umama wakhe?
- Kwiphepha le-158, khomba amagama asixelela ukuba yintoni eza kulandela emva komtshato wasecaweni.
- Kwiphepha le-159, khomba igama elisixelela ukuba kukho olunye uhlobo lomtshato emva komtshato wasecaweni.

iph. 98–103
15 imiz

UDora intombazana yeentyatyambo

UDora waxelwa ngumama wakhe ukuba umakazi wakhe uza kutshata ngeeholide zikaDisemba, kwaye wayefuna ukuba uDora abe yintombazana eza kuphatha iintyatyambo emtshatweni.

UDora wavuya kakhulu. Wayengazange akhe aye KwaZulu-Natal, apho kwakuhlala umakazi wakhe.

98 • IVEKI YE-9

UKUBHALA — UkuBhala ngeSandla

30 imiz

KNF iph. 31–37



Bonisa umzekelo ebhodini
- Nikeza ngepatheni yokuziqhelanisa yeveki.
- Bonisa imisebenzi emi-3 yokuBhala ngeSandla yale veki. (jonga kwiphepha lesi-6 leNT)
- Gxininisa ekwakheni oonobumba.

Ukuziqhelanisa okukhokelwayo
- Abafundi basebenza kwiphepha leNYY.
- Titshala jikeleza phakathi kwabafundi ulungise indlela yokuhlala nokubamba ipensile.

Ukuziqhelanisa eyedwa
- Abafundi baza kuziqhelanisa ngakumbi ngexesha lomsebenzi owenza wedwa.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Nika intshayelelo yemiSebenzi Oyenza Wedwa yale veki, ibhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela u-A kunye noB
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO — Oonopopi

30 imiz

Xoxani
- Thetha ngeendlela ezahlukileyo zokunxiba abantu abanokunxiba ngazo emitshatweni.

Amaqela
- Abafundi basebenza bengamaqela amane. Ngamnye ukhetha umlinganiswa omnye kwitheko lomtshato, umz. umtshakazi, umkhaphi womtshakazi, umyeni, umkhaphi womyeni, njl.
- Xoxani ngokuba iza kuba luhlobo luni lomtshato.

Zoba
- Abafundi bazoba abalinganiswa babo kwiphepha elingange-A4, baze bafake imibala.
- Gcina imizobo ikhuselekile ukuze igqityezelwe kwaye uyihombise ngoLwesibini.

EZEMITHAMBO — Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Lungiselela
- Khetha imisebenzi emine eyohlukileyo yale veki kwiphepha lesi-5.
- Lungisa izixhobo zale misebenzi.
- Yahlula iklasi ibe ngamaqela amane ale veki.

Yazisa izitishi zemisebenzi
- Bonisa abafundi izixhobo, uze ucacise imisebenzi emine yale veki.
- Abafundi balinganisa le misebenzi.

Umsebenzi weklasi yonke
- Dlalani umdlalo onje ngokuleqa-leqana okanye undize.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

LWESIBINI

UKUZIPHATHA Ukuziqaphela

15 imiz



- Buza abafundi ukuba zeziphi iindlela zokuphumla abazifundileyo apha enyakeni ebeziluncedo kakhulu.
- Ziqhelanise nendlela yokuphefumla.
- Ziqhelanise nendlela yokuhleka.
- Khumbuza abafundi ukuba bangasebenzisa ezi ndlela nanini na, naxa bengekho sesikolweni.

ULWAZI OLUSISISEKO Iminyhadala ekhethekileyo

iph. 106
15 imiz



Ngqamanisa nesifundo sayizolo
- Khumbuza abafundi ngeminyhadala eyahlukileyo abathe bafunda ngayo.

Yenza umfuniselo
- Funda izihloko.
- Gqibezela itheyibhile.

Ngababini: Jongani umsebenzi
- Jongani iimpendulo.

IZANDI Khetha igama elichanekileyo

iph. 107
15 imiz

KNF
iph. 8–13

Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza
- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Buza ngamnye ngamnye nangamaqela.

Yenza umsebenzi
- Hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

UKUFUNDA Ukwakha isivakalisi

iph. 131
15 imiz

KNF
iph. 19–20

Sika Abafundi mabasike umcwe wesivakalisi.

Fundani kunye Mangaphi amagama owabonayo abhekise kumabhinqa?

Babuze imibuzo ze basike igama okanye iqela lamagama
- **Ubani?** UDora
- **Wenzwa ntoni?** waxelelwa
- **Ngubani**? ngumama wakhe
- **Intoni?** ukuba umakazi wakhe
- **Utheni?** uza kutshata
- **Nini?** ngeeholide zikaDisemba,
- **Isihlanganisi** kwaye
- **Wenze ntoni?** Wayefuna
- **Isihlanganisi** ukuba
- **Ubani?** uDora
- **Enze ntoni?** abe
- **Yintoni?** yintombazana yeentyatyambo
- **Etheni?** eza kuphatha
- **Ntoni?** iintyatyambo
- **Phi?** emtshatweni.

Xuba amagama esi sivakalisi, uze usakhe kwakhona

Abafundi bancamathelisa isivakalisi sabo kwiNYY, iphepha le-165.

UKUBHALA NOTITSHALA

Bhala malunga nombhiyozo

15 imiz

KNF iph. 38–41

Intshayelelo Zeziphi izinto esizibhiyozelayo esikolweni? Umz. Iintsuku zezemidlalo, uSuku lweNkcubeko, njl.

Bonisa isakhelo sokubhala
- Imihlathi emithathu, ngamnye ube nengcinga ephambili.
- Imibuzo mayincede ukugxininisa kwiingcinga.

Xoxani ngezimvo
- Ngowuphi umbhiyozo esiza kubhala ngawo?
- Siwubhiyozela nini? Ngubani ozayo? Senza ntoni, sinxiba ntoni, sitya toni, njalo njalo?

UkuBhala noTitshala
- Sebenzisa ifomathi echanekileyo usebenzise iingcebiso zabafundi.
- Bhala kwixesha elizayo, umz. NgoMeyi kulo nyaka uzayo *siza* kubhiyozela uSuku lweeNcwadi lweHlabathi esikolweni.

Umbhiyozo wosapho lwam

Umhlathi 1:
Ngowuphi umbhiyozo? Nini?

Umhlathi 2:
Ngoobani abaza kube belapho? Uza kuba phi?

Umhlathi 3:
Siza kwenza ntoni?

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela uC kunye noD
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Oonopopi

30 imiz

Yila
- Sebenzisa imicwe yamalaphu okanye uboya, amaphepha anemibala, amaphepha eemagazini, njalo njalo, ukuhombisa imizobo kwisinxibo somtshato.

Bumba
- Sika abalinganiswa, uze uncamathelise ekhadini.
- Ncamathelisa kwisinti ngasinye ukwenza unopopi.

Zivavanye
- Gqibezela irubhrikhi ekwiNYY, iphepha le-165.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

LWESITHATHU

UKUZIPHATHA Ndicinga, Ndiziva ...

15 imiz



Umbuzo
- Ngowuphi umbhiyozo eniwuthandayo nosapho lwakho?

Ngababini
- Xoxani ngombuzo.

Yabelanani
- Khetha abafundi ababini babelane neklasi. Nika wonke umntu ithuba kule kota.

ULWAZI OLUSISISEKO Izithethe zomtshato

iph. 108
15 imiz
KNF iph. 45

Yenza itshathi yeKWL emalunga nezithethe zomtshato
- Gqibezela amacandelo, Intoni esiyaziyo kunye nento esifuna ukuyazi.
- Yeka itshathi ebhodini ukuze igqityezelwe ngoLwesihlanu.

Funda iphepha
- Xoxani ngomfanekiso, uze ufunde itekisi kunye nabafundi.

Xoxani ngombuzo
- Uza kuyifumana njani impendulo ekhaya?
- Abafundi benza uphando emakhaya, ze baze neempendulo ngoLwesihlanu.

IZANDI Isandi u-ndw no-tyh

iph. 109
15 imiz
KNF iph. 8–13

Yazisa isandi
- Mamela uze ubize isandi.
- Qaphela umlomo wakho xa ubiza isandi.

Chonga amagama anesi sandi
- Abafundi bangabiza namanye amagama abawaziyo.

Ngababini
- Fundani amalungu namagama.

Bhala
- Bhala amagama emifanekiso.

Funda isivakalisi

UKUFUNDA UDora intombazana yeentyatyambo

iph. 98–100
15 imiz

Fundani kunye
- Funda amaphepha amathathu okuqala ebali, *UDora intombazana yeentyatyambo* kunye neklasi.

Fundani ningamaqela
- Fundani ngamaqela azizithathu, tshintshiselanani ukufunda iphepha ngalinye.
- Ukufunda wedwa
- Fundela ngaphakathi amaphepha amathathu okuqala ebali.

UKUBHALA — Umbhiyozo wosapho lwam

15 imiz

KNF bl. 38–41

Phinda ujonge ifomathi
- Imihlathi emithathu, umhlathi ube nezivakalisi ezimbini ubuncinane.
- Umhlathi ngamnye unengcinge enye ephambili.

Xoxani ngesigama
- Imibhiyozo eyahlukileyo; amagama amalungu entsapho, umz. oomakhulu nootatomkhulu, abazala, njl.; iindawo; imisebenzi enokwenzeka.
- Khumbuza abafundi ukuba basebenzise ixesha elizayo (umbhiyozo useza), umz. NgoDisemba *siza* kubhiyozela iKrisimesi. Sonke siya kwamakhulu wam.

Bhala Gqibezela isakhelo sokubhala.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sokuqala sokufunda seQela u-E
- Yazisa ibali njengoko kudingeka.
- Abafundi bafunda ngamnye ngamnye ibali ngamazwi asezantsi.
- Ekupheleni kwephepha ngalinye, buza imibuzo yengqiqo.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela u-A
- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

EZOBUGCISA BEQONGA — Umboniso woonopopi

30 imiz

Ukuzifudumeza
- Cula ingoma yombhiyozo.

Amaqela
- Sebenzisa oonopopi abenziwe ngexesha lezobuGcisa obuBonwayo uze wenze umdlalo omfutshane ngomtshato.

Linganisa
- Yabelana ngomdlalo nelinye iqela.

EZEMITHAMBO — Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA — Cula/cengceleza

15 imiz

Cula nangayiphi na ithuni ehambelana nengoma

Jiwuzisa izandla zakho emoyeni –
Bhiyoza!

Qhwaba izandla kabini –
Bhiyoza!

Phakamisa oobhontsi bakho ababini phezulu –
Bhiyoza!

Yenza umdaniso owonwabisayo, owonwabisayo –
Bhiyoza!

Yima nkqo kwaye uchwayite kakhulu!
Bhiyoza!

Masibhiyozele ukuphela konyaka wesikolo owonwabisayo!

OKANYE

Khetha ingoma engomnyhadala wenkolo okanye umbhiyozo ofanele inkcubeko yabafundi bakho.

ULWAZI OLUSISISEKO — Ndifunde ntoni?

iph. 110
15 imiz

ULwazi lwangaPhambili

- Khumbuza abafundi ngamabali ahlukileyo kunye nemixholo abayifundileyo apha enyakeni.
- Buza abafundi ukuba yintoni abayonwabele kakhulu.

Funda iphepha

- Yeyiphi le mifanekiso namagama?

Yenza umsebenzi

- Funda amagama.
- Xoxani ngomxholo ngamnye kunye noko bakufundileyo niyiklasi.

IZANDI — Bhala izivakalisi ngemifanekiso

15 imiz

KNF iph. 8–13



Ukuziqhelanisa nokufunda oonobumba ngokukhawuleza

- Sebenzisa amakhadi ezandi ezifundisiweyo ubonise abafundi ngokukhawuleza.
- Abafundi mababize izandi ezo.
- Buza ngamnye ngamnye nangamaqela.

Yenza umsebenzi

- Hamba-hamba apho egumbini, uze uncede abafundi apho badinga uncedo khona.

Jonga umsebenzi uze unike amanqaku

UKUFUNDA — Isigama nolwimi

15 imiz



Oonotsheluza

- Babonise uze ufunde igama ngalinye.
- Khangela uze walathe igama kwiNYY.
- Beka oonotsheluza edongeni lamagama, uze uwafunde kwakhona.

Umcwe wesivakalisi

- U-**wakhe** kwesi sivakalisi uthetha ngabani? (*ngoDora*)
- Usakhumbula ukuba yintoni izihlanganisi?
- Yintoni umsebenzi wezihlanganisi?
- Khangela izihlanganisi kwesi sivakalisi. (*ukuba*, *kwaye*)

UKUBHALA — UkuBhala ngeNgqiqo

iph. 111
15 imiz

UMHLA _____

Ingqiqo

Funda ibali elithi, UDora intombazana yeentyatyambo.

1 Ngubani owaxelela uDora ngomtshato?
○ ngumama wakhe ○ ngumakhulu wakhe
○ nguZandile

2 Zeziphi iimpahla ezikhethekileyo eziza kunxitywa nguDora?
○ ilokhwe emhlophe
○ iintyatyambo ezinweleni zakhe
○ ilokhwe emibalabala

3 Ibali _____.
○ lenzeka ngoku
○ selenzekile
○ liseza kwenzeka

4 Yenza ntoni intombazana yeentyatyambo emtshatweni?

5 Uza kuqhutyelwa phi umsitho wesiNtu?

IVEKI YE-9 • LWESINE • III

Fundela phantsi
- Abafundi baphinda bafunde ibali elithi, *UDora intombazana yeentyatyambo*.

Phendula imibuzo
- Abafundi mabangenzi oku ngokunkqaya. Mabajonge/ mabakhangele iimpendulo kwitekisi.

Jongani iimpendulo kunye

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF
iph. 31–37

5 imiz
+
30 imiz

KNF
iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela uB kunye noC
- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

EZOBUGCISA BEQONGA — Linganisa

30 imiz

Xoxani
- Khumbuza abafundi indlela yokulinganisa (ukulinganisa isiganeko okanye umsebenzi ngaphandle kokusebenzisa nawaphi na amagama).

Amaqela
- Ngamaqela abafundi bakhetha umbhiyozo, umz. itheko lokuzalwa.
- Benza iintshukumo zokubonisa umbhiyozo.

Linganisa
- Iqela ngalinye lenze umdlalo walo wokulinganisa eklasini.
- Amanye amaqela azama ukuthelekelela ukuba ngowuphi umbhiyozo.

Hlola
- Ncomani nize niqhwabele izandla iqela ngalinye.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

EZEMITHAMBO — Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF
iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

LWESIHLANU

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

Izithethe zomtshato

iph. 108
15 imiz

Iinkcubeko ezahlukileyo kunye namaqela abantu banezithethe ezahlukileyo zomtshato. Ezinye iinkcubeko zinomsitho wenkolo ecaweni, e-mosque okanye etempileni. Abanye benza imisitho yezithethe kwikhaya lomtshakazi okanye lomyeni. Abanye banazo zombini. Kwezinye iinkcubeko umyeni uhlawula ilobola yomtshakazi. Kwiinkcubeko ezininzi iindwendwe zipha umtshakazi nomyeni izipho.

Ngokuqhelekileyo imitshato isebenzisa yomibini lemibhiyozo. Kudla ngokubakho iimpahla ezintle netheko ententeni, eholweni okanye ehotele, okanye ekhaya. Abantu baphakelwa ukutya okumnandi. Nokuba umtshato ngowesintu, ngokwenkolo okanye mncinci, umtshato usoloko ulixesha lokuba iintsapho zibhiyozele nesi sibini sitshatayo.

Ngababini
- Chaza ukuba ufumanise ntoni.

Yabelanani
- Yalela abafundi abambalwa ukuba babelane neklasi. Bhala kwitshathi yeKWL.
- Xoxani, uze ubanike ulwazi oluthe vetshe.

ULWAZI OLUSISISEKO

Izithethe zomtshato

15 imiz



Bhala uze uzobe into oyifumanisileyo
- Bhala into ibenye oyifundileyo.
- Zoba umfanekiso wayo.

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

IZANDI

Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo

iph. 112
15 imiz

KNF
iph. 16–17

Isibini sifunda amagama
- Fundela iqabane lakho la magama ngomzuzu omnye.
- Titshala babekele/bamisele umzuzu.
- Biyela igama lokugqibela olifundileyo lize iqabane libale amagama afundwe ngokungachanekanga.
- Umfundi ngamnye ufumana amathuba amathathu.

Bala amagama
- Khetha awona uzame kuwo. Khupha onke afundwe ngokungachanekanga.
- Abafundi babhala awona manqaku abo angcono emgceni.
- Chaza ukuba uyakwazi ukufunda amagama amaninzi xa uziqhelanisa ngakumbi.

UKUBHALA

IiNdaba Zam

15 imiz

Nika isihloko seendaba

Ngababini: Sebenzisani isakhelo *seeNdaba Zam* esikwiqweqwe elingasemva leNYY ukubalisa ngokufutshane iindaba.

UkuBhala Yedwa
- Bhala umhlathi ubemnye onezivakalisi ezintathu.

UKUFUNDA NGAMAQELA ENCEDISWA NGUTITSHALA

KNF iph. 31–37

5 imiz + 30 imiz

KNF iph. 24–26

Ukujonga ukuBhala ngeSandla
- Jonga iincwadi zokuBhala ngeSandla zabanye abafundi unike ingxelo.
- Khumbuza abafundi ngokuziqhelanisa ukwakhiwa nokubhala oonobumba, beqwalasela ubungakanani, ubume emgceni, baze bakhethe owona bawubhale kakuhle.

UmSebenzi Owenza Wedwa
- Zinzisa abafundi balungele ukwenza imisebenzi ebhalwe ebhodini.
- Abafundi benza imisebenzi emibini ngosuku, ngaphandle kokuba banoFQNT.

FQNT: Isifundo sesibini sokufunda seQela uD kunye no-E
- Phindani nifunde ibali kunye ngokuvakalayo.
- Abafundi bafunda ibali kunye namaqabane.
- Titshala mamela ngelixa abafundi befunda.

UKUJONGA NENGXELO

15 imiz

Funda
- Ngababini, abafundi bafundelana iindaba zabo.

Makisha umSebenzi Owenza Wedwa
- Jongani kunye imisebenzi kwincwadi yomsebenzi yeDBE.
- Abafundi mabenze izilungiso okanye bagqibezele imisisebenzi yabo.

EZEMITHAMBO

Izitishi zemisebenzi

30 imiz

KNF iph. 51–52

Ukuzifudumeza

Izitishi zemisebenzi
- Thumela iqela ngalinye kwisitishi somsebenzi.
- Benza umsebenzi.
- Titshala uyajonga ubacebise.

Ukuzipholisa

Kwisicwangciso esihlaziyiweyo, endaweni yesifundo yenza ukuFunda ngamaQela eNcediswa nguTitshala ngeli lixa iklasi isenza umsebenzi okumaphepha akwincwadi yomsebenzi yakwaDBE.

UPHONONONGO LWEVEKI LUKATITSHALA

Kule veki:
- **ndizithathile iiNYY**, ndenza amanqaku ngokubhala.
- **ndiwajongile ndawakorekisha amanye amaphepha eNYY**, ndazibona iindawo ezifuna ukunikwa ingqwalasela okanye abafundi abafuna uncedo oluthe kratya.
- **ndiphinde ndajonga Isicwangciso seVeki**, ndazibona izifundo endingaziggibanga.
- **ndiyijongisisile incwadi yam**, ndaqaphela abafundi abadinga uncedo lokufundiswa bebodwa okanye ukuziqhelisa ukufunda bekunye nam kwiveki ezayo.

Ndilicwangcisile ixesha leveki ezayo:
- **lokuleqa umsebenzi weklasi** okanye nayiphi na ingxelo efunekayo.
- lokufundisa **umfundi ngamnye**, umz. xa iklasi ixakekile, okanye phambi kokungena kwesikolo.

Ndiyijongile iveki elandelayo ukuqinisekisa ukuba ndizilungiselele, kwaye ndinako konke endiza kukudinga ukuqala iveki.

Ukudityaniswa kunye nohlaziyo

Le yiveki yohlaziyo ngoko ke asikho isicwangciso sosuku esibekiweyo.
Uyakufumana nje iingcebiso zemisebenzi yohlaziyo eyenziwa nanini na evekini.

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

- Abafundi mabakhethe ibali abanqwenela ukuphinda balifunde.
- Emva koko, cele umfundi okanye abafundi ababini babalise elinye ibali.
- Ngababini: Babaliselana ngawona mabali bawathandayo.
- Ukucengceleza isicengcelezo okanye umbongo ngabanye okanye ngamaqelana amancinci.
- Mema omnye wabo usebenza nabo okanye umntu wasekuhlaleni osandul' ukutshata ukuba aze kuxelela iklasi ngomtshato wakhe.
- Funda iingoma zonyaka ukuba kufanelekile, umz. Iingoma zeKrisimesi noNyaka oMtsha.
- Cula uMhobe weSizwe.

UKUFUNDA

- Phinda ufunde kwiNYY awona mabali abafundi abaye bawonwabela kakhulu kule kota.
- Tshintsha iindawo nabafundi apho banokuba ngootitshala kumabali awohlukileyo.
- Ngababini: Mabafunde imicwe yezivakalisi yeveki nganye.
- Ngababini: Mabafunde itekisi yokufundwa ngababini yeveki nganye.
- Ukufunda eyedwa: Funda iincwadi ezikwikona yokufundela/Ithala leencwadi.

IZANDI

- Ngababini: Bafunda amagama akumaphepha ezandi.
- Ukhuphiswano lwamaqela lokufunda oonotsheluza.
- Phinda amagama abekelwe ixesha kunye nemisebenzi yobizelo, ze bazame ukuphucula amanqaku abo.
- Qinisekisa ukuba onke amaphepha eNYY omsebenzi owenza wedwa agqityiwe, kwaye enziwe ngendlela echanekileyo.
- Imisebenzi yezandi ekwincwadi yeDBE.

UKUBHALA

- Abafundi bayahlela baphinde babhale iintsomi zabo (Iveki yesi-8) ngokucocekileyo.
- Nika abafundi amaphepha anemigca babhale ibali elilelabo, abazikhethele lona.
- Bayalele mabazame ukubiza ngokuvakalayo amagama abangawaqondiyo okanye basebenzise amagama asedongeni.
- Khuthaza amaqela abafundi ukuba benze incwadi yekona yeencwadi.

ULWAZI OLUSISISEKO

Abafundi bangagqibezela yonke imisebenzi engagqitywanga kumaphepha eDBE yeZakhono zoBomi. Eminye imisebenzi ayisebenzisi ipensile nephepha kuphela, ikwabandakanya ukuzoba, ukulinganisa, ukwakha kunye nokwenza ingxoxo.

EZOBUGCISA BEQONGA

- Nika abafundi izixhobo zezobugcisa ezinjengeekhrayoni, iikhoki, amaphepha ayimibala okanye ayimilinganiselo eyahlukileyo.
- Bavumele abafundi bazikhethele into abafuna ukuyizoba.
- Yalela abafundi babonise iklasi okanye iqela imisebenzi yabo, bacacise ukuba yintoni abakhethe ukuyizoba.
- Yenza ezoBucisa bonyaka kunye nemisebenzi yezandla apho kufanelekileyo, umz. imisebenzi yeKrisimesi

EZOBUGCISA BEQONGA

- Sebenzisa oonopopil abenziwe ngabafundi ukwenza eminye imiboniso yoonopopi.

EZEMITHAMBO

- Dlala imidlalo yesintu ngoSuku lweNkcubeko.
- Yibani nosuku lwemidlalo, apho amaqela aza kukhuphisana. Yenzani imisebenzi ebeniyenze kule kota.

ISICWANGCISO SOHLOLO IKOTA YESI-4

- Ingcebiso malunga nemisebenzi yoHlolo oluseSikweni ebhalwayo kwiiveki 6 – 8 isekupheleni kwale Ncwadi kaTitshala.
- UHlolo oluseSikweni lwe-orali lufumaneka kwiNcwadi kaTitshala, ingakumbi kwiveki yesi-6 ukuya kwesi-8.
- Uhlolo olungekhosesikweni lomfundi lwenzeka kwikota yonke.
- Inkqubo yohlolo nekhrayitheriya yokumakisha ziyalandela kule Ncwadi kaTitshala.

Imisebenzi yoHlolo oluseSikweni, iKota yesi-4 Iveki yesi-6			
Mvulo	UHlolo loku-1 lokuBhala ngeSandla: Umzobo omnyama namhlophe	Iincwadi zomsebenzi	NT iph 69
Mvulo–Lwesibini	UHlolo loku-1 LobuGcisa obuBonwayo: 2D (Mnyama namhlophe)	Umsebenzi ophathekayo	NT iph 69 & 71
Lwesibini/ Lwesithathu/ Lwesine	UHlolo loku-1 lokuPhulaphula nokuThetha: Ukulandelelanisa ibali nengqiqo	I-orali	NT iph 70, 72 & 74
Lwesibini	Uhlolo loku-1 loLwazi olusiSiseko: Kukho ntoni esibhakabhakeni ebusuku?	NT iph 126	NT iph 70
Lwesine	UHlolo loku-1 lokuFunda neNgqiqo: UkuBhala ngeNgqiqo	NT iph 127	NT iph 75
Lwesihlanu	UHlolo loku-1 lokuBhala: Iindaba	Iincwadi zomsebenzi	NT iph 76

Imisebenzi yoHlolo oluseSikweni, iKota yesi-4 Iveki yesi-7			
Lwesibini	UHlolo lwesi-2 loLwazi olusisiSeko: Tshatisa iileyibheli kunye nemifanekiso	NT iph 128	NT iph 82
Lwesibini–Lwesihlanu	UHlolo loku-1 lwezemiThambo: Ukuziqhelanisa nezithuba kunye nokuqonda iintshukumo	Umsebenzi ophathekayo	NT iph 83, 85, 87 & 89
Lwesithathu	UHlolo lwesi-3 lokuBhala: Imihlathi	Iincwadi zomsebenzi	NT iph 85
Lwesine	UHlolo loku-1 lwezobuGcisa beQonga: Ukushukumela umculo	Umsebenzi ophathekayo	NT iph 87
Lwesihlanu	UHlolo lwesi-2 lokuPhulaphula nokuThetha: Ingxelo ngophando	I-orali	NT iph 88

Imisebenzi yoHlolo oluseSikweni, iKota yesi-4 Iveki yesi-8			
Mvulo – Lwesihlanu	UHlolo lwesi-2 lokuFunda neNgqiqo: Ukufunda ngokuvakalayo nokuphendula imibuzo	I-orali	NT iph 93, 95, 97, 99 & 101
Mvulo – Lwesibini	UHlolo lwesi-2 lwezobuGcisa obuBonwayo: 3D (ukubumba ngodongwe)	Umsebenzi ophathekayo	NT iph 93 & 95
Lwesibini	UHlolo loku-1 lweZandi: Ukubhala izandi	NT iph 129	NT iph 94
Lwesithathu – Lwesihlanu	UHlolo lwesi-2 lwezemiThambo: Iindidi zemidlalo	Umsebenzi ophathekayo	NT iph 127, 131
Lwesithathu/ Lwesine	UHlolo lwesi-2 lwezobuGcisa beQonga: Ukucengceleza umbongo	Umsebenzi ophathekayo	NT iph 97 & 99
Lwesine	UHlolo lwesi-3 Lolwazi olusisiSeko: Isicatshulwa malunga neencanda	NT iph 130-131	NT iph 98
Lwesihlanu	UHlolo lwesi-2 lweZandi: Ubizelo	Iincwadi zomsebenzi	NT iph 100

UXWEBHU LOKUMAKISHA IKOTA YESI-4

Sebenzisa eziQR codes ukuze ukhuphele amaphepha okumakisha imisebenzi yohlolo.

Uxwebhu lokumakisha lwakwaFunda Wande

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA: Iirubhrikhi neetsheklisti zohlolo

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Umsebenzi woku-1 woHlolo oluseSikweni: Uphulaphula ibali ngokulonwabela **(Iveki yesi-6 Lwesibini/Lwesithathu/Lwesine) NT iph 70, 72 & 74**					**5 amanqaku**
Umfundi: • Uphinda abalise ibali elithi, *Iphupha likaSipho* ngokulandelelana kubekho isiqalo, isiqu nesiphelo. • Uphendula imibuzo ekwizinga elisezantsi ngokuchanekileyo. • Uphendula imibuzo ekwizinga eliphezulu ngokunika izizathu.	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
	Uyasokola ukubalisa ibali ngoku-landelelana kwalo, kwaye uyasokola ukuphendula imibuzo ekwizinga elisezantsi ngoku-chanekileyo.	Ubalisa isiqalo sebali, aze aphendule umbuzo omnye okanye emibini.	Ubalisa isiqalo nesiqu sebali ngoku-landelelana, aze aphendule yonke imibuzo ekwizinga elisezantsi.	Ubalisa isiqalo, isiqu nesiphelo sebali, aze aphendule yonke imibuzo ekwizinga elisezantsi neminye ekwizinga eliphezulu.	Ubalisa lonke ibali ngoku-landelelana, isiqalo, isiqu nesiphelo, aze aphendule imibuzo ekwizinga elisezantsi nekwizinga eliphezulu ngokuzithemba.
UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA Umsebenzi wesi-2 woHlolo oluseSikweni: Wabelana ngolwazi oluyinyani lukaphanda **(Iveki yesi-7 Lwesihlanu) NT iph 88**					**5 amanqaku**
Umfundi: • Ubonisa ngezivakalisi ezi-2–3 malunga nezikhova (umsebenzi kaPhanda). • Indlela yokuma: uma nkqo kwaye ajonge kubaphulaphuli. • Indlela yokuthetha nelizwi: icacile kwaye iyavakala.	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
	Uthetha ngesihloko ngamagama ama-2–3 kuphela. Indlela yokuma nendlela yokuthetha isezingeni eliphantsi kakhulu.	Uthetha ngesihloko ngesivakalisi esi-1. Indlela yokuma nendlela yokuthetha isezingeni eliphantsi.	Uthetha ngesihloko ngezivakalisi ezi-2. Indlela yokuma nendlela yokuthetha iyonelisa.	Uthetha ngesihloko ngezivakalisi ezi-3. Indlela yokuma nendlela yokuthetha ilungile.	Uthetha ngesihloko ngezivakalisi ezi-3 ezigqwesileyo. Indlela yokuma nendlela yokuthetha igqwesile.
UKUQWALASELA IKLASI (Iveki yoku-1–9)					**10 amanqaku**
Umfundi: 1. Umamela ibali aze athathe inxaxheba ngolonwabo. 2. Ubalisa ibali elifundiweyo nelibalisiweyo ngokulandelelana. 3. Ubalisa elakhe ibali ngokuzithemba. 4. Uphendula imibuzo ngebali elifundiweyo okanye elibalisiweyo 5. Unika ezakhe iimbono malunga nebali	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhrayitheriya ezi-5
Umfundi: 1. Uthatha inxaxheba kwiingxoxo zeklasi anikane nabanye amathuba. 2. Uyahlomla ngezimvo zabanye. 3. Uyayimamelisisa imiyalelo entsokothileyo. 4. Ucela ukucaciselwa xa engaqondi. 5. Ulandela imiyalelo ngokuchanekileyo.	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhrayitheriya ezi-5
EWONKE					**20 amanqaku**

IZANDI: Iirubhrikhi neetsheklisti zohlolo

IZANDI Umsebenzi woku-1 woHlolo oluseSikweni: Ukubhala izandi (Iveki yesi-8 Lwesibini) NT iph 99 & 124	**10 amanqaku**
Inqaku elinye kwimpendulo echanekileyo: Izandi: 1. ngcw 2. ngw 3. nkq 4. ntsh 5. ntl Amagama: 1. intlavu 2. indwe 3. umngcwabo 4. iindlulamthi 5. ingwamza	
IZANDI Umsebenzi wesi-2 woHlolo oluseSikweni: Ubizelo (Iveki yesi-8 Lwesihlanu) NT iph 100	**5 amanqaku**
Inqaku elinye kwigama ngalinye elichanekileyo: 1. iingcambu 2. isaqhwithi 3. intsontela 4. indlamanzi 5. impuku	

UKUQWALASELA IKLASI (Iveki yoku-1–9)					**5 amanqaku**
Umfundi:	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
1. Wakha amagama esebenzisa izandi ezifundisiweyo (imisebenzi ekwiNYY). 2. Ufunda amagama esebenzisa izandi ezifundisiweyo. 3. Usebenzisa upelo oluqwetyiweyo xa ebhala. 4. Upela amagama ngokuchanekileyo kubizelo. 5. Ubonisa ukukhula kotyibiliko (isantya nokuchaneka) xa efunda amagama ngexesha elibekiweyo.	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhrayitheriya ezi-5
EWONKE					**20 amanqaku**

UKUFUNDA NENGQIQO: Iirubhrikhi neetsheklisti zohlolo

UKUFUNDA NENGQIQO Umsebenzi woku-1 woHlolo oluseSikweni: Umsebenzi wokubhala ngengqiqo (Iveki yesi-6 Lwesine) NT iph 75 & 127	**10 amanqaku**
1. engaqhelekanga (1 inqaku) 2. bukela umabonakude (inqaku eli-1) 3. Udade botatomkhulu kaSipho (inqaku eli-1) 4. 2 – Inenekazi lalikhangela umnakwalo. 4 – USipho nomakhulu badibana neli nenekazi. 3 – Umakhulu watsalela umnxeba inombolo ekumabonakude. 1 – USipho nomakhulu babukela umabonakude kunye. (4 amanqaku) 5. Iimvakalelo ezimbini, umz. wonwabile, uchwayitile, unovalo, uxolile, ulusizi, njl. (2 amanqaku) + isizathu umz. wadibana nomntu aqala ukumbona, yayingudade botatomkhulu wakhe, njl. njl (inqaku eli-1)	

UKUFUNDA NENGQIQO Umsebenzi wesi-2 woHlolo oluseSikweni: UkuFunda ngokuVakalayo nokuphendula imibuzo (Iveki yesi-8 Mvulo–Lwesihlanu) NT iph 93, 95, 97, 99 & 101					**10 amanqaku**
Umfundi: **Ukufunda (FQNT)** • Ufundela utitshala ngokuvakalayo kangangemizuzu emithathu ukuya kwemihlanu. • Usebenzisa imifanekiso ukuqikelela. • Uyawazi amagama abonwa rhoqo, aze afunde umbhalo ofihlakeleyo esebenzisa izandi kunye nocazululo lomxholo. • Ufunda ngokutyibilika nangemvakalelo. • Uphendula imibuzo emithathu ubuncinane (ekwizinga eliphantsi neliphezulu). • Uyakwazi ukuchonga abalinganiswa nesimo sentlalo.	**2**	**4**	**6**	**8**	**10**
	Akakwazi ukuqikelela esebenzisa imifanekiso. Ufunda encwadini yakhe itekisi emalunga nomgca omnye ukuya kwemibini ngoncedo lukatitshala. Akakwazi ukuphendula nayiphi na imibuzo okanye achonge abalinganiswa.	Uqikelela kancinci ibali esebenzisa imifanekiso. Ufunda igama nengama kwitekisi emalunga nemigca emi-3–4, aze aphendule ngoku-chanekileyo umbuzo omnye ukuya kwemibini ekwizinga elisezantsi okanye achonge isimo sentlalo.	Uqikelela uninzi lwebali esebenzisa imifanekiso. Ufunda ngokuvakalayo encwadini yakhe itekisi emalunga nemigca emi-5–6, aze aphendule ngoku-chanekileyo imibuzo emithathu yezinga eliphantsi. Uyakwazi ukuchonga abalinganiswa nesimo sentlalo.	Uyakwazi ukuqikelela ibali esebenzisa imifanekiso. Ufunda ngotyibiliko encwadini yakhe itekisi emalunga nemigca esi-7–8, aze aphendule ngoku-chanekileyo imibuzo emithathu ekwizinga eliphantsi neliphezulu. Uyakwazi ukuchonga abalinganiswa nesimo sentlalo.	Uyakwazi ukuqikelela ibali esebenzisa imifanekiso. Ufunda ngotyibiliko nange-mvakalelo encwadini yakhe itekisi emalunga nemigca edlulileyo kwi-10, aze aphendule ngoku-chanekileyo imibuzo emithathu ekwizinga eliphantsi neliphezulu. Uyakwazi ukunika iinkcukacha ngaba-linganiswa nesimo sentlalo.

UKUQWALASELA IKLASI (Iveki yoku-1–9)					**5 amanqaku**
Umfundi: 1. Umamelisisa ibali abuze imibuzo ngexesha lokufunda notitshala. 2. Uchonga amagama ngexesha lokwakha izivakalisi, kwaye uyakwazi ukusika amagama achanekileyo. 3. Uyakwazi ukuphinda akhe izivakalisi ngokuchanekileyo ngaphandle koncedo. 4. Ufunda ibali ngokwamaqela amancinci naxa eyedwa. 5. Ubhala phantsi isigama esisuka ebalini kwincwadi yakhe yesichazi-magama.	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhrayitheriya ezi-5

EWONKE	**25 amanqaku**

UKUBHALA NGESANDLA: Iirubhrikhi neetsheklisti zohlolo

UKUBHALA NGESANDLA Umsebenzi woku-1 woHlolo oluseSikweni (Iveki yesi-6 Mvulo) NT iph 69					**5 amanqaku**
Umfundi: • Ubhala izivakalisi ezi-2–3 ezimfutshane eqwalasele indlela yokubhala, ulwakhiwo loonobumba abancinci nabakhulu ngendlela efanelekileyo, ubungakanani nezithuba emigceni. • Usebenzisa iimpawu zokubhala, umz. izingxi, uphawu lombuzo, iikoma, uphawu lokukhuza ngendlela efanelekileyo. • Ubhala amagama emgceni.	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
	Udinga uncedo lokubhala isivakalisi esinye esifutshane esebenzisa iimpawu zokubhala.	Ubhala isivakalisi esinye esifutshane esebenzisa iimpawu zokubhala, kodwa akababakhi kakuhle oonobumba, kwaye akaziqwalaseli izithuba phakathi kwamagama nobungakanani boonobumba.	Ubhala isivakalisi esinye esifutshane eqwalasela iimpawu zokubhala, ubakha kakuhle oonobumba kodwa akaziqwalaseli izithuba phakathi kwamagama.	Ubhala izivakalisi ezimbini ezimfutshane esebenzisa iimpawu zokubhala, ubakha kakuhle oonobumba, uqwalasela izithuba phakathi kwamagama.	Ubhala izivakalisi ezimfutshane ezintathu nangaphezulu esebenzisa iimpawu zokubhala, ubakha kakuhle oonobumba nobungakanani babo, uqwalasela izithuba phakathi kwamagama.
UKUQWALASELA IKLASI (Iveki yoku-1–9)					**5 amanqaku**
Umfundi: 1. Ubhala iipatheni ngaphandle kokuphakamisa ipeni ephepheni. 2. Wakha bonke oonobumba abancinci nabakhulu ngokuchanekileyo. 3. Ubhala amagama eshiya izithuba ezichanekileyo phakathi koonobumba namagama 4. Ukhuphela aze abhale izivakalisi ezimbini nangaphezulu ezifundekayo. 5. Ukrwela ngerula umgca othe ngqo.	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhrayitheriya ezi-5
EWONKE					**10 amanqaku**

UKUBHALA: Iirubhrikhi neetsheklisti zohlolo

UKUBHALA Umsebenzi woku-1 woHlolo oluseSikweni: Ukubhala ibali (Iveki yesi-6 Lwesithathu) NT iph 99					**10 amanqaku**
Umfundi: • Ubhala ibali lakhe (isakhelo sokubhala) esebenzisa isigama somxholo. • Usebenzisa oonobumba abakhulu (ekuqaleni kwesivakalisi nakwizibizo ezifanelekileyo) neempawu zokubhala ezichanekileyo (izingxi, iziphumlisi, isimeli-nobumba). • Ubonisa ibali ngomzobo ofanelekileyo. • Ukusebenzisa ixesha elidlulileyo.	**2**	**4**	**6**	**8**	**10**
	Uyasokola ukugqibezela isakhelo sokubhala, kwaye akasisebenzisi isigama somxholo. Akazisebenzisi iimpawu zokubhala ngendlela efanelekileyo. Umzobo awuhambelani nebali.	Uyazama ukugqibezela isakhelo sokubhala, kodwa akasebenzisi ngcinga zakhe okanye isigama. Usebenzisa ezinye iimpawu zokubhala ngendlela efanelekileyo. Umzobo uhambelana kancinci nebali.	Uyasigqiba isakhelo sokubhala, kodwa isigama simbalwa. Usebenzisa ezinye iimpawu zokubhala ngendlela efanelekileyo. Umzobo uhambelana kancinci nebali.	Uyasigqiba isakhelo sokubhala ngokwaneleyo, kodwa isigama simbalwa. Usebenzisa uninzi lweempawu zokubhala ngendlela efanelekileyo. Umzobo uyahambelana nebali.	Uyasigqiba isakhelo sokubhala esebenzisa okwakhe ukucinga nesigama esityebileyo, iimpawu zokubhala ezifanelekileyo nomzobo ofanelekileyo.
UKUBHALA Umsebenzi wesi-2 woHlolo oluseSikweni: Ukubhala iindaba (Iveki yesi-6 Lwesihlanu) NYY iph 113, NT iph 102					**5 amanqaku**
Umfundi: • Ubhala malunga nemihlathi emibini ubuncinane (izivakalisi ezi-2 ubuncinane kumhlathi ngamnye) ngamava akhe okanye isiganeko. • Usebenzisa oonobumba abakhulu (ekuqaleni kwesivakalisi nakwisibizo esifanelekileyo) kunye neempawu zokubhala ezichanekileyo (izingxi, iikoma, isimeli-nobumba).	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
	Uyasokola ukubhala isivakalisi esinye ngeendaba zakhe, kwaye akasebenzisi naluphi na uphawu lokubhala.	Uyazama ukubhala umhlathi omnye ngeendaba zakhe, kodwa usebenzisa oonobumba abakhulu ngokunga-chanekanga.	Ubhala umhlathi omnye ngeendaba zakhe esebenzisa oonobumba abakhulu nezingxi.	Ubhala imihlathi emi-2 ngeendaba zakhe esebenzisa oonobumba abakhulu, izingxi, ukwasebenzisa igrama nopelo oluchanekileyo.	Ubhala imihlathi engaphezulu kwemi-2 ngeendaba zakhe esebenzisa oonobumba abakhulu, izingxi, ukwasebenzisa igrama nopelo oluchanekileyo.
EWONKE					**15 amanqaku**

UHLOLO

LS nePN: Iirubhrikhi neetsheklisti zohlolo

PN/LS Umsebenzi woku-1 woHlolo oluseSikweni: Yintoni ekwisibhakabhaka sasebusuku? (Iveki yesi-6 Lwesibini) NT iph 70 & 126	**10 amanqaku**
Inqaku elinye kwimpendulo nganye echanekileyo: 1. Ewe (1). Ewe (1), sikhupha ukukhanya: Ilanga, iMilky Way, iinkwenkwezi (3); sibonakalisa ukukhanya kweLanga: Isikhululo sasemajukujukwini, iisathelayithi (2); 3. Umfanekiso 1 – iisathelayithi (1), Umfanekiso 2 – ibhola yerhasi evuthayo (1), Umfanekiso 3 – igalaksi (1)	
LS/PN: Umsebenzi wesi-2 woHlolo oluseSikweni: Tshatisa imifanekiso neeleyibhile (Iveki yesi-7 Lwesibini) NT iph 82 & 128	**10 amanqaku**
Inqaku elinye kwimpendulo nganye echanekileyo: eyona inkulu – ihodi (1); eyona ithambileyo – isikhova (1); eyona ibukhali – incanda okanye ihodi (1); eyona inesantya esiphezulu – isikhova (1); itya inyama kuphela – isikhova nehodi (2); litya inyama nezityalo – udyakalashe (1); utya izityalo zodwa – incanda (1) Ngamanqaku ama-2: Amanundu aphuma ebusuku; izikhova zizidalwa zasebusuku (2)	
LS/PN: Umsebenzi wesi-3 woHlolo oluseSikweni: Imibuzo yengqiqo (Iveki yesi-8 Lwesine) NT iph 98 & 130–131	**10 amanqaku**
Inqaku elinye kwimpendulo nganye echanekileyo: 1. uboya (1); 2. T: Ukungqisha ngeenyawo zazo (1), Ukuvuthulula iintsiba (1), Ukubalekela kwesinye isilwanyana (1); F: Ukuluma ezinye izilwanyana (1); 3. Hayi (1) Iintsiba zazo zithambe kakhulu. (1); 4. Malunga nama-30 000 (1); 5. Hayi (1) Zikhula iintsiba ezintsha xa ezinye ziwile. (1)	

UKUQWALASELA IKLASI: PN (Iveki 1–9)					**5 amanqaku**
Umfundi: 1. Uyamamelisisa ngexesha lezifundo. 2. Uthatha inxaxheba kwiingxoxo. 3. Ulinda ithuba lakhe aze abelane. 4. Uyaxoxa ngendlela aziva/avakalelwa ngayo nangeengcinga zakhe. 5. Uyabacingela abanye abafundi.	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhrayitheriya ezi-5

UKUQWALASELA IKLASI: LS (Iveki yoku-1–9)					**5 amanqaku**
Umfundi: 1. Ulandela imiyalelo. 2. Uthatha amanyathelo xa esenza umsebenzi wakhe. 3. Uyahlomla ngeengcinga zakhe kwiingxoxo. 4. Uveza/unika izimvo zakhe ngomxholo, umz. “Kutheni ibalulekile imithetho yeklasi?” 5. Ubonisa ubungqina kwimisebenzi kaPhanda/yophando.	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhrayitheriya ezi-5

EWONKE	**40 amanqaku**

EZOBUGCISA (OBUBONWAYO): Iirubhriki neetsheklisti zohlolo

EZOBUGCISA (obuBonwayo): Umsebenzi woku-1 woHlolo oluseSikweni: Umfanekiso omnyama namhlophe **(Iveki yesi-6 Mvulo/Lwesibini) NT iph 69 & 71**					**5 amanqaku**
	1	**2**	**3**	**4**	**5**
Umfundi uyakwazi: • Ukucwangcisa umfanekiso olula wobusuku. • Ukusika iimilo zezakhiwo kunye nezinye izinto kwiphephandaba nakwiphepha elimhlophe. • Ukwakha umfanekiso onika umdla ozalise inxalenye enkulu yephepha. • Ukongezelela iinkcukacha ukugqibezela umfanekiso.	Isicwangciso asenziwanga okanye asiphunye-zwanga kakuhle. Iimilo bezinga-bonakali. Ukwakhiwa bekunga-lunganga. Akukho zinkcukacha zongeziweyo ngaphezulu.	Isicwangciso esikho semganga-thweni. Iimilo ziyabonakala, kodwa zisikwe ngokunga-cocekanga. Ukwakheka akulizalisanga iphepha kakuhle. Akukho zinkcukacha zongeziweyo ngaphezulu.	Isicwangciso siyanelisa. Iimilo ziyabonakala, kwaye zicocekile ngokufane-lekileyo. Ukwakhiwa akuniki mdla. Iinkcukacha ezonge-zelelweyo ngaphezulu ezimbalwa.	Isicwangciso sisem-gangathweni. Iimilo zisikwe kakuhle. Ukwakhiwa akwenziwanga ngabuchule. Kukho ezinye zeenkcukacha ezongezelelwe.	Isicwangciso sigqwesile. Iimilo ziyilwe zaze zasikwa kakuhle. Ukwakhiwa kwenziwe ngobuchule, kwaye lubonakala ngokwane-lisayo. Iinkcukacha ezonge-zelelweyo ngaphezulu zininzi.
EZOBUGCISA (OBUBONWAYO): Umsebenzi wesi-2 woHlolo oluseSikweni: Yenza incanda **(Iveki yesi-8 Mvulo/Lwesibini) NT iph 93 & 95**					**5 amanqaku**
Umfundi uyakwazi: • Ukwenza imilo yencanda ngodongwe okanye ngenye into efanayo. • Ukwenza iintsiba ezijongeka ngokwenyani ngamakhuni okanye ngezixhoba ezifanayo. • Ukubeka “iintsiba” kudongwe ukuze ibengathi luqobo lwesilwanyana. • Ukongeza ezinye iimpawu kwisilwanyana.	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
	Imilo ayifani neyencanda, kwaye iintsiba azifani nezo zoqobo. Akukho zimpawu zongeziweyo.	Inkangelelo yemilo ilula, kodwa ikhangeleka njenge-silwanyana. Iintsiba azibekwanga ngokucha-nekileyo. Akukho zimpawu zongeziweyo.	Imilo ikhangeleka njengeyoqobo, kwaye ezinye iintsiba zipeyintwe zaze zabekwa. Iimpawu ezonge-zelelweyo ezimbalwa okanye azikho.	Imilo yesilwanyana icacile kwaye kukho ezinye iimpawu ezonge-zelelwe. Iintsiba zipeyintwe kwaye zibekwe ngokwane-lisayo.	Ukwakheka kubonakala njengoqobo lwesilwanyana, kwaye kukho neempawu ezininzi ezonge-zelelweyo.
UKUQWALASELA IKLASI (Iveki yoku-1–9)					**5 amanqaku**
Umfundi uyakwazi: 1. Ukugqiba yonke imisebenzi. 2. Ukubonisa ukuceba umsebenzi phambi kokuba awenze. 3. Ukusebenzisa izixhobo ngempumelelo – isikere, iibhrashi zokupeyinta, iikoki, iglu, udongwe njl. 4. Ukulandela imiyalelo. 5. Ubonisa ubungqina bokuyonwabela nobugcisa.	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhrayitheriya ezi-5
EWONKE					**15 amanqaku**

EZOBUGCISA (OBEQONGA): Iirubhrikhi neetsheklisti zohlolo

EZOBUGCISA (OBEQONGA): Umsebenzi woku-1 woHlolo oluseSikweni: Ukuqamba nokutolika – ukushukumela umculo **(Iveki yesi-7 Lwesine) NT iph 87**					**5 amanqaku**
Umfundi uyakwazi: • Ukumamela ngenyameko umculo wezixhobo. • Ukushukuma uhambelana nexesha lomculo. • Ukubonisa iintshukumo ezikhawulezayo nezicothayo. • Ukwenza Iintshukumo zamalungu omzimba/ ezingasebenzisi malungu omzimba: umz. ukubaleka, ukugabadula ukutsiba, ukuxhuma , ukungcileza. • Ukubonisa ngokucacileyo ukuba sesiphi isilwanyana asilinganisayo.	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
	Akawumameli umculo. Akakwazi ukushukuma ngokuham-belana nexesha lomculo okanye ukusebenzisa iintshukumo ezahlukeneyo. Akucaci ukuba sesiphi isilwanyana asilinganisayo.	Uyawumamela umculo. Akashukuma ngokuham-belana nexesha lomculo, kwaye wenza iintshukuma ezimbalwa. Akucaci ukuba sesiphi isilwanyana asilinganisayo.	Uyawumamela umculo. ushukuma ngokuham-belana nexesha lomculo, kodwa wenza iintshukumo ezingonelanga. Bukhona ubungqina bokuba ulinganisa isilwanyana.	Umamela ngenyameko. Ushukuma ngokuham-belana nexesha lomculo, kwaye wenza ngeetshukumo ezifanelekileyo ezahlukileyo. Kucacile ukuba sesiphi isilwanyana asilinganisayo.	Umamelaa ngenyameko. Ushukuma ngokuham-belana nexesha lomculo nangeen-tshukumo ezifanelekileyo ezahlikileyo. Kucacile ukuba sesiphi isilwanyana asilinganisayo.
EZOBUGCISA (OBEQONGA): Umsebenzi wesi-2 woHlolo oluseSikweni: Ukucengceleza umbongo **(Iveki yesi-8 Lwesithathu/Lwesine) NT iph 95, 97**					**5 amanqaku**
	1	**2**	**3**	**4**	**5**
Umfundi uyakwazi: • Ukukhumbula amazwi esicengcelezo. • Ukukhumbula iintshukumo zomgca ngamnye. • Ukusebenzisa imbonakalo kunye neentshukumo ezahlukileyo kumgca ngamnye. • Ukuma nkqo ajonge kubaphulaphuli. • Ukuphinda umbongo ehambelana neqela.	Akasebenzi neqela. Akakwazi ukukhumbula amazwi esicengcelezo okanye ukwenza iintshukumo. Awukho umahluko wentshukumo. Alukho unxibelelwano nabaphu-laphuli.	Akasoloko ehambelana neqela. Ukhumbula amanye amazwi kunye neentshukumo. Mncinci umahluko weentshukumo. Alukho unxibelelwano nabaphu-laphuli.	Ucengceleza kunye neqela lonke. Uyalukhumbula uninzi lwamazwi kunye neentshukumo. Ukhona umahluko othile kwintshukumo. Lukhona unxibelelwano oluthile nabaphu-laphuli.	Ucengceleza kunye neqela lonke. Uyawa-khumbula onke amazwi kunye neentshukumo. Ukhona umahluko othile kwiintshukumo. Unonxi-belelwano olufanelekileyo nabaphu-laphuli.	Ucengceleza kunye neqela lonke. Ukhumbula onke amazwi kunye neentshukumo. Kukho umahluko ofanelekileyo weentshukumo. Unonxi-belelwano olugqwesileyo kunye nabaphula-phuli.
UKUQWALASELA IKLASI (Iveki yoku-1–9)					**5 amanqaku**
Umfundi uyakwazi: 1. Ukuthatha inxaxheba kwizifundo zonke. 2. Ukusebenza neqela – Ukunikana amathuba, ukwabelana ngezimvo. 3. Ukucula ingoma nezicengcelezo ezineentshukumo. 4. Ukuthatha inxaxheba ekudlaleni umdlalo weqonga nasekubaliseni amabali ngokuzithemba. 5. Ukushukuma adanise ebonisa ukusebenzisana kwamalungu nangokuzithemba.	**1**	**2**	**3**	**4**	**5**
	Uzalisekisa ikhrayitheriya e-1	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-2	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-3	Uzalisekisa iikhrayitheriya ezi-4	Uzalisekisa zonke iikhrayitheriya ezi 5
EWONKE					**15 amanqaku**

EZEMITHAMBO: Iirubhrikhi neetsheklisti zohlolo

EZEMITHAMBO: Umsebenzi woku-1 woHlolo oluseSikweni: Ukuziqhelanisa nesithuba nokuqonda iintshukumo (Iveki yesi-7 Lwesibini–Lwesihlanu) NT iph 83, 85, 87 & 89					5 amanqaku

Umfundi uyakwazi ukubonisa:
Ukuziqhelanisa nesithuba
• Ukundela imiyalelo ethethwayo:
  • Ukuhamba athathe amanyathelo asi-6 esiya phambili, amanyathelo ali-10 ebuya umva namanyathelo ama-3 esiya ekhohlo. Yima.
  • Ukuhamba ngecala ephithanisa imilenze.
  • Ukungcileza kasi-6 ngomlenze omnye, aze angcileze kali-9 ngomnye umlenze.
Ukuqonda iintshukumo
• Wenza oko kutshiwo ngoonotsheluza – baleka, tsiba, xhuma, hlala, hamba, yima.
	1	2	3	4	5

	Akayilandeli imiyalelo ethethwayo okanye ebhaliweyo. Akakwazi ukuya kumacala ahlukileyo Akakwazi ukwenza iintshukumo ezahlukileyo.	Uyazama ukulandela imiyalelo ethethwayo nebhaliweyo. Akasoloko etshintsha amacala ngokucha-nekileyo. Uyakwazi ukulinganisa ezinye zeentshukumo.	Uyayilandela imiyalelo ethethwayo nebhaliweyo amaxesha amaninzi. Uyakwazi ukutshintsha amacala. Amaxesha amaninzi uyakwazi ukulinganisa iintshukumo.	Uyilandela kakuhle imiyalelo ethethwayo nebhaliweyo. Uyawatshintsha amacala, kwaye uyazilinganisa iintshukumo amaxesha amaninzi.	Uyayilandela kakuhle imiyalelo ethethwayo nebhaliweyo. Uyawatshintsha amacala, kwaye ulinganisa iintshukumo ngokuchane-kileyo ude uphele umdlalo.
EZEMITHAMBO: Umsebenzi wesi-2 woHlolo oluseSikweni: Iindidi zemidlalo (Iveki yesi-8 Lwesithathu/Lwesihlanu) NT iph 97 & 101					**5 amanqaku**
Umfundi uyakwazi ukubonisa: • Ukulandela imiyalelo. • Ukuqonda imithetho yomdlalo. • Ukuthatha inxaxheba ngokukhuthala emdlalweni. • Ukusebenzisana nabanye abafundi.	1	2	3	4	5
	Akakwazi ukulandela imiyalelo. Akayiqondi imithetho, kwaye akathathi nxaxheba kumdlalo. Akakwazi ukusebenza nabanye.	Ulandela eminye imiyalelo, uyazama ukulandela imithetho, kwaye uyayithatha inxaxheba kumdlalo. Ukusebenzi-sana nabanye kufuna ukuqwalaselwa.	Ulandela uninzi lwemiyalelo. Uyalwazi uninzi lwemithetho, kwaye uthatha inxaxheba kumdlalo. Uyakwazi ukusebenzi-sana nabanye abafundi.	Ulandela yonke imiyalelo. Uyayazi imithetho, kwaye uthatha inxaxheba kumdlalo. Usebenzisana nabanye ngokwane-lisayo.	Ulandela yonke imiyalelo kakuhle. Uyayazi imithetho, kwaye uthatha inxaxheba ngokupheleleyo kumdlalo. Ugqwesile ekusebenzi-saneni nabanye.
UKUQWALASELA IKLASI (Iveki yoku-1–9)					**20 amanqaku**
Inqaku eli-1 ngekhrayitheriya nganye					
1. Ukulandela imiyalelo 2. Ukunikana amathuba 3. Ukusebenza neqela 4. Ukuzufudumeza nokuzipholisa 5. Ukuxhathisa ngomlenze omnye 6. Ukuxhathisa entanjeni okanye kwisixhobo 7. Ukuhamba ngokugxanya; ukuhamba ngokushiya izithuba ezincinci phakathi kwenyawo; ukutsiba, ukungcileza	8. Ukuxhumela phezulu 9. Ukunyuka nokwehla ulandela isingqi 10. Ukuzolulela phezulu nasemacaleni 11. Ukuphosa nokuganga ibhola yentenetya 12. Ukudlala imidlalo yebhola ebethwayo, enjengebhola yeqakamba, yentenetya kunye noskurume 13. Ukudlala umdlalo wesintu 14. Ukulandela imithetho kweminye imidlalo	15. Ukuthatha unxaxheba kwmithambo yokuqubha/ yamanzi 16. Ukuthatha inxaxheba ekuziqhelaniseni nokuphefumla xa eqhubha. Ukuthatha inxaxheba kugqatso lwamaqela, umz. Irileyi 17. Ukutsiba, ukubaleka nokubaleka ngesantya esiphezulu uwedwa nakunye neqabane 18. Ukushukuma ngokukhawuleza kwimiyalelo 19. Ukuthatha inxaxheba kwimidlalo yokuqonda, njengokulandela imiyalelo yomlomo		
EWONKE					**30 amanqaku**

IGAMA _____ UMHLA _____

Kukho ntoni esibhakabhakeni ebusuku?

1 Kuyinyani okanye akuyonyani?

Kumnyele osesibhakabhakeni esiphila kuwo kukho iibhiliyoni zeenkwenkwezi. _____

Inyanga ayinakukhanya okukokwayo. _____

2 ✓ ukuba ikhupha okwayo ukukhanya.
✗ ukuba ibonisa ukukhanya kwelanga.

- ○ Ilanga
- ○ iMilky way
- ○ Isikhululo saseMajukujukwini
- ○ Iisathelayithi
- ○ Iinkwenkwezi

3 Tshatisa amagama nemifanekiso.



isathelayithi



umnyele osesibhakabhakeni

ibhola ebengezelayo yegesi

IGAMA _____ **UMHLA** _____

Ingqiqo

Funda ibali elithi, Iphupha likaSipho.

1 Iphupha likaSipho lali _____ .

○ vuyisa ○ ngaqhelekanga ○ soyikisa

2 USipho waxelela umakhulu ukuba kufuneka _____ .

○ babukele umabonakude
○ bakhangele umakazi wakhe
○ bathethe ngephupha

3 Inenekazi elalikumabonakude lalingu _____ kaSipho.

○ makhulu ○ mama ○ dade botatomkhulu

4 Bhala amanani ukubeka iziganeko ngolandelelwano.

○ Inenekazi lalikhangela umntakwalo.
○ USipho nomakhulu badibana nenenekazi.
○ Umakhulu watsalela umnxeba inombolo ekumabonakude.
○ USipho nomakhulu babukela umabonakude kunye.

5 Ndicinga uSipho waziva _____ , kwaye

_____ ukubona kwakhe uDuduzile, ngoba

_____ .

IGAMA _____ **UMHLA** _____

Okubanzi malunga nezidalwa zasebusuku

Tshatisa amagama nezidalwa.

esona sikhaphukhaphu

esona sithambileyo

esona sibukhali

esona sikhawulezayo

sitya inyama yodwa

sitya inyama nezityalo

sitya izityalo zodwa

Ucinga ukuba kutheni izikhova zibambisa zize zitye amanundu?

IGAMA _____ UMHLA _____

Bhala izandi

1	2	3	4	5

Fakela isandi esishiyiweyo.

isikho**n k w**ane

1 i_____avu

2 i_____e

3 um_____abo

4 ii_____ulamthi

5 i_____amza

IGAMA _____ **UMHLA** _____

Ulwazi oluyinyani malunga neencanda

Funda le tekisi yolwazi wandule ukuphendula imibuzo.

Iincanda zineentsiba ezibukhali emqolo. Ezi ntsiba zenziwe ngoboya obudityanisiweyo. Uninzi lweencanda zineentsiba ezimalunga nama-30 000.

Amantshontsho eencanda azalwa iintsiba zawo zithambile. Zithatha malunga neentsuku ezintlanu ukuba ziqine.

Iincanda zisebenzisa iintsiba zazo ukuzikhusela. Zingqisha iinyawo zazo, zize zivuthulule iintsiba zazo ukuze zoyike ezinye izilwanyana. Ukuba isilwanyana asihambi, incanda ibaleka ngomva ukuze iintsiba zayo ezibukhali zibambeke kweso silwanyana. Iincanda zingazenzakalisa iingonyama, amahlosi, izinja nabantu.

Incanda iphinda ikhule iintsiba ezintsha xa iintsiba zayo zisiwa.

IGAMA _____ **UMHLA** _____

Ingqiqo

1 Iintsiba zeencanda zenziwe _____ .

○ ngoboya ○ ngameva ○ ngamakhuni

2 Bhala ukuba **kuyinyaniso** okanye **bubuxoki**.

Ukuzikhusela iincanda ...

zingqisha inyawo zazo _____

ziyaziluma ezinye izilwanyana _____

zivuthulula iitsiba zazo _____

zileqa ezinye izilwanyana _____

3 Ingaba ayakwazi ukuzikhusela amantshontsho eencanda?

○ Ewe ○ Hayi

Ngoba? _____

_____

4 Zingaphi iitsiba zeencanda?

_____

5 Ingaba iincanda zikhe ziphulukane neentsiba zazo zonke? Nika isizathu sempendulo yakho.

_____



FOTOKOPELA EZOBUGCISA OBUBONWAYO

Funda Wande

Reading for Meaning

creative commons
CC-BY- 4.0

ISBN 978-1-991225-27-6
9 781991 225276

VERSION 2.0